


KUTHENI SINGELILO IHLELO?

 Ndinenyweba ukubuyela apha epulpitini kwakhona, emveni kwamalunga, ndiyaqikelela, phantse iinyanga ezintathu zokungabikho. Oonomatse bebenexesha elinzima, nam ngokunjalo. Owu, kundizolisile, nangoko, ngoku, kwaye uziva ngakumbi ukungena enkonzweni kwakhona. Kwaye kulindeleke ngoku ndiqale kule veki izayo, kubusuku balo uzayo uLwesithathi, ukwenzela i—invuselelo kanye apha emnqubeni. Kwaye ukuba uThixo uyavuma, ndinohlobo lo... INkosi indithembise olwahlukileyo nolutsha uhlobo lolungiselelo. Kwaye ukuba Ukhohisekile ukwenza njalo, ndithemba ukuluqala oluya—oluya lutsha uhlobo lwenkonzo kule veki izayo, apha emnqubeni, ukwenzela indawo yokuqala.

² Kwaye ngoko, andinamihlangano iqingqiweyo, kodwa nje iAustralia neNew Zealand, ukwenzela lo uzayo uJanywari. Kwaye ngoko uMzalwana uOsborn ubizela umhlangano wendibaniselwano ebendiye ndaba nokumthembisa apha kwixesha elithile elidlulileyo, eTulsa, kodwa emva kwexesha elincinci emva koko, kodwa asiqinisekanga ngako oko okwangoku.

³ Bekulungile ngokuqinisekileyo, Mzalwana uJeffreys, ukufumana ukubamba isandla sakho emva apha, kwaye nokuva inkwenkwe yakho icula langoma, kwaye wena udlala. Ndinokuyithanda lanto, uyise nonyana. Aniyithandi lanto? “Mkhulise umntwana ngendlela amele ukuhamba ngayo.” Kunjalo, Mnu. Guenther, ni—niyayazi ukuba oko kunjalo, nobabini. “Mkhulise umntwana ngendlela amele ukuhamba ngayo, aze xa esiba mdala ayisokuze imshiye.” Kwaye oko kuyinyaniso. Angakhona amaxa athile athi amnke kuyo, kodwa ayisokuze imnke kuye. Yabona? Iya—iyakusoloko ihleli naye. La ngqeqesho yasekuqaleni kwaye nantoni na akhuliselwe ukuyenza, iya—iyakuhlala naye ngokuqinisekileyo. Ngoku, oku yi. . .

⁴ Ndihlange ne noMzalwana uJeffreys phandle phaya, ndaze ndathi, “Mzalwana uJeffreys. . .” Ndacinga, uyazi, ndisoloko ndigcoba ukubona nawuphi na kubazalwana bam abangamandwendwe bekho, kodwa obunjalo ubusuku ukuba umzalwana olindwendwe aze! Obu bubusuku babantu nje abaza emnqubeni, nje phambi kwale mvuselelo. Obu bubusuku. . . Sifuna ukuthatha obu busuku, nentsasa yangomso, nobusuku bangomso, nje ngesikukholwayo apha emnqubeni, uku—ukuphinda sidlule kuko kwakho. Sinazo ezithile eziphumileyo kokuqhelekileyo iinkolo, ezingaqhelekanga kakhulu, kodwa ngandlela ithile okanye ngenye sizifumana kuleBhayibhile. Zibonakala ziphaya konke kanye.

⁵ Kwaye ngoku, ukuba kungakho ongaqhelanga umzalwana okanye udade phakathi, ongowelithile ihlelo, okanye—okanye ongangqinelaniyo, nje ohleliyo koku kobu busuku, sifuna wazi ukuba wamnkelekile ngokugqibeleleyo. Yabona, wamnkelekile nje njengoko unokuba nako. Kodwa ngoku ndiyathemba . . . Kwaye sikwenza oku rhabaxa kakhulu. Ngoko ukuba kubonakala ngathi awuvumelani nako, kuhle, ngoku, yenza njengoko ndenza ngako xa ndisitya icherry pie. Kwaye xa ndisitya icherry pie, eyintandane yam, ndisoloko, xa ndi . . . Xa ndiyitya ipie, ukuba ndihlangana nembewu, andiyilahli kude ipie. Ndi—ndilahla nje imbewu ndize ndiqhubeke ndisitya ipie. Ngoko, okanye njengokutya inkukhu. Ngoku, nonke niyayithanda nonke inkukhu, yabona. Kwaye xa ungqubana nethambo, awuyiyeki, ujikela nje ngaphaya kwethambo uze uqhubeke usitya inkukhu. Kuhle, nantso indlela omawenze ngayo ngobu busuku, endikuthethayo apha, uze nje . . . xa ungqubana nento, uthi, “Ngoku, a—andi nje . . . ndihleli nje koku, njengezincinci iiMfundiso zebandla, kule ilandelayo mithathu imihlangano. Benza nje ukuphinda ukudlula koko baku—koko bakukholwayo, kwaye bayakuphinda.”

⁶ Kwaye kuphela kwendlela ongasondela ekumenzeni umntu aYikholwe, kukuyibethelela kakhulu de babenokuyazi ukuba Nantso into echanekileyo. Oko kuphela kwendlela ongayenza incamathele. Njengomhlobo wam, uMnu. Wood ebendikunye naye; ukuba ubethelela isikhonkwane singene sime kwisiqingatha, ize ibhodi ibe iyekeyeke yonke, umoya uyakuyiwisela phantsi ngokukhawuleza. Kodwa kufuneka usibethelele singene, uyenze incamathele kakhulu. Ngoko ngoku ukuba ndikwenza nje oku kube krwada ngenene kwezinye zezi ndawo, kwaye kuni mandwendwe ngobu busuku ahleliyo, andi—andizami kunilahlela ngaphandle. Ndizama nje ukubethelela kweli bandla oko sikukholwayo. Bonke abakuqondayo oko ngoku ngokulungileyo ngenene, mabathi, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile. Oko—oko kulungile. Kwaye ngoku mandikususe oku ezandleni zam. Kuze ngoko—ngoko i . . . Bayakushicilela, kwanento enjalo, ukuze ekuhambeni kwexesha, ukuba bafuna ukufumanisa ngoko oko ngenene sikumeleyo, kwaye yeyiphi imihlaba esimi kuyo, oku kushicilelwa kuyakuyixela. Kwaye ngoko simana ukukwenza oku njalo, ngoba kukho abantu abatsha abangenayo kwaye—kwaye sihambela phambili. Kwaye ngoku asisokuze sikwazi ukuziphinda zonke iiMfundiso zebandla, kodwa nje ezinye zazo esifuna uku—ukuthetha ngazo. Kwaye ngoku, ubusuku bangoLwesithathu, nangona, kuqala . . .

⁷ Ngoku, ngoMvulo nangoLwesibini, ndiyemnka, ukuya kuthandaza, ukulungiselela inkonzo yempiliso. Kwaye ningangena eminxebeni, okanye naphina apho ninqwena khona, nize nizise nabani enifuna ukwenza njalo, ukwenzela

lemvuselelo izayo. Kwaye nibaxelele bangazi bengxamise ngoku, hayi ukuza, athi, “Kuhle, ngoku ndizakubaleka ndingene ndize ndithandazelwe, ngobu busuku. Nangobusuku bangomso, kukonke. . .” Awuyenzi lonto. Uyangena uze urnamele kuhambe ixesha, ngoba sifuna ukuthatha ixesha lethu size silondlale elaLizwi phandle ngokusondele kangako ukuze ongendawo angabi nalo nkqu nelincinane igumbi lokukhe ashukume. Uze ngoko xa uvumela ukhoho lwakho lufikelele esiphelweni salo, de uqalise ukukholwa, ngoko uvumele ingqondo yakho yangaphantsi iye ekusebenzeni, ngoko ukhoho lukaThixo luya kuyixhasa. Ngoko uyakuphuma kanye ngaphandle. Yabona?

Ngoba, ukhoho lwakho aluyi kwenza nto kakhulu kangako. Ingqondo yakho yangaphantsi kufuneka ihambe kwikhondo ukhoho lwakho elihamba kulo, kuze ngoko ukhoho lukaThixo lungene ngasemva luyingqine yonke. Yabona? Kodwa, ukuba lukhoho lwakho, “Owu, ewe, ndiyifumene kanye ngoku!” Kwaye nkqu nengqondo yakho yangaphantsi, iphenya emva apha, isithi, “Azi ukuba izakusebenza na kum?” Ayisokuze iyenze, kanye ngoko. Yabona? Ngoko sifuna le ibe yeyenene inkonzo yempiliso. Kwaye phambi kokuba ndifake nabani na emagumbini, kwanento enjalo, ukwenzela impiliso, okanye ezinkonzo zintsha, ndifuna bakuqonde ngenene oko bangenela kona phaya. Ngoko nje khumbula, kwaye uze usindwendwele, kwaye siyakugcoba ukuba nawe.

⁸ Ngoku khumbula, ngoku, kusasa, sizakuqhubekela phambili ngeMfundiso yebandla. Nangobusuku bangomso ngalo ndlela inye. Ngoku namnkelekile ukuza, kwaye nabani na angeza. Sisoloko sigcoba ukubona nabani na. Kodwa ngoku oku, ngobu busuku, kujoliswe nje kubantu abangabalomnquba apha, aba—abakhuliselwe kuleMfundiso. Kuba, phandle entsimini, kwintsimi yovangelo, sithatha nje ezenene ezeziseko, ezovangelo iiMfundiso zeZibhalo. Kodwa apha emnqubeni, sinezethu iingcinga kwanezethu iinkolelo, njenge—njenge—njengebandla, kwaye koko esiza kudlula kuko kwakho, ngobu busuku.

⁹ Kwaye phambi kokuba sivule iLizwi laKhe elisikelelekileyo, asinakukhe siqubude iintloko zethu umzuzwana ukwenzela umthandazo?

¹⁰ Onamandla onke nozele amandla uThixo, Owathi, phambi kokuba ihlabathi lakhe laqalisa ukujikeleza kwi—atom yokuqala, WawunguThixo. Awukaguquki nakancinci. Kwaye naxa kungasekho zi—atom zokulibamba, kwaye kungasekho hlabathi lakubanjwa, Uyakube usenguThixo. Ungowanaphakade, kwaye uvela kunaphakade. Wena unguThixo. Awuzange ube nasiqalo sazintsuku, nasiphelo sobomi. Uyakusoloko ukho. Kwaye, Bawo, Wena ungenasiphelo, kwaye thina sinesiphelo, ngoko sicela inceba yaKho yoButhixo, Thixo, siqonda ukuba lomoya wethu uzakuxubana ungene kuNaphakade, uphume kumalungu exesha, ungene kuNaphakade. Ngoko ke, Nkosi, silapha ukuza

kuhlola usindiso lwethu, ukuze sibone ukuba simi njani kwimihlaba yeLizwi Lakho, kwaye sibone ukuba sihleli njani kumava ethu. Ingaba siphila oko kukholisekileyo kuWe? Ingaba umoya wethu uyangqinelana noMoya waKho? Kwaye ingaba imfundiso yethu iyahambelana naleBhayibhile? Kwaye, Bawo, singa singazihlola zombini, ngokusondeleyo, kwezi zilandelayo zintathu iinkonzo zizayo. Sinike oko, Nkosi.

¹¹ Sikelela umalusi apha, amagosa, abathenjwa, kwanalo lonke ibandla, abantu abaza kwelibandla. Sukela kwimihla yam apha, Nkosi, kukho abaninzi, baninzi endingabaziyo nkqu namagama abo, okanye bavela phi, kodwa ndiqinisekile ukuba Wazi konke ngabo. Kwaye silapha ngalo njongo inye, ngobu busuku, Nkosi, ukuba nobudlelwane ngeLizwi elibhaliweyo. Kwaye sinike uMoya oyiNgeweze ezimpilweni zethu, ukuze sibe nokuhlala ngoxolo, sisezingqondweni, nasekoyikeni uThixo, size sihlale ubomi bethu ngeLizwi Lakhe. Sinike oko, Nkosi.

¹² Kwaye kwesi sakhiwo, ngobu busuku, Nkosi, kukho abazalwana bam bezigaba ezahlukileyo ze—zebandla. Kwaye, Nkosi, ndinombulelo ukuba babe lapha ukuza kudlelana. Mhlawumbi singangangqinelani ngezincinci izisekelo zeeMfundiso. Kodwa kwesiya sinye sikhulu sisesona isisekelo, simi njengabamanyeneyo abazalwana kwidonga langaphambili. Ukuze, Owu Thixo, inga ingomeleza uku—ukudlelana kwethu, kwanezethu...kuze iintambo zobabalo lukaThixo nothando ziphumle phezu kwethu ngobutyebi. Ngoku, siqonda, Nkosi, ukuba oku kungumsebenzi omkhulu kakhulu ukuba wenziwe ngumntu, ngenxa yokuba sinayo apha phantsi kwengqwalaselo, ngobu busuku, isiphelo sokugqibela semiphefumlo esingezingqondweni kunaphakade. Ngoku siyathandaza ukuba uMoya oyiNgeweze uyakungena kanye eliZwini, kwaye aLondlale phandle aze aLicacise ngendlela EyeyaKhe, kuthi, izinto Ayakufuna sizazi. Sinike oko, Nkosi. Kuze xa ezi zintathu...amaxesha eenkonzo edlulile, singa singahamba njengebandla elomeleziweyo, njengabamanyeneyo kunye, sibeke iintliziyi zethu nesikufunayo konke kunye, kunye nabethu abemi boBukumkani bukaThixo, size siye phambili ngendlela esingazange senze ngayo naphambili.

¹³ Ndifuna ukuKubulela, Nkosi, apha ebukhoneni bebandla kwaye nababantu abalapha, ukuba Undinike ngoku eziliqela iiveki zokuphumla. Ndiziva ngokumangalisayo ngobu busuku ngenxa yoBukho Bakho nentsikelelo yaKho. Owu Thixo, sithandazela umzalwana apha, umzalwana wethu oya phesheya kweelwandle, kude ezantsi kulawo amnyama, aluzizi amazwe, apho ubomi bakhe ngenkqu buyinto ekufunzelwa ukuchana yona. Owu Nkosi, sikelela uMzalwana wethu uJeffreys njengoko ehamba, nonyana wakhe, nomfazi wakhe, uze umnike okukhulu ukwanda. Yanga angasika imingxunya egqobhoza ubumnyama kude ukuKhanya kweVangeli kukhanye kude nabanzi. Sive,

Bawo, ngoba sicela esi sicelo sisesikweni eGameni leNkosi uYesu, uNyana waKho. Amen.

¹⁴ Ngoku, ngobu busuku, ndifunda kweyam encinci iBhayibhile yeScofield. Ndisandula nje ukudlula amashumi amabini anesihlanu ubudala, kungekudala. Kwaye ndisenako ukuyifunda, kodwa iyafiphala kakhulu. Ngoko ndizifumanele isibini seendondo zamehlo zokufunda xa ndifundisisa, kwaye ndizakubona ukuba isebenza njani ngobu busuku, okokuqala kwam.

Ngoku ndinezihloko, njenga le, ukuba, “Limele iBandla . . .” Owu, izinto ezininzi, ukuba singafika kuzo. Enye yazo, “Kutheni sibizwa ngokuba siliBandla? Kutheni singelilo ihlelo? Kutheni—kutheni sikholelwa kukhuseleko lwaNaphakade lomphfumlo wekholwa? Kutheni sibagweba abashumayeli abangabafazi? Kutheni sibhaptiza ngokuntywilisela? Kwaye ingaba iBandla liyakudlula kwiMbandezelo?” Kwanezininzi zezo zihloko apha, ndiyaqikelela ndineshumi elinesihlanu okanye ishumi elinesibhozo sazo, ukwenzela ubusuku obulandela obumbalwa.

¹⁵ Ngoko ndiyacinga, ngobu busuku, ukuqala nge, ukuqala nge, kubonakala ukuba iNkosi ibeka entliziyweni yam nje ukwenzela esi sihloko, i . . . *Kutheni Singelilo Ihlelo?* Isizathu sokuba . . . Ngoku, asinanto ichaseneyo nabanye abantu abalihlelo. Asinanto ichaseneyo nabo, kodwa ndifuna ukucacisa ukuba kutheni singazange singene nakweliphi ihlelo. Ndamiselwa kwibandla elincinci lamaBhaptizi, njengoko nisazi. Kwaye amaBhaptizi awalohlelo, bebekade bengelilo, kwade kwakutshanje, kwaye ngoku iye isiba lihlelo kangako njengabanye babo. Kodwa, isizathu sokuba singazange sibe lihlelo . . .

¹⁶ Ngoku, singuwo umbutho. Singumbutho, sishicilelwe apha ezi—ezinkundleni, njengombutho, iqela labantu eliziqulunqileyo kunye ukwenzela ukunqula uKristu, kodwa asikho kwihlelo. Akukho namnye ozakongamela phezu kwethu, uyabona. Asilo hlelo. Ngu—ngumbutho nje, ubudlelwane phakathi kwamakholwa angamaKristu. Abantu beza apha ebandleni. Kuze eli ibe libandla elilikhaya labo ukuba banqwenela ukuza, okokoko bephila.

¹⁷ Kwaye bangeza apha bangangqinelani nayo yonke into esiyishumayelayo. Oko kulungile ngokugqibeleleyo. Use, lonke ixesha usengumKristu, unabo ubudlelwane, kwanesandla esivulekileyo nje ngokufanayo nabo bonke. Yabona? Ukuba ndithe ndiyakholwa kukubhaptiza ngokuntywilisela, ube wena ukholwa kukuphehlelela, uze uhlale kanye kuyo, siyakuba njengoko besiya kuba njalo ukuba sobabini besingqinelana. Singangabi nako ukubona ngasonye, ngokufanayo. Kodwa lonke ixesha ungumzalwana okanye udade ongumKristu, wamnkelekile ngokugqibeleleyo, yabona, wonke umntu.

¹⁸ Ngoko asinalo naliphi ihlelo, ngenxa yokuba ndicinga ukuba ihlelo lahlula ubuzalwana. Abanye babo bayakuthi, “Kuhle, asinanto yakwenza kulamvuselelo. Leya yimvuselelo yamaWisile.” “Kuhle, abaya ngamaBhaptizi. Asinanto... SingamaWisile. Asinanto yakwenza nayo.” Mzalwana, ukuba uKristu ukuyo, sinayo—sinayo yonke into yokwenza nayo. Sifanele sifake okwethu... Ngu—nguMzimba kaKristu o—obulalekayo. Kwaye ndiyakubona oko kakhulu emihlabeni namhlanje, ukuya kwindlela esiye... Ngoku, uKristu akazange, nangaliphi ixesha, wakha waqulunqa naliphi ibandla elilihlelo. Ngoku, vumela nje oko kuqinisekiswa kakuhle.

¹⁹ Ngoku, ngoku, ndizakunibuza ngomso ebusuku, ukuba nayiphi na yezi zinto ofuna ukuyazi, njengembali ethile endiyicaphulayo, okanye into ethile engenye. Andinalo ixesha nje lokuyizisa ngokupheleleyo, andiyikufikelela kwesinye isihloko, ngoba ungachitha iiveki kwesiya sinye isihloko. Kodwa ukuba ufuna ukwazi indawo, nantoni na, ndibuze nje, uze uyibeke phezu apha kwi—kwidesika, kwaye ndiyakwenza uyiphendulelwe.

²⁰ Ngoku, elona lidala ihlelo, kwaye elokuqala ibandla elilihlelo esakhe sanalo, libandla lamaKatolika. Kwaye laqulunqwa kwiminyaka engamakhulu amathathu anento emva kokufa kompostile wokugqibela. Kwaye oko kunjalo. Uyakukufumana kwabangaphambili ooBawo base Nasiya, kwaye uyakukufumana kwimibhalo kaJosephus, kwaye, owu, abaninzi kwa—kwabezembali abakhulu. Yabona? Kwaye nakude ukuya kwi—kwi... nakwesiphi sezigaba zamabandla, ukuhla ukugqobhozela kude kube kukufa kompostile wokugqibela, kwaye amakhulu amathathu eminyaka kwelinye icala labapostile, kwakungekho mabandla abuhlelo. Kwaye iKatolika yaba lelokuqala ihlelo lebandla.

²¹ Kwaye ibandla lobuProtestanti ngamahlelo aphume kwihlelo. Uhlaziyo lokuqala lweza, yayinguLuther; emva koLuther kweza uZwingli, emva koZwingli kweza uCalvin, kwaye nje ngokuqhubekayo ukwehla ngolo hlobo. Nokwehla ukuya kweyobuWisile iMvuselelo, kwanokuqhubeka ukuhla kuAlexander Campbell, uJohn Smith, nabangaphesulu, yabona, ukuqhubeka ukuhla. Kwaye ezokugqibela iintshukumo esinazo ukuza ngoku zizigaba ezohlukeneyo zesigaba sakwaMoya.

²² Kwaye ndiyakholwa ukuba uThixo usebenzile kwisigaba ngasinye. Kodwa wakha wayiqaphela into yokuba, lonke ixesha ibandla lakhe lasilela, kwaye ngokukhawuleza nje ukuba bazihlele bayaqalisa ukusilela kanye ngoko? Kwaye nanini na xa besilela, uThixo akaphindi alivuse elabandla kwakhona. Liya kanye ngqo embewini. Ngoku uthi nje... Ukuba ufuna ukuyazi imbali koko, si—singayivelisa, ukuba—ukuba akukho bandla, hayi nakanye kwimbali yamabandla, elathi naliphi ihlelo elakha lawa elathi lavuka kwakhona. AmaBhaptizi,

amaWisile, amaRhabe, amaLuthere, nantoni elingayiyo, xa bathi bawa, bamnkile. Ngoku, oko kunjalo. Ngoku, oku, ndi—ndinixelele ngoku, nxibani ibhatyi, ngoba siza kukwenza oku kuncamathele. Yabona? Akuzange, ngaxesha linye. Xa umntu waphuma njengesiqu waza waqulunqa ibandla, laqala.

²³ UThixo usebenza ngeziq, hayi ngehlelo. UThixo akukho nakwesiphi isigaba wakha wasebenza ngehlelo. Wasoloko esebenza ngesiqu. KwiTestamente eNdala, Wasebenza ngesiqu. KwiTestamente eNtsha, Wasebenza ngesiqu. Nakwesiphi isigaba, Wasoloko esebenza ngeziq, kwaye hayi ngamahlelo. Ngoko, ngoko ke, ukuba uThixo akekho kwihlelo, kunceda ntoni ukuba mna ndibe nantoni na yokwenza nayo njengehlelo? Ngoku, andithethi ngabantu abakwilahlelo, ndithetha ngehlelo ubuqu balo, ngoba abantu bakaThixo bakuwo onke lomahlelo.

²⁴ Ngoku, uThixo akavumeli nantoni na yenzeke ngaphandle kokuba Anike isilumkiso kuyo. Andikholwa kukho nantoni na e . . .

²⁵ Ngoku, njengokuba sinemiba ephuma, kumabandla, njengale sisandula kuba nayo kutshanje malunga negazi ne-oli, kwaneento ezinjalo. Kwaye niyayazi incwadi “Mzalwana uBranham Othandekayo,” kwanezinto ezinjalo. Kodwa isizathu sokuba ndime chaseneyo nalanto, ngenxa yokuba ayikho eLizwini. Kwaye nasi isizathu sokuba ndichasane nobuhlelo, ngenxa yokuba ayikho eLizwini. Kwaye kufuneka ibe nento esinayo yokusekela ukholo lwethu phezu kwayo. Kwaye ukuba asinakulusekela phezu kwehlelo elithile, kufuneka silisekele phezu kweLizwi likaThixo. Ngoba Oko kuphela kwesiseko, liLizwi likaThixo.

²⁶ Kwaye ukuba iLizwi likaThixo alithethi ngahlelo, kodwa lithetha chaseneyo nehlelo, ngoko simele ukuthetha kunye neLizwi. Akukhathaliseki nokuba ubhishophi, nantoni ubani ayithethayo, nantoni ubani ayicingayo, nantoni indoda elungileyo eyithethayo, nantoni ethethwa nayintoni na, ukuba ayikho ngokweLizwi likaThixo, ngoko iphosakele. Yabona? Limele, iLizwi limele ukuba yinto yokugqibela. ILizwi likaThixo limele libe ngu-amen wokugqibela.

²⁷ Ngoku khumbula, andenzi nabani angabi ngumkristu (niyayiqonda) emahlelweni. Kukho amashumi amawaka emiphefumlo exabiso linqabileyo kuwo onke lomahlelo, abangabantwana bakaThixo. Kodwa ukubahlula nokubacalula, ndichasene nako. Kwaye iLizwi likaThixo lichasene nako.

²⁸ Kwaye ndiyakholwa ukuba akukho ism isemhlabeni namhlanje, akukho ism eyakhe yabasemhlabeni, kodwa eyathi yaxelwa kwangaphambili ukuza kwayo, liLizwi likaThixo. Ndiyakholwa ukuba iLizwi likaThixo libonelela yonke into esinesidingo sayo, kanye apha eLizwini. Ukusukela kwi . . . isiqalo sethu ukuya ekupheleni, kufumaneka kanye eLizwini

likaThixo. Kwaye ngoko ndi—ndiyakholwa ukuba iseLizwini likaThixo, ngoko simelwe...Ixela kwangaphambili. Kwaye iLizwi likaThixo sisilumkiso.

²⁹ Ngoku, awulifundi iLizwi likaThixo njengokuba ufunda iphephandaba. Ulifunda iLizwi likaThixo ngoMoya oyiNgcwele, yabona, ngenxa yokuba uMoya oyiNgcwele ngokwaWo uthetha ngoKristu. UKristu ebulela uThixo ukuba Ezifihlile ezi zinto kumehlo ezilumko neengqondi, aze azityhile kwiintsana ezo zingafunda. Ngoko, uyabona, akukho ndlela onokuze ube ngoyifundeleyo, akukho ndlela yokuze ube ungayihlela. Inye kuphela indlela yokuyichana, kukuba, khokhelwa nguMoya kaThixo. Kwaye lamava ube nawo kumele amelane neli Lizwi. Yabona? Ngoko uyifumene. Yabona?

³⁰ Njenga xa sifika ezantsi apha kwimizuzu embalwa ngoku, sisebenza ngabantu aba—aba...Abanye babo ngamaCalvin andlongondlongo, abanye babo ngama Arminia andlongondlongo, kwane—kwane zahlukileyo iindlela. Ngoku, kusoloko kukho, nokuba uyisika ngokubhityileyo kangakanani, inamacala amabini kuyo. Oko kunjalo ngqo. Kwaye omabini anamanqaku okuxoxa. Kodwa, into yayo yile, ilele phi iNyaniso yayo? Kulapho siza khona, apho sicinga ukuba, ngobabalo lukaThixo, sikubonisa iNyaniso yayo. Ngoku masithatheni nje...kwaye oku kulapho nje ndibhale khona ezinye zezimfundiso zebandla khona.

³¹ Masityhileni kwiiBhayibhile zenu, imizuzu nje embalwa, nonke nina ngoku. Kwaye masiyeni ngaphaya kwiZityhilelo, isahluko soku 1; okanye iZityhilelo, isahluko se 17, ukuqala ngayo. Kwaye masiqaliseni nje ukufunda size sifumanise ukuba kuphi apho lamabandla aqala khona, kwaye yintoni—yintoni eyayiqalayo. Ngoku, iBhayibhile ilumkisa kwangaphambili yonke into. Ilumnkisa imihla esi—esiphila kuyo. Kwaye ngoku, iZityhilelo, isahluko se 17, ukuba niyakwenza njalo. Ndithe ese 13, bendingathethi oko, oko kukwi...Sikufumana okuya emveni kwexesha, nako, okuya kukwisiprofeto seZizwe eZimanyeneyo. Kodwa mamela ngokusondeleyo ngenene ngoku.

Saza seza kum esinye sazo izithunywa ezisixhenxe ezineengqayi zosixhenxe, sathetha nam, sisithi... Yiza phezulu; ndize ndiyaku bonisa... ukugwetywa kwalo ihenyukazi elihleli phezu kwawo amanzi amaninzi:

³² Ngoku khumbula, oku kuvakala kuyinto efihlakeleyo. Ngoku lomfazi udume kakubi, ngoku, ukuba siza kukufundisa oku, kufuneka ufumanise kuqala ukuba ezimpawu zithetha ntoni. Ngoku, *umfazi*, eBhayibhileni, umela “ibandla.” Bangaphi abayaziyo lonto, ukuba singuMtshakazi? IBandla linguMtshakazi.

³³ “Yiza apha ndize ndikubonise ukugwetywa.” Ngoku, kuzakubakho ukugwetywa okuthethiweyo phezu kwehenyukazi

elikhulu, umfazi ongcilileyo ohlala phezu kwamanzi amaninzi. Ngoku, *umfazi* eluphawu “lwebandla,” kwaye *amanzi* aluphawu “lwabantu.” Ngoku, ukuba uyakuyiqaphela, nayo, jonga, umqolo we-15 ngexa uselapho, umqolo we-15, isahluko esinye.

*Saza sathi kum, Amanzi owawabonayo, apho
lihleli khona ihenyukazi, ngabantu, . . . nezihlewe, . . .
neentlanga, nolwimi. (Yabona?)*

³⁴ Ngoku, elibandla likhulu, umfazi omkhulu, ngoku khumbula ungumfazi odume kakubi. Kwaye ukuba umfazi umele ibandla, (kwaye iBandla likaKristu linguMtshakazi, uMtshakazi ongcwele), ngoko nanku umfazi ongekho ngcwele. Ngoko kuyafumaneka ukuba ngongekho ngcwele, ozena ngathi, ngumtshakazi. Yabona? Ngoku, kwaye wenza ntoni? “Uhleli phezu,” okanye ukuba *ngaphezu*, kuthetha, “ukuba nolawulo phezu kwamanzi amaninzi.” Ngamanye amazwi, unamandla kuzo zonke izizwe neelwimi nabantu. Ungumntu omkhulu, lo mfazi unguye.

Ngoku, *abahenyuze nalo ookumkani bomhlaba, . . .*

³⁵ “Ngoba ookumkani bomhlaba bahenyuzile,” amadoda azizityebi, amadoda amakhulu akwenzile. Ungakwenza njani, ingakwenza njani ikumkani, ukuhenyuza nebandla? Luhenyuzo lakwamoya. Ngomoya! Yintoni uhenyuzo? Ku, kuhle, kunje ngomfazi ophila ngokunganyaniseki emyenini wakhe. Uphila nenye indoda ngexa enaye umyeni. Kwaye elibandla, ngoko, li—lizenza ngathi linguMtshakazi kaKristu, ngexa lihenyuza nookumkani behlabathi, ngokuphila kwakhe okungcolileyo, ubungqina obungcolileyo. Owu, Inzulu kwaye Ityebile. Ndiyalthanda nje iLizwi. Ngoku qaphela.

*. . . abahenyuze nalo ookumkani bomhlaba, nabo
bawumiyo umhlaba banxiliswa yiwayini yobuhenyu
balo.*

³⁶ Eyakhe “iwayini” koko ebekukhupha, olwakhe uvuso, “Sililo iBandla! Singabo abayifumeneyo.” Yabona? Ngoku, kuzobe oko engqondweni yakho ngoku. Kulungile. “Ngoko wandi tha- . . .”

³⁷ Ngoku, isithunywa samxelela uYohane, “Ndzakubonisa oku kugwetywa kuza kweli bandla likhulu.” Ngoku bukela.

*Sandisa entlango ndikuMoya: ndabona inkazana
ihleli phezu kwerhamncwa elimfusa, . . .*

³⁸ *Umfusa*, eBhayibhileni, umele “ubukumkani.” Umbala *umfusa* uthetha “ubomvu.” Kwaye *irhamncwa* limele “Amandla.”

Uqaphele, irhamncwa livela liphuma elwandle, oko bekukwiSityhilelo, se-13. Kwaye xa ubona irhamncwa livela liphuma elwandle, kuthethwa ukuba lamandla avuka phakathi kwabantu.

Kodwa kwiSityhilelo se-13, xa le mvana yavelayo, yavela iphuma emhlabeni, akukho bantu, iZizwe eZimanyeneyo. Kodwa ngoko, emveni, yayineempondo ezimbini ezincinci, amandla empucuko nawezakwalizwi. Yaze yamnkela amandla, yaze yathetha njengenamba ibithetha ngaphambi kwayo. Ngoko kuzakufuneka nje uyiphawule phantsi, siza kungena kwintshutshiso yenkolo nezinto ezinye abazenzayo kwiRoma yezithixo iminyaka emininzi eyadlulayo, ngoba ingu ITSHO INKOSI.

Ngoku yibukele. “Ihleli phezu kwerhamncwa, amandla.”

³⁹ Umqaphela uRebheka? Xa uEliyezere wamfumanayo, kwakungexesha langokuhlwa, kwaye wayiseza inkamela. Ngokuba, uEliyezere wathi, “Ukuba intombi eyakuza ize iseze inkamela, iyakuba . . . ize indinike isiselo, iyakuba yileyo Uyikhethileyo, Nkosi, ukuba ibe ngumtshakazi wesicaka saKho, uIsake.” Kwaye ngexa waye sesemthandazweni, uRebheka weza wawakha amanzi waze wamnika isiselo, waze waseza inkamela. Qaphela, inkamela yayilirhamncwa. Kwaye elarhamncwa linye wayeliseza, yaba lilo elamthwalayo ukumsa kumtshakazi wakhe, uIsake.

⁴⁰ Kwaye, namhlanje, amandla oMoya oyiNgcwele, iBandla eliwasezayo neliwanqulayo, yileNto ezaKulithwala ukulisusa kulomhlaba, ukwenzela ukuhlangana noMtshakazi. Ngokuqinisekileyo, uIsake wayephandle entsimini, ngokuhlwa. Asihlangani neNkosi phezulu eBuqaqawulini. Ama-Efese, isahluko sesi-5, sithi siyakuhlanguana naYe emoyeni. Owu, oko kwenza amaWisile alungele ukukhwaza. Yicinge! Yabona? INkosi . . .

UIsake wayephumile endlwini kabawo wakhe, kwaye wayephandle entsimini xa wabona uRebheka esiza ekwinkamela. Kwaye wamthanda, eqala ukumbona, waze watsiba wehla kwinkamela waze wabaleka ukuya kuhlangana naye. Kunjalo. Kulapho sihlangana khona neNkosi. Kwaye kwayona le nkamela wayisezayo, yamthwala ukumsa kumyeni wakhe.

Kwaye kwawona laMandla iBandla eliwanqulayo, ihlabathi eliwabiza ukuba lubaxo, iBandla eliwanqulayo, iyakuba ngalaMandla manye azakulithatha iBandla alinyuse emoyeni, “Ukuya kuhlangana neNkosi emoyeni.” UMoya oyiNgcwele! Yabona? Kukho i . . .

Kwaye, jonga, uRebheka waye eyintombi.

⁴¹ Kwaye lo mfazi ulihenyukazi, esithetha ngaye apha. Ngoku, uyayifumana ukuba yintoni Amandla ngoku? A—Amandla, yintoni ekuyithethayo, okuya, irhamncwa. Waye ekwelimfusa. Ngoku, luhlobo olunjani lerhamncwa elingalilo? *Mfusa*, lawo iyakuba “ngasisityebi” amandla. Luhlobo olunjani lebandla eli azakuba lilo ngoku? Ulibandla elisisityebi, kwaye

ulibandla elikhulu, kwaye ulibandla eligwele amandla, kwaye impembelelo yakhe itshayela izihlewe nabantu. Kwaye iikumkani zehlabathi zihenyuze ngomoya kunye naye, lawo ngamadoda amakhulu omhlaba. Ngoku siza kufumanisa ukuba ungubani, nje emzuzwini, size sifumanise malunga nalamahlelo.

Yaye inkazana leyo ithiwe wambu ngengubo emfusa (eyobukumkani), . . . ithiwe wambu ngengubo emfusa nebomvu imibala, . . . ihonjiswe ngegolide namatye anqabileyo . . . neeperile, inendebe yegolide esandleni sayo izele lisikizi nezingcoliso zobuhenyu bayo:

⁴² Yintoni anayo esandleni sakhe? Imfundiso yakhe, lento ayikhuphayo ebantwini, “Sililo iBanda. Siyiyo le.” Kwaye uzenze iikumkani zehlabathi zanzila nguye, ngolo hlobo. “Siyiyo le. Singamandla amakhulu! Sitshayela zonke izizwe. Silelona likhulu ibandla likhoyo. Yizani, selani eyethu . . . Nantsi, galela intwana yayo. Wena yithabathe. Wena yithabathe.” Nantso ke, yabona. Waye enayo esandleni sakhe indebe. Jonga.

Yaye inkazana leyo ithiwe wambu ngengubo ebomvu nemfusa imibala, . . . ihonjiswe ngegolide namatye anqabileyo neeperile, inendebe yegolide esandleni sayo izele lisikizi nezingcoliso zobuhenyu bayo:

⁴³ Ngoku, zihlobo, asifundi phephandaba lemihla ngemihla. Sifunda elikaThixo elinguNaphakade nelisikelelekileyo iLizwi. Onke amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi liyakuhlala. Kunjalo.

Kwaye entlokweni yakhe kubhalwe igama, kuligama libhaliwe, gxebe, IMFIHLELO, IBHABHELI ENKULU, UNINA WAMAHENYUKAZI, NOWAMASIKIZI OMHLABA.

⁴⁴ Ngoku, apha ngaxesha lidlulileyo, andicingi ebandleni apha, kodwa ndashumayela kwisihloko, *Umbhalo Eludongeni*, ndaze ndanika ukuma kwembali yeBhabheli. Ngoku, yonke i-ism eyakhe yavela, yonke inkolo nayo yonke i-ism ekhoyo ehlabathini namhlanje, yaqala kwiGenesis. Ngoku, ukuba uyakufumana ezikaHislop *IiBhabheli Ezimbini*, ukuba ufuna ukuyileqa kwimbali, okanye ezinye zezo ncwadi zilungileyo, ungafumana nkqu yonke i-ism ofuna ukuyifumana. Ndizakunibuyisela emva phaya kwimizuzu embalwa, kubashumayeli abangabafazi, yabona, kwaye ndikubonise nje apho yaqala khona, yabona, emva kwiGenesis. Kwaye nakwezi zinto zahlukileyo, nje zinyuka njani ukuphuma kwiGenesis. *IGenesis* ithetha “isiqalo”. Bangaphi abayaziyo ukuba oko kuchanekile? IGenesis sisiqalo. Ngoku, yonke into ekhoyo, kwafuneka ibe nesiqalo.

⁴⁵ Xa ndijonga umthi . . . Bendise mahlathini ezimbalwa, ezintathu, malunga nezimbini iinyanga. Ndibona umthi, unjani ukuba mhle. Ndiyawubona, uyehla; omnye uyenyuka endaweni

yawo, ubomi obuqhubekekayo. Kwaye ndicinge ngoko. Kodwa ndaweni ithile lamthi waba nesiqalo. Kwafanela ube nesiqalo. Kwaye ukuphela kwendlela ubekelwe ukuba ngumthi, okanye ube ngum'oki, okanye ibeech, okanye umpampiri, okanye owamahlamvu, okanye nantoni na owawuyiyo, kwakumele kubekho Ubukrelekrele obuyingcaphephe emva kwayo. Okanye ukuba kubekho nje omnye, kwabakho omnye umthi wom'oki, yonke into emhlabeni ngeyaba ngumthi wom'oki yonke. Kodwa Okuthile, okukhulu, Ubukrelekrele obuyingcaphephe, kwamela ikubeke ngolungelelwano.

Malibongwe iGama laKhe eliNgcwele! NguYe Obeka inyanga neenkwenkwezi kwinkqubo yesibhakabhaka. Wabeka yonke into kulungelelwano lwayo. Kwaye Uzakulibeka iBandla laKhe kulungelelwano. Lizakujika nje ngoluhlobo Afuna Lijike ngalo; empuma, entshona, emantla, okanye emazantsi, okanye nantoni na Ayiyo. Xa sikhupha ezimbono zobuhlelo engqondweni yethu size siziphose ngokupheleleyo eKalvary. Uyakulibeka ngolungelelwano, ukuba nje singabathobeleyo njengemithi nenge indalo yaKhe. Awukhe ubone inyanga isithi, "Andizukukhanya ngobu busuku. Abanye benu zinkwenkwezi khanyani endaweni yam." Kodwa thina, owu, sahlukile, uyabona.

⁴⁶ Ngoku, iBhabheli, bukela iBhabheli yavela njani. Ivela ekuqaleni kweBhayibhile. Ivela esiphakathini seBhayibhile. Kwaye ivela ekugqibeleni kweBhayibhile. Ngoku, kukho into ethile. Ngoku, iqala ngoNimrod. UNimrod wayiseka iBhabheli kwiNtili yeShinare, kanye kufutshane phakathi koMlambo iTigris kwanomEfrati. Kwaye umEfrati ubudlula unqumla. Kwaye—kwaye indlela wonke umgaqo, kulo lonke elalizwe, ukhokelela ngqo eBhabheli. Kwaye ngalinye kulo masango ayemalunga namabini amakhulu eenyawo ukunqumleza, lomasango enziwe ngobhedu. Kwaye xa ungena ngaphakathi esixekweni seBhabheli, umgaqo ngamnye ukhokelela nkqo etroneni.

⁴⁷ Ngoku, ungaya eRoma, namhlanje, kwaye umgwaqo ngamnye uyakukhokelela eRoma. Kwaye kukho intombi uMariya encinci emi kwikona nganye, ekujikeni komgwaqo, noKristu ongumntwana esandleni sakhe, elathe landlela iya ngaseRoma. Yabona? Ivela ekuqaleni, iBhayibhile; ivela esiphakathini seBhayibhile; kwaye nantsi apha ikho ekugqibeleni kweBhayibhile.

Ngoku ndifuna nje ukufunda ukuqhubeka, nje ukwenzela embalwa imizuzu, ukuze uyifumane imvelaphi yoku. Yabona? Kulungile. "Ndaze ndabona umfazi," ngoku bukela, "ibandla." Xa ubona *umfazi*, cinga nje nge "bandla." Yabona?

...Ndayibona inkazana leyo inxilile ligazi labangcwele,...

48 Ngoku, livela phi igama *ongcwele*? Igama *ongcwele* livela “kowenziwe *ngcwele*,” okanye “*ongcwalisiweyo*,” ukwenziwa *ngcwele*. Kulungile.

. . . Ndambona enxilile *ligazi labangcwele*, . . .

49 Ngoku, ukuba lomfazi libandla, utshutshise abangcwele. Kwaye ulelona likhulu ibandla. Unamandla kuwo wonke umhlaba. Uphezu kwamanzi amaninzi. Kwaye u . . . ookumkani bomhlaba bahenyuza naye. Kuhle, ngubani? Uhlobo lwemfihlelo. Ngoku uMoya uzaku . . . Uyazi, kumele kubekho ezilithoba iziphlo zomoya ebandleni; kubulumko, kwaye esinye kukuqonda, kwaye esinye sempiliso, kwaye esinye *sokunjalo*.

. . . *naligazi labafela ukholo bakaYesu*: . . .

50 Kubonakala ngathi abazange bakhathale kakhulu into awayithethayo uYesu. Yinto elayithethayo ibandla. Injalo lonto. Kwaye oko kuchanekile, nako.

. . . *kwaye xa ndayibonayo, ndamangaliswa ngokumangaliswa okukhulu*.

51 “Ndamangaliswa ngokumangaliswa. Nda . . . Yayi ye—ye—yemangalisayo into malunga naye, indlela endathi ndamangala ukuba njani a . . .” Ngoku makhe nje ndithathe indawo kaYohane ndize ndizame ukukuvula okuya kancinane, yabona. UYohane wathi, “Nanko ehleli apho. Uphathelene nokuba libandla lobuKristu. Unako konke ukuvuleleka kwiimali zehlabathi. Uneekumkani zomhlaba phakathi ezinyaweni zakhe. Uyinto esisityebi kwanemibalala, kwaye njani ukuba anxile ngabafela ukholo bakaYesu? Angabatshutshisa njani abangcwele? Angathini ukubulala abo bafela ukholo bakaKristu? Kwaye abe ebanga ukuba nguMkristu, yena siqu, ibandla lobuKristu.” Ngoku bukela.

Saze sathi kum isithunywa, Umangaliswe yini na? ndokuxelela mna imfihlelo yenkazana le, neyerhamncwa eli liyithweleyo, kwaye li . . . neentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi.

52 Ngoku, oku kukufunda nje okuqhelekileyo apha ngoku. Nikubambe oku. Oku kuyakuba lula kakhulu.

Irahamncwa owalibonayo laye likho, kwaye alikho; kwaye liza kuhla liphuma . . . lizakunyuka liphuma enzonzobileni, kwaye limnke liye entshabalalweni: kwaye abo bemi phezu komhlaba bayakumangaliswa, abamagama angabhalwanga encwadini yobomi kuseloko kwaba sekusekweni kwehlabathi, xa belibona . . . xa ba—xa ba balibonayo irhamncwa elaye likho, elinge khoyo, likho noko.

53 Ngoku, ngoku oku kuzakufuneka kutswebe, ngoko naku. Wathi, ngoku qaphela, ukuba, “Xa bonke,” hayi nje abambalwa, kodwa, “bonke abemi emhlabeni bayakumangaliswa.” Bona

bonke baya kumangaliswa. Ihlabathi lonke liya kumangaliswa malunga nalo mfazi. Kukho nje elinye iqela elingayi kumangaliswa malunga nayo, kwaye abo ngabo banalo igama labo eNcwadini yoBomi yeMvana.

⁵⁴ Ngoku, ndingakhe nje ndisose ndicudusele oku ngaphakathi kanye apha, ngoba siza kufika singene kuko kwimizuzu embalwa. Yabona? Ayebekwe nini amagama abo eNcwadini yoBomi yeMvana? Kusukela xa invuselelo yokugqibela ababeye kuyo? Kubusuku ababeye esiguqweni? Kubusuku abazimanya nebandla? Andizami kunivisa kabuhlungu. Kodwa, ndiyakuxelela, iBhayibhile yathi, “Amagama abo abekwa kwiNcwadi yoBomi yeMvana sukela ekusekweni kwehlabathi.” Ngqo! Xa uThixo, ekuqalekeni, wabona ukuba Uyakuthumela uNyana waKhe, kwaye Uyakuthabatha indawo yomoni, xa iGazi loNyana kaThixo laphalazwayo. IBhayibhile yathi iGazi laKhe laphalazwa phambi kokusekwa kwehlabathi. Bangaphi abayaziyo iBhayibhile ithetha oko, ukuba, “iGazi likaKristu laphalazwa phambi kokusekwa kwehlabathi”? Xa elaGazi laphalazwayo, lonke ilungu loMzimba, abamagama abo abhalwa ngelaGazi, kwiNcwadi yoBomi yeMvana, ekusekweni kwehlabathi. Yintoni owoyika malunga nayo? Owu, mzalwana! Oko kuvula izitshixo zamasango, akwenzi njalo?

⁵⁵ Kuhle, ngoku makhe nje sifunde oku kanye apha, kwaye sibone ukuba yintoni oko okuya kuyithetha ngokuchanekileyo. Yabona? “Yaze ingelosi yathi kum, ‘Utheni uku...’” Ndiyakholwa ngumqolo wesi-8, “Kwaye irhamncwa owalibonayo...” Konke kulungile. Yiyo.

*Irhamncwa owalibonayo laye likho, kwaye alikho;
kwaye liza kunyuka liphuma enzonzobileni, ...*

Ngoku, sibuyela umva kokuya, kodwa ndifuna ukufumana oku kungokunye, ngoba sizakufika kuko.

*...kwaye liza kumnka liye entshabalalweni:
baze abo bemiyi phezu komhlaba bamangaliswe,
abamagama abo angabhaliweyo kwincwadi yobomi
sukela ekusekweni kwehlabathi, ...*

⁵⁶ “Kuzakubakho igquba phezu komhlaba,” ngamanye amazwi, “elizaku lahlekwisa,” ngoba wabalahlekisa. Kwaye kwabakho kuphela elinye iqela elingazange lilahlekiswe, kwaye yaba lelo elalinalo igama labo eNcwadini yoBomi sukela ekusekweni kwehlabathi. Singena koko emva kwexesha kancinci.

⁵⁷ Ngoku qaphela lomfazi, ibandla, waye eyi “iBhabheli, iMfihlelo.” Siyambona evela ngoNimrod. Yabe iyintoni injongo kaNimrod? UNimrod waseka isixeko waze wabangela zonke ezinye izixeko zihlawule umrhumo kwesi sixeko. Singanako ukuyibona into enjalo namhlanje? Ingaba ikhona indawo enjalo namhlanje? Ingaba likhona ibandla elinokongamela phezu

kwazo zonke izizwe ehlabathini? Ngokuqinisekileyo. Ingaba ikhona indawo namhlanje eyenza zonke izizwe zihlawule umrhumo kuyo? Ingaba ikhona indawo?

Masihambele phambili size sifunde okuseleyo koku, nje okuncinane, ukuze uwufumane wonke umfanekiso wayo. Konke kulungile.

...abalibonayo *irhamncwa* elaye *likho*,...*alikho*,
kwaye likho.

Kwaye nantsi ingqiqo enabo ubulumko.

⁵⁸ Ngoku, bangaphi abaziyo ukuba ubulumko sesinye sezipho zikaMoya? Ngoku, luhlobo olunjani leqela Athetha nalo, ngoko? Umele ukuba uthetha negela labantu abanazo izi—izipho zikaMoya zisebenza eBandleni.

...*nantsi kwi ngqiqo enabo ubulumko.*

⁵⁹ Ngoku, wena yima, kufumane oko konke ukudlula kwezi zigaba zamabandla apha. Kutsala kukhupha, uMoya oyiNgcwele uthetha phandle, indlela ezo zipho ziyakube zisebenza ngemihla yokugqibela. Ngoku, sinazo izipho zempiliso zisebenza. Owu, ku—kuhamba kakuhle. Kuhle, mzalwana, kukho ezinye izipho. Eso sesinye nje sazo. Eso yinto nje engenkulu encinane. Kuhle, nasi esikude ukuba sikhulu isipho kanye apha. Esiya kuba sesona singcono, isipho soMoya oyiNgcwele sobulumko, ukuhlanganisa iLizwi likaThixo nokubonisa iBandla apho simi khona, kunokuba nje kwenziwe othile aphile? Sonke siyakufuna ukuphila. Kodwa ndikhetha ukufumana umphefumlo wam uphilile, kunomzimba wam uphilile, nangaliphi ixesha. Owu, bethu!

Yiva uMoya oyiNgcwele uthetha ngoYohane, ePatimo, wathi, “Naku kubulumko. Makamamele Koku.” Senza umfanekiso uzobeke ngokuphandle apha. “Naku . . .”

Kwaye naku kwingqiqo enabo ubulumko. Iintloko ezisixhenxe ziintaba ezisixhenxe, ahleli phezu kwazo umfazi.

⁶⁰ Kukho kuphela esinye isixeko, endazi ngaso, ehlabathini . . . Kukho ezimbini izixeko, endazi ngazo, ezinesixhenxe okanye ngaphezulu iintaba kuso. ICincinnati sesinye sazo, esifanele ukuba libali eliyintsomi laseCincinnati. Yingcuka engumama, uyazi, oko . . . nokunjalo. Kodwa kunokuninzi ngaphezu koko kuyo. Kodwa akukho bandla linye longamele iCincinnati.

Kukho kuphela enye indawo kulo lonke ihlabathi, enebandla elihleli phezu kweenduli ezisixhenxe, elongamele ihlabathi liphela. Ngoku, ndisandula ukubuya phaya. Zonke ezo zinto.

Kwaye ndabona phaya apho yathi, “Kwaye naku kubulumko.” ISityhilelo 13. “Makathi onabo ubulumko awabale amanani erhamncwa, ngokuba linani lomntu.” Hayi igquba lamadoda, iqela lamadoda, kodwa “u” mntu. “Kwaye inani

lakhe ngamakhulu amathandathu anamashumi amathandathu anesithandathu.”

⁶¹ Ndimane ndisiva izihlandlo, ukuba, ngaphezu kwetrone yepope yaseRoma, kubhaliwe, “VICARIVS FILII DEI.” Ndamana ukumangala ukuba oko kuyinyaniso. Krwela umgca, kwaye uwukrwele ngamanani, amanani esiRoma, uze ubone ukuba injalo. Kuyinyaniso kanye. Ndema *kangaka* ukusondela kwisithsaba esintlahlo ntathu sepope, sikwiglasi, “Ummango wolawulo wesihogo, izulu, kwanentlambululo.” Yabona? Ngoko, ezo zinto, ndisandula nje ukubuya phaya, ukubuya nje eRoma kwaye ndiyazi ukuba kuyinyaniso. Ngoku siyazi ingumfanekiso ophumileyo.

Kwaye apha bona ookumkani abasixhenxe: abahlanu bawa (babesele bewile ngela xesha), kwaye omnye ukho (mnye uza kuza ngoku, eyayinguKhesare), kwaye omnye useza kuza (eyayinguHerode, owaye ngongcolileyo); . . .

⁶² Ngoku bukela. Bukela injani ukugqibelela.

. . . xa athe wafika, umelwe kukuhlala okomzuzwana.

⁶³ Ingaba nabani na uyazi ukuba uHerode walawula ixesha elingakanani? Iinyanga ezintandathu. Watsala umama wakhe ukunqumla umgaqo, kumthi omnye wehashe. Waze watshisa isixeko; waze wakubeka oko kumaKristu. Kwaye wadlalisa ecaleni lenduli ngexa babe. . . ngexa etshisa isixeko. Iinyanga ezintandathu—ezintandathu. Kwaye yabona, “Kwaye irhamncwa. . .” Ngoku bukela, jonga enjani indlavini awayeyiyo. Yabona? Ngoku bukela.

Kwaye irhamncwa elaye likho, kwaye elingekhoyo, nkqu. . . lingowesibhozo, kwaye ukwangowesixhenxe (imvelo yowesixhenxe), kwaye umka aye entshabalalweni.

⁶⁴ Nabani na uyazi kuthetha ntoni *entshabalalweni*, si “sihogo”. Kwaye bukela apho anyuke ephuma khona, “sihogweni.” Yintoni? Zinzonzobila. Akukho siseko semfundiso yobuKatolika. Akukho Bhayibhile yemfundiso yobuKatolika. Akukho nto injengayo nayiphi iBhayibhile yayo nayiphi imfundiso yobuKatolika, ayikho kwaphela. Ababangi kuba. Umbingeleli wahlala phaya, lo umncinci umbingeleli phezulu apha kwibandla iSacred Heart weza ngaphaya. Wathi, “Owu, wa. . .” Ndandimxelela malunga nokubhaptiza uMary Elisabeth Frazier. Wathi, “Owu, umbhaptize ngokwendlela elangaphambili ibandla lobuKatolika lalibhaptiza ngayo.”

Ndathi, “Lakwenza nini oko?”

Wathi, “EBhayibhileni, iBhayibhile yakho.”

⁶⁵ Ndathi, “Ingaba ibandla lobuKatolika labhaptiza okuya? Ingaba okuya yimfundiso yebandla lobuKatolika?”

“Ehe.”

66 Ndathi, “Ekungabini nazimpazamo kwebandla lobuKatolika, kutheni liguquke kangaka?” Yabona?

67 Wathi, “Kuhle, yabona, nina nonke nikholelwa iBhayibhile. Sikholelwa ibandla.” Yabona? “Asikhathali into ethethwa yiBhayibhile. Yinto ethethwa libandla.” Kunjalo kanye. Ukhe wafika kumanqam, kuyo, yizame kube kanye, yabona. Abakhathali into ethethwa yiBhayibhile; oko akunanto yakwenza nayo. Bakhathala yinto ethethwa libandla. Yabona?

68 Kodwa asikhathali into ethethwa libandla. Sikholwa into uThixo ayithethayo. Amen. Kuba iBhayibhile, ibhalwe, “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, lize elaM libe yiNyaniso.” Yilonto singelilo ihlelo.

69 Ngoku bukela. Mamela koku, nje umzuzu. “Iikumkani ezintlanu ezazikho, zawa, iikumkani ezintlanu.” Ukuba uyakufuna oko kusuka kwimbali, ndiyakukubonisa. “Kwaye omnye ukho, kwaye omnye uzakuza.”

Ngoku bukela, “irhamncwa.” Ngoku, irhamncwa lalingeyiyo ikumkani. Lali “okhoyo, ongekho; kwaye ukho noko, kwaye akekho; noko ukho, kwaye akekho.” Yintoni? Kukulandelelana kweepope, amandla, irhamncwa lilawula. Kungexesha iRoma yonqulo lwezithixo yaguqulwayo ukwenza iRoma yolawulo loopope. IRoma yonqulo lwezithixo yaguqulwa, yaze yaba sisikhundla sepope, ukuthi, baba nepope endaweni yekumkani, kwaye ipope yikumkani yakwamoya. Naso isizathu ethwaliswe isitshaba, ikumkani yakwamoya, ubanga ukuba ungomele uYesu Kristu. Nako ke. Ngoku qaphela.

70 Kwaye siza kuzisa lamfundiso yobuKatolika iphume phaya kwaye sikubonisa indlela ethubeleze kanye ngaphakathi kumabandla obuProtestanti, yabona, indlela esahleli kanye phakathi kwibandla lobuProtestanti, eninzi yayo. Chaseneyo, ngqo, kwiBhayibhile, ichasene ngokuqinisekileyo. Ngoku, “Irhancwa elalikhho, elingekhoyo.” Ngoku khumbula, “Bonke bazakulahlekiswa, phezu komhlaba, abagama labo alibhalangwa kususela ekusekweni kwehlabathi.” Masibone.

Kwaye irhamncwa elaye likho, elingekhoyo, (umqolo we-11) kwaye noko lingowesibhozo, kwaye... okwangowesixhenxe, kwaye umka aye entshabalalweni. (Uzakuqhubeka oko ade aye kubetheka kwiinzonzobila ekupheleni kwendlela.)

Kwaye iimpondo ezilishumi owazibonayo zingookumkani abalishumi,...

Ngoku bukela apha. Ukuba ufuna ukubona into eyothusayo, bukela oku.

... zingookumkani abalishumi, bona abo bangekamkeli bucumkani; kodwa bamkele igunya njengookumkani iyure enye kunye nerhamncwa.

⁷¹ Abangabo ookumkani abathwese isithsaba; bangoozwilabo. Yabona, abazange babe ngukumkani othwesiweyo, kodwa bamkela amandla njengookumkani, iyure enye, kulawulo lwerhamncwa. Oko nje kukwixeshana elivela ngesithunzi kanye ngoku apho oozwii-labo ziphakamayo. Yabona? “Zamkela amandla njengekumkani, iyure enye kunye nerhamncwa.” Ngoku, kulungile.

Aba banengqondo enye, kwaye baza kunikela amandla kwanokomelela kwabo kulo irhamncwa.

Aba bazakwenza imfazwe neMvana, kwaye iMvana izakubeyisa: (Uzuko!) ngokuba uNkosi yenkosi, noKumkani weekumkani: kwaye abo banayo ngababiziweyo, abonyuliweyo, nabathembekileyo.

⁷² Ndingqwenabendingashumayela intshumayelo kanye ngoku koko, “Abonyuliweyo, phambi kokusekwa kwehlabathi, kwaye bahleli ngokuthembekileyo kubizo lwabo.” Halleluya! Nantso ke. “Ngababiziweyo, abonyuliweyo, kwaye nabathembekileyo.” *Ukwaye* sisidibanisi ntetha, yabona, “Abonyuliweyo, kwaye nabathembekileyo.” Bazakumeyisa. Nokuba baba bakhulu kangakanani.

⁷³ Kwaye nobu bukomanisi bukhulu, intshukumo yobukomanisi esinayo namhlanje, musa ukuba naxhala malunga noko. Oko kusebenzela ngqo ezandleni zikaThixo. Ndingayiqondakalisa ngale Bhayibhile. Uzakumenza abulaleke ngaye ngamnye kwabafela ukholo awakhe wababulala. Ewe, mhlekazi. Ubabukele abakumkani bonke bayavumelana kunye, kwaye baza kumcaphukela. Kwaye sonke isizwe, lonke ihlabathi, ubukomanisi obutshayelayo. Kutheni, kumele ukuba ibe yintshukumo kaThixo, ukuyohlwaya. Uthi, “Yima umzuzu, Mzalwana uBranham. Ubukomanisi, intshukumo kaThixo?” Ngokuqinisekileyo, ngokuqinisekileyo, yintshukumo kaThixo. IBhayibhile itsho njalo. Kodwa ingenela ukuvakalisa umgwebo phezu kwabantu abangenathixo nabayimigqakhwe ngokuzele ihlazo. Yintoni eseleyo kwelihlabathi? Yintoni esinayo? Apha ngenye imini . . .

⁷⁴ Ndizakuma kwisihloko sam nje umzuzu, ukuba kunokwenzeka. Bendifunda kwiqhekeza leSibhalo apho ukuba umntwana ongumgqakhwe akasokuze angene ebandleni leNkosi izizukulwana ezilishumi elinesine. Bangaphi abakwaziyo oko? Oko kuchanekile, iDuteronomi ama-23; umntwana ongumgqakhwe. Ukuba umfazi ubanjwe ethafeni, oko yi, kude nokhuseleko lwendoda, ize indoda imoyise lomfazi, londoda kuzakumele imtshate. Kwaye akuhoywa nokuba uthe waba lihenyukazi, kufanele ihlale naye ide ife. Kwaye ukuba lomfazi uyayitshata, eziphethe ukuba uyintombi, abe engeyiyo, ngoko angabulawa ngalonto. Kwaye ukuba indoda nomfazi abatshatileyo, baze bazise umntwana ongumgqakhwe, lowo,

ibandla leNkosi akayi kulingena, izizukulwana ezilishumi elinesine. Kwaye iminyaka engamashumi mane isisizukulwana. Iyakuba ngamakhulu amane eminyaka phambi kokuba esiya sono siphume kwaSirayeli.

⁷⁵ UThixo uyasicaphukela isono! Ulindele njani ukuthubeleza phezu kweGazi eliNgcwele leNkosi uYesu, nje ngenxa yokuba ungowelithile ihlelo, ulindele ukungena? Uzakuza kwimihlaba kaThixo okanye awuzu kuza kwaphela. Kuchanekile. Mdikoni, mshumayeli, nantoni na esingaba yiyo, ayinanto yakwenza nayo. Uza ngemiqathango kaThixo.

⁷⁶ Ishumi elinesine isizukulwana. Umntu uhleli ukho ngoku lo ebexoxa lonto nam. Wathi, “Sazi njani ngubani oyakuze asindiswe ngoko?”

⁷⁷ Ndathi, “Nako apho ufanele ukuba ngumCalvin olungileyo.” Igama lakho labekwa eNcwadini phambi kokusekwa kwehlabathi. UThixo uthatha lamsinga wegazi. Oko kuxhomekeke kuYe. Yabona?

“Kodwa yintoni okuya okunayo. . .”

⁷⁸ Mamela. Nina bantu batsha, namhlanje, andiyazi nokuba niza kweli bandla, okanye niza phi, nina makhwenkwe neentombi ezitsha. Benikuqondile, izinto enizenzayo, ukuba kukho esinye isizukulwana, abantwana benu bayakugwetywa ngoko nikwenzayo? Aninayo intlonipho yokuziphatha kakuhle? Nina zintombi ziphandle apha zinxibe ezi zindala zincinci ibhulukhwe ezimfutshane nezinto jikelezileyo, niyayazi, oko kubonakaliswa kwintombi yakho. Ubusazi umakhulu wakho waye—yinxiba ilokhwe ephela emadolweni, kwaye umama wakho eyintombi ecula inxibe ngokuveza imilenze ngaphandle, kwaye naso isizathu wena ungozihluba iimpahla namhlanje? Ngokuqinisekileyo. Bayakuba yintoni abantwana bakho? Ewe, mhlekazi. UThixo uthe uyakukuvelela ukungalungisi kwabazali phezu kwabantwana nabantwana babo, ukuya kwezintathu nezine izizukulwana.

⁷⁹ Kwaye uyaqonda, mzalwana wam, lonke ixesha usenza oko kulungileyo, oko kuyakuvelelwa kubantwana bakho?

⁸⁰ Jonga apha, masithathe amaHebhere, isahluko sesi-7. IBhayibhile yathi, xa—xa uMelkitsedeke wahlangana noAbraham ebuya evela ekuxheleni ukumkani, waze wamsikelela, yaze Yathi, ngoku, “ULevi. . .” Uthetha malunga nokuhlawula izishumi. Wathi, “ULevi. . .” wayenawo “. . .umyalelo ovela eNkosini ukwamkela izishumi kubantakwabo.” Kwaye uLevi owamkela izishumi, wahlawula izishumi, ngoba wayesese sinqeni sikaAbraham xa wahlangana noMelkitsedeke. Kwaye uAbraham wayengukhokho wakhe. UAbraham wazala uIsake, uIsake wazala uYakobi, uYakobi wazala uLevi; Levi, tata, tatomkhulu, khokho. Kwaye ngexa

uLevi wayesesinqeni sika Abraham, iBhayibhile ithe wahlawula izishumi kuMelkitsedeki. Halleluya!

⁸¹ Musa ukuvumela nabani na akuxelele ukuba naluphi na uhlobo lwentshukumo ehlabathini ingakhe iphazamisane neveli elinamazinyo elikhulu likaThixo. Liyahamba kanye ngokuqhubeka! Lalicetyiwe emva phaya ekuqalekeni. Akukho zidimoni, okanye ezaneleyo iidimoni ezingaphazamisana nenkqubo yaKhe.

⁸² Ngoku, iBhayibhile ayithanga “ngokunokwenzeka” wazihlawula. IBhayibhile ithe, “Wahlawula izishumi,” xa wayesesinqeni sikakhokho wakhe. Uzuko! YiNkosi yam leyo. Owu, Wayeyazi, nkqu, phambi kokuba ihlabathi lakhe labunjwa. Wayesazi yonke into. Kwaye kuAbraham, wahlawula izishumi.

⁸³ Kwaye dade, mzalwana, ungathini ubaleke phandle apha, kwaye abantu baphile baze babaleke nabafazi bamadoda, kwaye abafazi besophula amakhaya, kwaye bephila ngale ndlela benzayo, nilindele ukuba esinye isizukulwana sibe yintoni? Nantsi into eyiyo. Ifike ekubeni ngoku ingabiyonto kodwa nje igquba lemigqakhwe, abazelwe ngembutyulelo, igquba lombolo. Kwaye inye into eyisaleleyo, kwaye yile mini ye-atom siphila kuyo. Kunjalo kanye. Sikwixesha lesiphelo.

⁸⁴ Kuhleli ngale ntsasa, kude emva kwiinduli zase Kentucky, inkwenkwe encinci, ubungenakufika nkqu kwiinyawo ezilishumi kuyo, ekusukeni ukwenza isorghum molasses. Kunokwenzeka ingayazi nkqu nokuba yeyiphi ikunene okanye ikhohlo. Xa wevayo . . . ndandifike kwimihlaba ephawuliweyo. Ndandingayazi ukuba ndandiphi. Ndandikwezinye nje zengxingwa. Kwaye ndandisiya phezulu phaya ndisiya kuzingela onomatse. Kwaye xa ndahlala phantsi phezulu phaya, ndaba nokuthetha nayo. Kwaye lenkwenkwe yathi yayisiya emkhosini. Kwaye kwafumaniseka ukuba, saba nokuthetha ngeNkosi, yaze yathi, “Mshumayeli, awukholwa ukuba sikwixesha lesiphelo?” Phaya emva phezu phaya kweziya ntaba.

⁸⁵ Ndathi, “Qinisekileyo, sikulo. Qinisekileyo, nyana, sikwixesha lesiphelo.”

⁸⁶ Naku silapha. Le yiyure esiyiphilayo, mzalwana. Sikuyo indawo. Awunakuyibona indlela oomama emva ngaphaya, nootata, indlela ababephila ngayo, notamkhulu nomakhulu? Awunakuyibona indlela utata nomama abaphile ngayo? Akumangalisi sikulo mbolo namhlanje. Akumangalisi, ungashumayela isuke intloko yakho; bayakunxiba iibhulukhwe ezimfutshane nje ngokufanayo, kwaye baktshicilele ebusweni bakho. Bayakutshaya imidiza baze bayivuthele kanye kuwe, baze bathi, “Hoya eyakho imicimbi.” Kutheni? Ngenxa yokuba nalo uhlanga abaphuma kulo. Ndizakufika kulonto, ngokuthe nkqo, *Imbewu YeNyoka*. Siyakufumanisa ukuba ingena phi, yabona kutheni besenza ngola hlobo. Bangabantwana

bongendawo sukela ekusekweni kwehlabathi. Kunjalo. Kwaye asiyonto ku, iyisaleleyo, ngoko nje umgwebo kuphela kwento eseleyo. Awunakuba nanto ingenye kodwa umgwebo. UThixo uyakuyibetha nje yonke lento iphume. Kwaye umntu uyenze ngokwabo. UThixo akazange ayimisele ukuba ibe ngalo ndlela, kodwa Wayesazi ukuba iyakuba ngalo ndlela. Naso isizathu Wathi uyaku, “Kukhohlisa bonke abaphila phezu kobuso bomhlaba, ngaphandle kwabo abamagama abo abekwa kwiNcwadi yoBomi yeMvana phambi kweziseko zehlabathi.”

⁸⁷ Masiyibukele. Funda kancinci phambilana ngoku. Ngoku, ngoku ndiyakholwa sikowe-12.

*Kwaye iimpondo ezilishumi owazibonayo
zinguokumkani abalishumi, abangekamkeli
bukumkani; kodwa bamkela amandla njengeekumkani
iyure enye kunye nerhamncwa.*

*Aba baza kuba nengqondo enye, kwaye baza kunikela
amandla nokomelela kwabo kwirhamncwa.*

*Kwaye aba bazakwenza imfazwe kunye neMvana,
kwaye iMvana izakubeyisa: ngokuba iyiNkosi
yenkosi, neKumkani yookumkani: kwaye abo bakunye
nayo ngaba—ngababiziweyo, abonyuliweyo, kwaye
abathembekileyo.*

*Kwaye wathi kum, Amanzi owawabonayo, apho
lihleli khona ihenyukazi, ngabantu, . . . nezihlwele, . . .
neentlanga, neelwimi.*

*. . . iimpondo ezilishumi owazibonayo
ziserhamncweni, aba bayakulithiya ihenyukazi, . . .*

⁸⁸ Bukela oko ngoku, aba “iimpondo ezilishumi,” ezi zikumkani zilishumi. Yabona, yiyo yonke into iwela ngaphakathi, into abayiyo abazwi-labo. Bukela indlela oozwi-labo abakekelele kuyo. Kuphi apho ikekelele khona? Khandixelele nje uzwi-lakhe engoyami kubukomanisi. Yabona? Kwaye baza (intoni?) kulithiya “ihenyukazi,” umfazi, ibandla. Kodwa intoni? Bukela ukuba yintoni ezakuyenza.

*. . . baza kulithiya ihenyukazi, kwaye baliphanzise
kwaye libeze, kwaye bayidle inyama yalo, kwaye
balitshise ngomlilo.*

⁸⁹ Bazakuyiqhushumbisa lanto isuke emephini, nje ngokuqinisekileyo njengokuba ndimi apha. Besinalo nje ixesha lokusithatha esiya sihloko phaya selabandla, kwaye sisibalekise sihle ukunqumla iSibhalo, apho Yathi, funda, “Bonke ookumkani belihlabathi, kwanabo bonke abaqhubi-mikhombe, nabo bonke, bakhala, ngokuba iBhabeli enkulu ihlangene nokuphanziswa kwayo ngeyure enye.” Iyure enye, ixesha lakhe lalifikile! Kwaye, oh, indlela Eyathi, “Gcobani, nina bangcwele, kwanani nonke baprofeti bangcwele, ngoba

uThixo uliphindezele igazi labangcwele nabazalwana benu phezu kwalo.” Yabona, kunjalo. Qinisekileyo, ubukomanisi budlalela kanye ezandleni zikaThixo. Kanye njengoKumkani uNebhukadenetsare wadlalela kanye ezandleni, ukuza kuwathatha loo maYuda, xa bahamba bemka! . . . ? . . .

⁹⁰ Kwaye isono singaqhubeka sibola, imbewu yobulungisa ingahlala apho kwaye imbewu ingagcina ukubola, kwaye nokubola nokubola de emva kwethuba iphumele ngaphandle. Ifike kwindawo, ngenxa yokuba oomama nootata babo kwanento ezinjalo baphile njalo phambi kwethu, kwaye ngalo ndlela, de kungabikho nto isisaleleyo. Kwaye uyazi wathini uYesu? Ukuba Wayengawunqamlanga umsebenzi ubemfutshane, bekungayi kubakho nkqu nayiphi inyama eyakusinda.

⁹¹ Ungabona? Ungabona kutheni sinazo ezi? Andenzi zintetha. U-Arthur Godfrey’s naye wonke ubani, uyayazi, yabona, kwanooElvis Presley, kwane—kwanezinqa phantsi, iimpahla zokusebenza, nenwele zijinga ezantsi ezintanyeni zabo, kwanazo zonke ezindlela abafikisayo abenza ngayo. Yintoni eyenzayo? Yintoni? [Umzalwana uBranham ungqongqoza epulpitini kalishumi elinanye—Mhl.] Ngenxa yokuba iphuma kwigquba labaphile ngaphambili, abantu abayimigqakhwe. Akukho nto iseleyo! Owu, bayaphakama bacule, “Ndisondele, kuWe, Thixo wam,” njengo pea-picker Ernie kwanabo bonke abanye abanjalo, bacula uhlobo oluthile leculo, kwanento enjalo ngolo hlobo. Mzalwana, uyazi yintoni? Oko, oko bubuhanahanisi obungenakuphikiswa. Ewe, mhlekazi.

⁹² Indoda ayinamcimbi kulepulpiti ethi iphume phandle phaya kwaye ibe kwirock-and-roll neboogie-woogie kwanalo lonke ola hlobo lwezinto. Ayinalo nelinye ichaphaza lomcimbi emva apha. Oku kukububingeleli, ababiziweyo bakaThixo. Abalungiseleli ababizwe nguThixo ngabalapha emva apha. Kwaye abangobalapha emva apha ukwenzela izinto ezinjalo. Nanko undonakele nayo namhlanje, balenze ibandla langabikho ngaphezulu kunendawo-yentlanganiso ethile. Ilodge ilunge konke, ufuna ukwenza lanto, kuxhomekeke kuwe. Kodwa mandikuxelele, kukho omninzi umahlukho ngokuzama . . . phakathi kwendawo-yentlanganiso nebandla. Ewe, mhlekazi. Ufuna ukuzenza ezo zinto kwindawo-yentlanganiso, kwaye ube nazo zonke ezontlobo zeziyunguma neento ezinjalo, kuxhomekeke kuwe. Kodwa, mzalwana, ibandla limelwe ukutshayelwa ukususela epulpitini yonke indlela ukuya kumngqameko wangaphantsi. Kunjalo. Andithethi ukutshayelwa ngeefestile ezintsha neento ezinjalo. Ndithetha ngeyohlobo lakudala, imvuselelo ethunyelwe nguThixo eyakuthi iyisasaze lonto ukusukela kwelinye icala ukuya kwelinye. Ewe, mhlekazi. Njengokukhanyisa isibane, isibane sombane kwigquba lamaphela ajikeleze ipete ye-apile. Ewe, mhlekazi, ayakusasazeka xa ukukhanya kubhabha.

93 Ngoku bukela, “Banengqondo enye, banikele amandla abo.” Ndingezantsi koko ngoku. “Impondo ezilishumi.” Ewe, ngoku.

Kuba uThixo ubeke ezintliziweni zabo ukuba benze intando yakhe, (nako ke), kwaye bavumelane, kwaye babunike irhamncwa ubukumkani babo, ade azaliseke amazwi kaThixo.

Ngoku, *kwaye inkazana owayibonayo nguloo mzi mkhulu, unguwo olawula phezu kwabo bonke ookumkani bomhlaba.*

94 Ngoku, akukho sidingo sakutyhala ujikeleza, siyayazi ukuba ngamanqanaba-olawulo obuKatolika. Akukho sidingo sakhe nabani. . . ndi—ndiyakukholwa oko nje ngokuqinileyo njengokuba ndikholwa ukuba ndiwamkele uMoya oyiNgcwele. Ndiyakukholwa oko nje ngokulungileyo njengokuba ndikholwa ukuba ndinguMkristu ndimi apha namhlanje, ukuba lamanqanaba-olawulo obuKatolika yi—yi. . . IVatican City si—sisixeko esihleli phezu kweenduli ezisixhenxe. Amanqanaba-olawulo ebandla lirhamncwa elalikho, elingekhoyo. LiyiBhabheli. Liyinto yonke efanekisiweyo nje ngqo, nje ngokugqibeleleyo yonke indlela ukunqumla iZibhalo. Libandla lobuKatolika.

95 Ngoku, ngoku nali inqaku lakho elothusayo. Uthi, “Kuhle, awubethi mna, Mzalwana uBranham.” Kodwa makhe nje ndikubuze into ethile. Masibuyele kanye emva ngoku kowe-5 umqolo.

Kwaye phezu kwentloko kwa. . . kubhalwe, IMFIHLELO, IBHABHELI ENKULU, UNINA WAMASIKIZI. . . UNINA WAMAHENYUKAZI NAMASIKIZI OMHLABA.

96 Wayeyintoni? I-h-e-n-y-u-k-a-z-i. Kwaye lingu m-a-m-a. Intoni? M-a-m-a. Uzele into ethile. Umama woonyana? Wamahenyukazi! Yintoni ihenyukazi? Yinto enye ne—nehenyukazi, umfazi oziphethe kakubi. Yintoni eyamenza aziphathe kakubi? Imfundiso yakhe. Ubezenza ngathi libandla lobuKristu, kodwa ekhupha eyenziwe ngabantu imfundiso. Kwaye naku apha esithi ukuba unalo. . . Ukuba waye engumbutho wokuqala, ngoko kubonakala ngathi kukho imibutho ethile ephume kuye. Waye engumama wamahenyukazi. Ingaba kunjalo? Umama wamahenyukazi. Ebengena kuba ngumama, ngoku, wamakhwenkwe. Ebengenakuba ngumama. . . Bekumele abe ngumama wabafazi. Kwaye, ukuba yayingabafazi, yayingamabandla. Ngoku masifumanise. Yintoni ephuma kwi. . .

97 Yayiyintoni umbutho wokuqala? Ibandla lobuKatolika. Yayiyintoni umbutho wesibini? Luther. Yayiyintoni umbutho wesithathu? Zwingli. Yathi yeza yahlela kwintoni? Calvin. Kwaye apha yaphumela kwi-Anglican, yaze i-Anglican

ukuqhubeka ukuhlela kwiMethodist. IMethodist, yintoni eyavezwa yiMethodist? Ngokuphuma apho kweza u-Alexander Campbell. Ngokuphuma ku-Alexander Campbell kweza uJohn Smith. Ngokuphuma... u-Alexander Campbell libandla lamaKristu; ngoko, baye baba nezine okanye ezintlanu, amabandla obuKristu kwanazo zonke ezo zingezinye ii-ism ezincinci zabaleka zaphuma. Ngoko naku kusiza ibandla lobuBhaptizi, yaba nazo ezininzi ezincinci ezitsala ziphume. Kwaye ngokuphuma kwibandla lobuMethodist kweza... ngokuphuma kwibandla lobuMethodist, kweza, okokuqala kweza iWesleyan Methodist, baze ngoko bophuka izihlandlo ezine okanye ezintlanu. Ngoko beza kolunye uhlobo lobuMethodist, kwaye ngoko beza ngaphandle kwakhona, ngoko beza kwiFree Methodist. Kwaye—kwaye ngoko beza ukusuka koko bakwiNazarene. Kwaye ukusuka kwiNazarene bakwiPilgrim Holiness, kwaye iPilgrim Holiness ukuqhubeka ukuhla. Ezincinci nje ii-ism zibaleka ziphuma ngolo hlobo, ziqhubeka zibaleka ukuqhubeka ukuhla, nganye yazo eziya zincinci—zincinci ezaqalayo emva phaya zeza kanye ukuqhubeka ukuhla. Kwaye zenza ntoni nganye kuzo? Kwaye ekugqibeleni yazokuphelela kwabakwaMoya.

⁹⁸ Kwaye benza ntoni abakwaMoya? Into enye umama wabo awayenzayo, babuyela kanye emva bazenza umbutho. Kwaye yaba yintoni? I—ihlelo. Hamba ungene kwelinye, into yokuqala, “Yintoni imfundiso yakho?” Kwedini, bakukama ngenamazinyo amancinci ikama, yabona, ukufumanisa into oyiyo, into oyikhulwayo. Kwaye ukuba awungqamani nje kanye nabo, mzalwana, ukhutshelwa ngaphandle kanye ngoku. Kwaye oko kunjalo.

⁹⁹ Kwaye musa ukucinga nje ngenxa yokuba usithi ungowakwaMoya ukuba ukhuselekile. Mzalwana, kuyakubakho abaninzi abangabakwaMoya abaphumileyo endleleni njengokuba kukho abaninzi abasendleleni, ndiqinisekile. Yabona?

¹⁰⁰ Ngoku, yonke lomibutho, ukuba nje bebeyiyekile intsikelelo yakwaMoya iqhubeke, bangayenzi umbutho, bayigcine nje kubuzalwane baze bavumele uMoya oyiNgcwele wenze ukwahlula. UMoya oyiNgcwele uyahlula. U-Hananiya noSafira bangena ngelinye ixesha, bathi *okunje-nokunje*; waze uMoya oyiNgcwele wathi, “Kutheni nixokile?”

¹⁰¹ Kodwa sithi, “Ngoku, lowo nguMzalwana uJones, musa ukuthetha nanye into embi malunga naye ngoku, ungoyena mhlawuli ungcono esinaye ebandleni. Ndiyazi unawo uMoya oyiNgcwele; ndimvile ethetha ngeelwimi, kwaye ndimvile ekhwaza eseMoyeni.” Oko akunanto ingaphezu kunoku galela ii-ertyisi phezu kwefele lenkomo elomileyo. Yabona? Ayinanto yakwenza nayo. NguThixo owenza intetha. Unako ukutsho ukuba unjalo okanye akanjalo. Ngokuqinisekileyo. “Kodwa

siyithathele ngapha kwelethu ihlelo. Kuhle, simkhabele ngaphandle kwe—ngaphandle kwe Assemblies, aboBunye bayamchola.” AboBunye bamthwale okwethutyana, baze ngoko bamkhabela ngaphandle. Ngenxa yokuba, bamthwalela ngaphaya, baze abakaYesu Yedwa bamchole. AbakaYesu Yedwa bamthwale ithutyana, kwaye ngoko into elandelayo emcholoayo libandla likaThixo, limchole. Ibandla likaThixo lesiProfeto limchole, ize intshukumo kaTomlinson imfumane. Owu, bethu! Mzalwana, ukuba asiphantsanga saphelwa! Oko kukwabakwaMoya, imvuselelo yokugqibela. Kwaye ngoku bane Blue Flame, kwaye banabanquli be—oyile, kwaye ne—kwaye negazi ebusweni. Kwaye, owu, inceba, andiyazi baye phi ngoku.

¹⁰² Nje into enye, oko yinto yonke iye yaba yebolisiweyo. Ubusazi iBhayibhile yathi iyakuthi ibe yebolisiweyo? Ubusazi i—iBhayibhile ithetha ngalomhla, uyakuba lapha, xa ngqu nezithebe zeNkosi ziyakuzala umhlango? Yaze yathi, “Ngubani endingamfundisa imfundiso? Ngubani Endingamenza andiqonde Mna? Ngoba ummiselo kumele ube phezu kommiselo, uphezu kommiselo, phezu komgca phezu komgca.” Ngubani Angamfundisa imfundiso? Abo bancothuliweyo ebeleni, umama. Yabona?

¹⁰³ Ngoku, akukho—akukho mfazi, umfazi onemvelo embi kule dolophu kodwa ongathi avelise intombi esebuntombini. Injalo xa izalwa, ngoku, kwaye ingahamba kakuhle. Kodwa ukuba awuqapheli, okukamama wakhe ebengowalamvelo, lantombi, amaxesha alithoba eshumini, iyakwenza nje ngqo ngohlobo umama wakhe esenza. Ngoku, uyayazi ukuba oko kuchanekile. Umfazi omdala oqhoba indlu yohenyuzo, angavelisa intombi encinci. Ingaba neminyaka elishumi elinesithandathu ubudala, icoceke nje kwaye iziphethe kakuhle njengayo nayiphi inyibiba, kodwa, ukuba ihlala ngolo hlobo. Kodwa, into yayo yi, ibuyela kanye umva ize yenze njengomama wayo.

¹⁰⁴ Ngoku, ibandla lobuKatolika yaba lelokuqala ihenyukazi elidala elathi leza neemfundiso elithe lazenza ngokwalo, iinkolelo, ukanti, iBhayibhile yathi, “Ivela iphuma kwiinzonzobila kwaye iyakubuyela kwintshabalalo.” IBhayibhile ikuthethile oko. Ngoku, ukuba bafundisa oko, iphosakele. Iphosakele, ngokweLizwi likaThixo. Kwaye ngoku naku kusiza ibandla lamaMethodist, elathi lazalwa liphuma kuye, elihle inenekazi elitsha, kodwa lenze ntoni? Lijikile kanye umva ukuguquka laze lenza izinto ezinye umama walo azenzayo. Livumela ibandla lakhe linxibe iibhulukhwe ezimfutshane. Libavumela batshaye iimidiza. Libavumela baqhubeke kwaye benze nje ngohlobo abamelwe ngalo. Akukho nto ithethwayo malunga nayo. Omncinci omdala ongavuthisiswangwa umalusi emva ngaphaya, kwepulpiti emva phaya, uyoyika uyakuphelelwa ngumvuzo ngenye imini, okanye imbiza yokugcada yamaqebengwana.

¹⁰⁵ Mandikuxelele, mzalwana, ndikhetha ukushumayela iVangeli, ndize ndidle awenziwe ngesoda amaqebengwana omileyo ndisele amanzi omfula, ndize ndixele iNyaniso malunga nayo. Ukuba ngamnye webandla lam uphakame waphuma, ndiyakubaxelela iNyaniso malunga nayo. Ewe, inyaniso.

¹⁰⁶ Yintoni undonakele? Owu, litikiti lokutya. “Kuhle, uyazi, ndingumalusi welona bandla likhulu elikhoyo esixekweni.” Nina maBhaptizi namaMethodist mamelani umprofeti wobuxoki. Ngoku, oko kurhabaxa, kodwa nantoni na efundisa chaseneyo ngokuphikisanayo nale Bhayibhile ingumprofeti wobuxoki. Andikhathali ingaba yepolishwe kanjani, sisiprofeto esibubuxoki. Kunjalo.

¹⁰⁷ “Owu, yonke into ilungile lonke ixesha nje unegama lakho encwadini.” Unganegama lakho kwishumi elinesibini leencwadi. Ukuba alikho kwiNcwadi yoBomi, ulahlekile! Ungaba ngolunge kanjalo, ungaba nje ngothembakeleyo nococekileyo noziphethe kakuhle kangangoko unganjalo, oko akuyi kuba nayo nenye into yokwenza nayo.

¹⁰⁸ UEsawu waye engumfo ophindwe kabini uYakobi awayenguye, xa kufikelela ekubeni yindoda, ekhathalela utata wakhe omdala ongaboniyo nezinto zonke ezingezinye. Kwaye uYakobi waye engomncinci usomaqhingana ojinga ejikeleza ifaskoti kamama wakhe, encinci endala inkwenkwe eziphethe okwentombi. Kodwa uThixo wathi, “Ndiyamthanda uYakobi kwaye ndiyamala uEsawu,” phambi kokuba nayiphi inkwenkwe izalwe. AmaRoma isi-8 atsho njalo. Oko kunjalo kanye.

¹⁰⁹ UThixo uyayazi yintoni esemntwini. Kwaye Uyayazi yintoni esebandleni, nalo. Siphila ngeSonka soBomi, iSonka seLizwi likaThixo. Ngoku, yilonto singelilo ihlelo.

¹¹⁰ Ngoku ndifuna ukuninika enye encinci. . . ndifuna ukuninika okuncinci ukubonakalisa endiye ndakubhala apha. “Enkulu. . .” Ngoku kwiSityihlelo, kwi 19:2. Ndinento ethile endiyiphawuleyo yacaca apha. Ndifuna ukujonga ndize ndibone ukuba iyintoni ngoku.

Ngoba iyinyaniso inobulungisa imigwebo yayo: ngoba iligwebile ihenyukazi elikhulu, elo laliwonakalisa umhlaba ngobuhenyu balo, yaze yaliphindezela igazi labakhonzi bayo esandleni salo. (Eso sisiphelo sebandla lobuKatolika.)

¹¹¹ Ngoku, sikwafuna ukuba uqaphele, kwanalapha, ukuba ihlelo—ukuba ihlelo likwafunyanwa eZibhalweni apha, ukuba i. . . Kwaye iBhayibhile ayike ithethe ngehlelo. Ihlelo livela kwibandla lobuKatolika. Lingumama wokuqala wehlelo, kwaye ngalinye ihlelo liye leza kanye ukuhla. Ngoku, oku kuza kuba kokutswebayo nje kancinci. Kuza kuye kutsweba kancinci lonke ixesha, yabona. Kodwa ndi—ndifuna ubone ukuba

ihlelo alizelwanga okanye alimiselwanga nguThixo. Lamiselwa ngongendawo.

112 Ibandla likaThixo liyi... Asohlukananga, sonke umzimba omnye si; elinye ithemba nemfundiso, sibanye kuthando. Nalo iBandla loThixo ophilayo. Akuhoyeki into aba, ezo zinto, sibanye kunye! Kunjalo. Nokuba ungumMethodist okanye umBhaptizi, mzalwana, ukuba uzalwe ngokutsha kwaye uzaliswe ngoMoya oyiNgcwele, ungumzalwana wam. Sihamba igxalaba kwigxalaba. Kanye. Ewe, mhlekazi. Akwenzi nawuphi umahluko.

113 UMoses. Ngelinye ixesha ndiyabhekabheka ndize ndithi, “Uyalazi elagquba lababaxi bakwaMoya, Mzalwana uBranham, kwakutheni uze uhambe uphume negquba elinjeya usenzela ntoni?” Uyazi yintoni? UMoses wajonga phezu kwabantwana bakwaSirayeli. Wajonga ngaphandle kwifestile enye awathi uFaro wajonga ngaphandle kuyo. UFaro wajonga kubo njengegquba labaxovi-bodaka, kodwa uMoses wajonga ngaphandle phezu kwabo njengabonyuliweyo bakaThixo. Wayesazi babenesithembo. Kutheni? Wayeyazi ngeLizwi. Kwaye ngokholo... Enonyawo lwakhe etroneni, ukuba nguFaro, nalo lonke ihlabathi lilele ezinyaweni zakhe, ahlale apho agalele iwayini emlonyeni wakhe, kwaye nabafazi abahle ukumvuthela umoya, njengomlawuli, okanye uzwi-lakhe, okanye ukumkani wehlabathi, uMoses osemntsha, ekwiminyaka emashumi mane, enako kusesandleni sakhe. Wajonga phandle phezu kwelogquba labaxovi-bodaka, kodwa wayesazi ungomnye wabo. Halleluya! Nantso ke. Wayesazi wayengomnye wabo. Kwaye ngokholo, kuphela, wakhetha!

114 Wonke ubani kufanele enze ukukhetha. Ufanele wenze ukukhetha. Uzakwenza ukukhetha ngoku. Uzakwenza ukukhetha kusasa. Uzakwenza ukukhetha ngomso ebusuku, ukuba uyaphila. Ufanele ukhetha ngaxesha lithile. Mzalwana, kwixesha elide eladlulayo ndakhetha. LeBhayibhile yayisisichazi magama sam. LeBhayibhile yayiyiNcwadi yoBomi yam. LeBhayibhile yayiliLizwi likaThixo. IBhayibhile yinto endiphila ngayo. IBhayibhile yinto endima ngayo.

115 Ngoko ke, uMoses wajonga ngaphandle phezu kwabantwana bakwaSirayeli. Kwaye akathi kuphela, “Owu, bangabantu abamangalisayo. Andinanto chaseneyo nabo. Owu, hayi, andinakuthetha nalinye igama chaseneyo nabo.” Leyo yindlela abantu abaninzi abenza ngayo namhlanje. “Owu, abo bakwaMoya nabo bantu abanoMoya oyiNgcwele, kwanabo bantu abakholwa kwimpiliso eNgcwele, owu, andi-andi-andinanto chaseneyo nayo.” Kodwa lowo yayingengoMoses. Wayishiya iYiphutha waze waba ngomnye wabo. Waphuma phandle phakathi kwabazalwana bakhe. Wayengomnye wabo.

¹¹⁶ Mzalwana, kulapho ndithatha khona indlela yam. Ndiyakuyithatha indlela nabeNkosi abajongelwe phantsi abambalwa, ukuba ngabambalwa, nantoni na eyiyo. Banesithembiso, kwaye ndiyawabona amagama abo eNcwadini yoBomi yeMvana. Bangabazalwana bam. Kunjalo. Thatha ukukhetha kwakho ume nabo. Chanekileyo okanye phosakeleyo, yima apho nakanjani. Ukuba baphosakele, bancede kokuchanekileyo. Kanye. Awukhe ubenze ngcono ngokuba khaba ubajikelezisa. Yabona, zama ukubatsala baphume.

¹¹⁷ Charlie, njengoko betshilo malunga noMzalwana uAllen, malunga nomlilo ba... igazi ezandleni. Ndathi, “Zange, zange ndingamthatheli ngqalelo uA.A. Allen.” Ndathi, “Ukuba bendingashumayela njengo A.A. Allen, andinakuze ndibe nenkonzo yempiliso.” Ngoku, xa kufikelela ekungavumelanini phezu kwegazi ekubeni libubungqina boMoya oyiNgcwele, ezandleni zakho, ndiyakungavumelani noko. Kodwa xa kufikelela kubuzalwana, ungumzalwana wam. Ndima igxalaba negxalaba kunye naye edabini. Kunjalo. Ukuba uphosakele, ndiyakuzama ukumnceda. Kwaye ukuba akakho phosakeleyo, ukuba ndiphosakele, ndifuna andinceda. Kwaye nantsi indlela esihlalisene—esihlalisene ngayo. Ngoku bukela apha.

...waye *IMFIHLELO, IBHABHELI... UNINA WAMAHENYUKAZI...*

¹¹⁸ Ngoku uyabona indlela ibandla namhlanje, zihlobo, uyayibona indlela lamabandla namhlanje aphila nje nangayiphi indlela abafuna ukuphila? “Ngokugqibeleleyo konke kulungile, hambela kanye phambili,” ihagu idla ihagu, akuthathelwa ngqwalasela. “Kutheni, akukho kulimala ekwenzeni oko. Kutheni, wena zama nje ukuba ngowohlobo lwakudala.” Ngoku bukela imfundiso yabo. Ngoku ndifuna... Ngoku bukela. Oko ngumkhuba wabo. Uyabona, ukuba iminyaka embalwa eyadlulayo, ukuba ibandla lobuKatolika yayililo kuphela elalivunyelwe ukuba liye kwimiboniso bhanyabhanya? Ibandla lamaMethodist lalingenakuyicinga into enjalo. Onke lamahlelo, “Hayi! Leyo yimisebenzi yongendawo.” Ndiyamangala kwenzeka ntoni. Ewe, mhlekazi.

¹¹⁹ Kwaye uyazi, ubungathatha ezontombi zisentsha zamaKatolika, ziyaphuma phandle ngezi zincinci... (Ngoku, abanye benu makhwenkwe madala amadala njengam...)... phumani niqaphele lento incinci apho babe nokuphela emadolweni. Lamfo, ndiyaqikelela, usesihogweni, ngobu busuku. Andiyazi. Andingomgwebi wakhe. Kodwa xa wenza leya yokuqala incinci ingcolileyo ingoma eyathi yaphuncuka ukuphuma kunomathotholo, ingathanga yahlolwa, leya, “Zisongeni, zintombi, zisongeni; zisongeni zihle nibonise amadolo enu amahle.” Bangaphi abayikhumbulayo leyo xa yathi yaphuma okokuqala, iminyaka eyadlulayo? Oko yayikukuphuncuka kokuqala kanye phaya. Kunjalo. Kwaye

xa bafumana lomfo uvela eTexas, waze wathatha abaya bafazi phandle phaya waze wasebenzisa ezo mpahla zangaphantsi ukubenza bajongeke ngokungathi bayinto ababengeyiyo, kwanezinjalo izinto, kwaye bavunyelwe baphuncuke nalonto. Kwaye ngoku yintoni eyayenzayo? Yahambela ekurhubuluzeni ukungena. Ingumoya.

¹²⁰ Indoda ibithetha, ngenye imini. Yathi, “Andiyazi into endizakuyenza. Ndinelungileyo, enyanisekileyo inkwenkwe, kwaye lankwenkwe ifikelela ekubeni ithatha lonto ithi ibeke izandla zayo kuyo.”

Ndathi, “Kutheni?”

“Inxulumana nesela.”

¹²¹ Uhambisane ujikeleza nomntu olisela, uyakubalisela ngokwakho. Umama wam omdala waseKentucky wayedla ngokuthi, “Ulala phantsi nenja enentakumba, uyakuvuka uneentakumba, nawe.” Uthatha u—uthatha umfazi ongalunganga, kwaye uvumele intombi...uze uyibeke nelungileyo endilisekileyo inkwenkwe, uze into yokuqala oyaziyo iyeziphethe kakubi njengomntu omtsha ongenamava. Yijike kanye ngokuphendulelekileyo. Waziwa ngezihlobo zakho. Zahlule! “Phuma phakathi kwabo,” yatsho iBhayibhile, “yibani ngabazahlulileyo!” Kunjalo.

¹²² Ukuba amahlelo abo abuyela kokunjalo ukonakala njengokuvumela abantu babo...Kuhle, apha ngenye imini, kwelikhulu elilungileyo ibandla lamaBhaptizi, kwafuneka babandulule baphume. Kuphela ingashumayela imizuzu engamashumi amabini, indoda ibinga, ngoba umalusi kwakufuneka aye kutshaya. Ibandla lonke laphuma phandle. Bona bonke bama phandle phaya kwimigca yokutshaya, baze babuyela kwakhona, umalusi nabo bonke. Ndaya kwibandla leCongregationalist, phaya indoda imi, inesikhulu eside isambatho, imi phaya, yathi, yoyama epulpitini *ngolu* hlobo, ithetha ngohlobo oluthile lentyantambo elifumene phezulu endulini. Kumalunga nako konke ekwakukho kuyo, yaza yabuyela emva ukuphuma. Kwaye iminwe yayo yayityheli ngumsi wecuba. Ewe. Kwaye ndithetha malunga nokuba abafazi, ukuba indoda yayiza kudlala...Yintoni lomdlalo waseJamani abawudlala ngala, okungako wa—wahlulahlula amakhasi, uyazi? Bene...Owu, bencinga ndizakuyikhumbula. Pinochle, babeza kuba nomdlalo ipinochle. Ndinga oko kuchanekile. Ehe, kulapho nahlulahlulayo. Kukokuqhelekileyo ukudlala amakhasi. Umdlalo wepinochle, kungqameko olungaphantsi! Bethu, ukulunga! Kulapho isiseko sayo sikhoyo. Akumangalisi! Yintoni? Benza okuya, baze ngoko bamemeze malunga nebandla lobuKatolika phandle apha kwezindawo zeRotary nokudlala i-lottery. Kutheni, nina maProtestanti nimdaka njengokuba benjalo, ngoko ungathetha

ntoni malunga nayo? Imbiza ayinakubiza iketile “imdaka.” Hayi ngokuqinisekileyo. Nina nisenza okuya, ngoko nithi, “Kuhle, ndingumRhabe. NdinguMethodist.” Awuyonto de uzalwe ngokutsha. Kunjalo. Kwaye xa usenza oko, uyazi. Kukho into ethile ngaphakathi kuwe ekuxelelayo ezo zinto azilunganga, kwaye uyakuphuma kuyo nje ngokuqinisekileyo njengokuba wawukhe wamtsha. Uyayazi leyo yiNyaniso. Ngokuqinisekileyo. Ewe, mhlekazi. Eziya zinto ziyahambisana nokuya. Kutheni?

... UNINA WAMAHENYUKAZI ...

¹²³ Ngenye yezi mini, umama omdala uzakuthi, “Niyazi yintoni? Emva kwako konke, sthandwa, sobabini siyafana.” Kwaye uyazi iyintoni ngoko? UManyano lwamaBandla azakumanyana onke kunye njengokuba enjalo ngoku. Kwaye uyazi yintoni ezakwenzeka kwiqela elincinci njengeli? Nizakuyihlawulela, bafana. Oko kunjalo kanye.

¹²⁴ Kodwa musa ukuxhalaba, iMvana izakumoyisa. Ngoba IyiNkosi yenkosi, kwaneKumkani yeekumkani, kwaye uThixo uyakuya ekulikhokeleni iBandla laKhe, endaweni yehlelo. Uyakuthulula la-Oli ibugolide yoMoya oyiNgcwele phezu kwela Bandla. Mzalwana, Umlilo uyakuwa uvela eZulwini, kwaye imiqondiso nezimanga iyakwenzeka, ngohlobo ongazange walubona ngaphambili. Ewe, mhlekazi. “Musa ukoyika, mhlambi omncinane, kukhokile kuBawo wenu ukuninika uBukumkani.” Ewe, mhlekazi. “Lowo unyamezelayo kude kube sekupheleni!” Nako ke. Gcinani kanye ukwehla indlela. Gcina intloko yakho ingqale eKalvari. IBhayibhile ichanekile. Musa ukuba naxhala.

¹²⁵ Ngoku bukela. Nantso eminye yemikhuba abanayo. Ezinye zendlela zokuziphatha abanazo. Singahambela nje phambili. Into yokuqala oyaziyo, ivuzele yangena kumabandla obuProtestanti. Ngoko abafazi abangamaKatolika baqalisa uku... Kutheni, bekungonakalisi ukunxiba iibhulukhwe ezimfutshane ezincinci, okoko nje beyile enkonzweni baze babeke itshefu encinci phezu kwentloko yabo. Uhlobo oluthile lwesithethe, “Musa ukutya nayiphi inyama ngoLwesihlanu.” Kwaye, owu, kuphi apho wakhe wafumana ukubeka itshefu entlokweni yakho ukwenzela ukungena enkonzweni? Ndifuna undibonise iSibhalo. Sisiprofeto esibubuxoki. Iphi ebandleni apho umelwe kukunxiba umnqwazi enkonzweni? Xa unxiba umnqwazi entlokweni yakho, uyamhlaza uKristu, chanekileyo; amadoda, endithetha ngawo. Bafazi, ninaso isigqubuthelo, kodwa ndiyakucela umngeni nakubani andibonise kuphi apho ingumnqwazi okanye itshefu. Ziinwele zakho! Kwaye uzichebile zonke zasuka. Ngoku yintoni malunga noko? Owu, bathi, “Oko kukokohlobo lwakudala.” Ukuba injalo, yiBhayibhile! Kwaye iLizwi likaThixo lichanekile.

126 Ndithetha apha, kungekudala, ngomfazi owathi wahlamba iinyawo zikaYesu, waze wathatha iinwele zakhe, uyazi, waze—waze wazosula ngazo. Ndathi, “Ukuphela kwendlela umfazi angayenza ngayo lonto, kukuma ngentloko yakhe ukufumana iinwele ezaneleyo ezantsi phaya ukuhlamba iinyawo zaKhe, ukosula ngazo.” Kunjalo. Owu, kulilo, kulihlazo ukubona indlela i...Apha, kwimozulu eyenza umkhenkce, ehamba ejikeleza enxibe encinci etukutuku idyasi ngolo hlobo, nemizimba yabo eze ibonakala.

127 Ngoku uthi, “Kutheni uchonga abafazi?” Nidinga ukuba nichongwe.

128 Kwaye nina madoda athi avumele abafazi benu benze lanto, mzalwana, andi—andiyazi into emandiyicinge ngawe. Ngoku, kunjalo.

129 Kwaye nina belusi, andiqikeleli nilapha. Kodwa ukuba umbonile umfo, umxelele aze, xecele, andibone. Yabona? Ukuba akanantlonipho ingaphezulu kuKristu kunokuba avumele ibandla lakhe lidlule nalonto ngaphandle kokuba... Ngoku u...Bangayenza phandle phaya emva kwakhe, kodwa ukuba akabaxeleli malunga nayo, akangomkhonzi ufanelekileyo kaYesu Kristu. Kunjalo kanye. Akakufanelanga ukuba ngumkhonzi kaKristu. Umkhonzi kaKristu umelwe angabinakoyika ukuba ngoba oko kuza eBhayibhileni. Ngokuqinisekileyo. Kodwa nabaya bephaya, bayaphuma kwaye bayayenza nakanjani.

130 Kwaye ngoko, into yokuqala oyaziyo, amaProtestanti kwafuneka ayichole. Nina maMethodist alungileyo, nani maBhaptizi, nani maRhabe, okanye Nazarene, Pilgrim Holiness, kwanani nonke, into enye, niphume kanye ngaphandle, ngabathandathu kwelinye, nabasisiqingatha seshumi elinesibini belinye. Nako ke, “Unina wamahenyukazi.” Ihlelo lakho, “Okoko nje beqale kundlunkulu, yenze wuphi umahluko?” Yabona? Yenza omninzi kakhulu umahluko. Akuzange kuqale, *lowa* uNdlunkulu. Kungaqala kwabenu oondlunkulu ezantsi apha, kodwa hayi kuloWa phezulu Phaya. Kuxhomekeke ekubeni uvela phi. Oko kuyinyaniso.

131 Ngoku, andicingi sinalo ixesha lokufumana le ingenye, mhlawumbi kungcono ndiyishiyele ukwenzela kusasa. Kulungile, masithathe nje le incinci imfutshane inye. Sine, apha, “ubhaptizo emanzini.” Sikwanalo “umiselo ngenxa engaphambili,” kwaye, owu, izinto ezininzi. Ngoko masithatheni nje le, le incinci, imfutshane “yabashumayeli abangabafazi,” size sifumane le inye.

132 Ngoku, ngoku, mshumayeli ulinenekazi, andifuni kuzilimaza iimvakalelo zakho, kodwa ndifuna ukukuxelela into ethile. Awunalo nelinye ichaphaza leSibhalo, hayi nesinye eBhayibhileni. Ehe, ndiyayazi apho uya khona,

kwaye selendinazo zonke ezenu, ehe, “Kwaye oonyana benu neentombi zenu ziyakuprofeta.” Ngoku, ukuba umalusi wakho akayazi yintoni igama “ukuprofeta” elithetha yona, aka—akazi nto. Akanamicimbi mininzi emva kwepulpiti, ezama ukukuxelela ukuba ube ngumshumayeli. Yabona? Ngoba i, ngokuqinisekileyo, iqalekisiwe ukusukela kwiGenesis ukuya kwiZityhilelo. Ngoku mandikubonise le, yabona.

¹³³ Ngoku ndifuna undityhilele kowokuQala uTimoti 2:11. Tyhila nje apha kwaye siyakukufumanisa oku ngoku, kwaye siyakukufumana okuya apha, kwanako, ezakho iZenzo isi-2. Ehe. Kwaye mamela nje—nje apha yintoni iSibhalo esiyithethayo malunga nesi sihloko.

¹³⁴ Ngoku, umntu othile wahlala esithi, “Kuhle, Mzalwana uBranham, ungomdala nje umthiyi wabafazi.” Andinguyanga hayi umthiyi wabafazi. Ndiyi...Andithandi nje ukubona abafazi bezama ukuthabatha indawo abangengobayo.

Niyakhumbula eHorward Shipyard ngaphaya, enye yezizezona ziphumeleleyo iindawo zeenqanawa ezikhoyo kuMlambo i-Ohio? Babeka umfazi phezu kwayo. Jonga kwenzeka ntoni.

Banika umfazi ilungelo lokuvota. Jonga kwenzeka ntoni.

¹³⁵ Mandikuxelele kanye ngoku. Hayi nje ukuhlinza abafazi. Ndifuna amadoda aqonde nikuko oku nani. Kodwa mandikuxelele into ethile, mzalwana. Esi sizwe sisizwe somfazi. Ndiyakukuqondakalisa oko ngawe, ngeSibhalo, ngayo nangantoni na ofuna iqondakaliswe ngayo. Esi siso. Yintoni evelayo kwimali yethu? Umfazi. Kuphi apho sifunyanwa khona? KwiZityhilelo, apha, uyasibona. Silinani leshumi elinesithathu, kwanayo, yonke into esayiqalayo; iinkwenkwezi ezilishumi elinesithathu, imigca elishumi elinesithathu, iikoloni ezilishumi elinesithathu. Ishumi elinesithathu, yonke into yayilishumi elinesithathu, indawo yokuqala. Sivela kwese-13 isahluko seSityhilelo. Umfazi, ishumi elinesithathu!

¹³⁶ Kwaye ngo1933, xa iNkosi...Xa sasinemihlangano ngaphaya apho ela bandla likaKristu limiyo ngoku, elidala ikhaya leMasonic, umbono weNkosi weza kum phezulu apha waze wathelekelela ukuba “iJamani iyakuvuka kwaye ibeke laMgca weMagenot phaya.” Abaninzi benu bayayikhumbula. Kwaye bayakunqatyiswa njani bonke phakathi phaya, kwaye amaMelika ayakuthatha ukubethwa okukhulu kanye phaya kulamgca. Kwaye yakwatsho into eyakwenzeka, namalunga noRoosevelt nezo zinto, uyakubaleka njani aze enze eliya lesine ixesha-lokuphatha. Ngokugqibeleleyo, nje ngqo indlela eyathi yabakho. Kwaye yakwathi ukuba izithuthi ziyakuqhubeka ukuya zisiba njengeqanda, kude ngemihla yokugqibela ziyakuba nje kukumila kweqanda. Kwaye ndathi, “Kuyakubakho ukuba ezo zithuthi aziyikuqhutywa ngamavili okujika. Iyakuba yinto

ethile engenye eziqhubayo.” Zezo zithuthi abazikhuphayo kanye ngoku, ulawulo lwamgama, ukwenzela ukhuseleko. Ngokuchanekileyo. Awuzukukwazi ukungena esixekweni... Ngoko, ingingqi yamashumi amabini eemayile, ungamashumi amabini eemayile. Awunako ukusitshayisa esinye isithuthi, ngoba ilawulwa mgama. Yabona, ihamba ngolo hlobo, kwaye kanye ngoku. Kwaye ndathi, “Khumbula, ngalo mhla, phambi kokuba ixesha lesiphelo lifike, phambi kokuba ixesha lesiphelo lifike, ukuba umfazi... Ngoku, nina nonke nikugcine oku kubhalwe phantsi. Kuyakubakho omkhulu, ozele amandla umfazi oyakuphakama, angaba nguMongameli, okanye uzwi-lakhe, okanye othile omkhulu ozele amandla umfazi kule United States. Kwaye iyakuzika, phantsi kwempembelelo yabafazi. Ngoku, niyakhumbula, oko ngu ITSHO INKOSI.” Yabona?

¹³⁷ Kwaye uphosakele. Kwaye yintoni ethe yanikezela kuyo? Mandikuxelele. Yiba ngokumoya. Mayithi... Vuleka. Jonga. Kutheni isenza lanto? Ukunika ibandla lobuKatolika indawo yokungena. Yabona? Ninqula aba badlali baziinkwenkwezi bemiboniso bhanyabhanya kwanazo zonke ezi zinto zahlukileyo phandle apha. Khumbulani intshumayelo endayishumayelayo? Margie, uyayikhumbula, iminyaka eyadlulayo, ngo—ngongenelo lweUnited States, ukubhukuqa urhulumente weMelika. Kwaye indlela endatsho ngayo ukuba uvuke eParis emveni kokuba sibahlangule ngaphaya kokuya abafazi, iwayini namaxesha amakhulu. Kwaye wachopa kanye ezantsi ngaphakathi eHollywood. Ngoku, endaweni yokuba thina sithumele eParis ukuya kufumana abacondobi, bathumela apha ukufumana abacondobi. Yintoni eyayenzayo? Yafumana... Sasingabuvumeli abantwana benu baye kumboniso wemifanekiso, kodwa wangena kanye ngaphakathi kumabonakude, wahambela kanye ukuqhubeka ngaphandle kwaye wayingcolisa iyonke into, wamkhuphela kanye ukuqhubeka ngaphandle. Kwaye naku silapha namhlanje, onke amancinci amantombi namakhwenkwe, onke njengohlobo oluthile lwaba badlali bakamabonakude. Yintoni? Yenza indlela. Kwedini, omnye odume-ngokuziphathakakubi umfazi angathumela abangaphezulu abantu esihogweni kunazo zonke iindawo ezingekho mthethweni zotywala ongazibeka esixekweni. Kunjalo. Mbukele esihla ngestrato ngeempahla zakhe zonke zihlutyiwe ukuhla, andikhathali ukuba ngubani indoda, ukuba iyindoda esempilweni ngokuqhelekileyo, xa ijonga kumfazi ibophelekile ukuba ibe nento ethile edlula phezu kwayo. Ngoku yiba nje ngonyanisekileyo. Andikhathali...

¹³⁸ Ndibenawo uMoya oyiNgcwele iminyaka. Awunako ukujonga kumfazi abe yena enxibe ngokungaphelelanga... Ndi—ndiphatha omncinci umnqamlezo kwisithuthi sam, abaninzi benu bawubonile. Umntu othile wathi kum,

“UngumKatolika?” Kuphi apho amaKatolika akhe afumana ukhetho kumnqamlezo? Umnqamlezo uthetha “ubuKristu.”

¹³⁹ Abo bancinci badala ooNgcwele uCecilia nezinto luphawo lobuKatolika. Asikholwa kwizinto ezinje ngezo. Sikholwa kuKristu. Banazo zonke iintlobo zabantu abafileyo ababanqulayo. Sisimo esiphezulu sokusebenzisa imimoya. Kuko konke ekuko, ukunqula abafileyo. Akukho nto injalo, hayi.

¹⁴⁰ Ndambuza lambingeleli. Ndathi, “Kutheni ethe, ngoko, ukuba . . . uPetros waye engowokuqala upope?”

Wathi, “Kunjalo.”

¹⁴¹ Ndathi, “Ngoko kwakutheni uPetros athi, ‘Akukho ongomnye umlamleli phakathi koThixo nomntu kodwa laNdoda uKristu Yesu’? Kwaye ninamahlanu amawaka abafazi abafileyo, kwanayo yonke into engenye, nibenza abalamleli. Ngoku kwenzeke ntoni?” Nako ke. Abanayo impendulo yalonto. Kunjalo.

¹⁴² Ngoku okunye kwemfundiso yabo, imfundiso yabo ebubuxoki, igquba labaprofeti bobuxoki bamaProtestanti afike ajika aze afundisa lanto, kwaye nina bantu bangamaProtestanti niyayiginya. Oko kunjalo kanye. Amahlelo nezimo zobhaptizo, neyahlukileyo imimiselo nezinto enithi nidlule kuzo, ezingekhoyo ngokuqinisekileyo eZibhalweni. Ichasene nayo, kwiSibhalo, nangoko niyagoba nizinikele kanye phantsi kuyo. Kuyinyaniso.

¹⁴³ Ngoku mamela koku malunga nabashumayeli abangabafazi. Kulungile. UTimoti wokuQala, ndifuna oWokuqala uTimoti 2:11. Ngoku mamela yintoni Eyithethayo apha.

Mabathi abenu abafazi bafunde bezolile ngako konke ukuthobela.

Kodwa andimvumeli umfazi afundise, okanye athathe igunya phezu kwendoda, kodwa makabe sekuzoleni.

¹⁴⁴ Andinalo uxanduva ngokuyibeka phakathi phaya. Ndinoxanduva lokukuxelela ukuba iphakathi phaya. Yabona? Yabona?

Mabathi abenu abafazi bafunde bezolile kwaye babe kuko konke ukuthobela. (Ukuba wakhe wangena kwibandla Elibambelele kwizinto ezamkelekileyo uze ubabukele, yabona. Yabona?)

Kodwa andimvumeli umfazi afundise, okanye athathe igunya (abe ngumalusi, umdikoni, okanye nayiphi into enje ngaleyo) phezu kwendoda, yabona, athathe igunya phezu kwendoda, kodwa makabe sekuzoleni.

Kuba u-Adam wabunjwa kuqala, kwaze ngoko u-Eva.

¹⁴⁵ Ubusazi? Ngoku mamelani, bafazi. Nina balungileyo, abangamalungisa angamaKristu abafazi ayeyonanto ingcono

uThixo ebenokuyinika indoda, okanye Engemnike into ethile eyahlukileyo. Ewe, mhlekazi. Yabona? Umfazi wayengekho nkqu kwindalo yoqobo. Umfazi akayiyo edaliweyo imveliso kaThixo. Uyimveliso ephume kwimveliso yendoda. UThixo wenza indoda, bobabini indoda nomfazi. Kwaye Wabohlula. Kwaye emveni kokuba indoda isele iphilile emhlabeni kwaye yazithiya izilo, yaze yaphila apha ixesha elide, Wathatha wakhupha ubambo kwicala lika-Adam, njengemveliso ephume kwimveliso, waze wenza umfazi kulo. “U-Adam wabunjwa kuqala, kwaze ngoko u-Eva.” Ngoku bukela.

Kwaye u-Adam akalukuhlwanga, kodwa umfazi elukuhliwe waba sekugqitheni.

146 UThixo wathatha indoda. Umtyholi wathatha umfazi. Yijonge, kanye ngqo ebusweni, yintoni eyenzayo namhlanje. Jonga kwelenene iBandla likaThixo, liyakuthi, “Yesu!” UmchasiKristu uyakuthi, “Mariya!” Yibukele loomimoya. Yabona? Nantso iyiyo. “Aah Mariya, mama kaThixo, usikelelwe wena phakathi kwabafazi, kwaye usithandazele thina boni ngoku, kwaye nomhla wokufa kwethu. Amen. Mariya, thandaza!” Owu, bethu, ukulunga! Yabona, nako ke, “mfazi,” ophantsi kolawulo longendawo. UKristu, into yokunqulwa, kwaye okuphela kwaYo! Nako ke. Nako ke.

147 “U-Adam wabunjwa kuqala, kwaze ngoko uEva.” U-Adam wayengalukuhlwanga. Kwaye unganaye njani umalusi ongumfazi, umdikoni? U-Adam wayengalukuhlwanga, kodwa umfazi walukuhlwa. Wayelukuhliwe, kahle-kahle. Wayengacingi ukuba wayephosakele, kodwa waye ephosakele. “Umfazi engolukuhliweyo waba sekugqitheni.” Ngenxa yokuba, okwakhe, lonke ixesha kuthi i—isingewabo sihamba ukuhla ngesitrato, umfazi wasibangela. Lonke ixesha usana lwakhalayo phandle, umfazi wakubangela. Lonke ixesha umntu othile wafayo, umfazi wakubangela. Lonke unwele olungwevu, umfazi walubangela. Yonke into, kwaye ukufa, umfazi wakubangela. Yonke into ephosakeleyo, umfazi wayibangela. Uze ngoko umbeke intloko yebandla, umalusi, owu, ubhishophi ngamanye amaxesha. Ihlazo kuye.

148 Ngoku mandikutyhile oku, okunye, nje emzuzwini. Yabona? Ngoku masityhileni kumaKorinte okuQala 14:32 phaya, size sibone yintoni uPawulos ayithethayo ngapha, kwaye ngoko siya kanye ngaphezulu kokunye okongezelekileyo, nje emzuzwini. Kwaye ngoko asifuni kunigcina ixesha elide kakhulu, ngoba niyakuba nidiniwe kangako kusasa ningabi nakubuyela. Kulungile. Ndifuna ukufunda. Bangaphi abakholwayo ukuba uPawulos wayengumfundisi ophfumlelweyo? Ngoku, khumbula, uPawulos wakubhalela nakuTimoti oku. Yabona? Okuya, ngoku, kumaKorinte oKuqala 14:32. Ngoku masiqale kanye ngaphakathi apha, kwaye siqale ukufunda apha, 14:34, ndiyakholwa.

Mabathi abenu abafazi bathi tu emabandleni: . . .

149 Uyivile into ayithethileyo?

Mabathi abenu abafazi bathi tu emabandleni: ngoba ayinto ivumelekileyo kubo ukuba bathethe; kodwa baya yalelwa ukuba babe phantsi kokuthobela, . . .

150 Unako okufundwayo okusemgceni kokuya? Ukuba unako, yibalekise ibuye umva uze ubone ukuba ayithathi iGenesis 3:16. Xa uThixo waxelela u-Eva, ngenxa yokuba ethe wamamela inyoka endaweni yomyeni wakhe, ukuba uyakulawula phezu kwakhe yonke imihla yobomi bakhe. Angathini umfazi ukuza aze alawule phezu kwendoda, abe ngumalusi okanye umdikoni, xa iBhayibhile yathi makabe “kukuthobela,” nje ngohlobo ekwakunjalo ekuqalekeni? Xa Wa . . . uThixo—uThixo akanakuguquka. Awunakulenza iLizwi lithethe into enye *apha* nengenye into ng*apha*. ALiyenzi. Yinto efanayo lonke ixesha.

151 Ke, ekuqalekeni, kulapho, phambi kokuba oku kuphele, ukuba ndiyalifumana ithuba, ndifuna ukukolulela lowa *woMtshato noQhawulo-Mtshato* umba. Andizange ndikwenze kwelibandla unangoku. Kodwa bukela lomngophiso ukabini. Omnye uthi angatshata; omnye wathi abanakutshata; kwaye lona uthi *oku, okuya, okanye okunye*. Linda nje umzuzu uze ubone into ethethwa yiBhayibhile, xa sifika kokuya. Yabona? Kulungile. Ngoku bukela apha.

Mabathi abenu abafazi bathi tu emabandleni: . . . ayinto ivumelekileyo kubo ukuba bathethe; kodwa baya yalelwa ukuba babe phantsi kokuthobela, njengoko nawo usitsho umthetho.

152 Ngoko, kwiTestamente eNdala, babengavunyelwa ukuthetha, ngoba uPawulos watsho apha babengavunyelwa. Ingaba kunjalo? “Mabathi abenu abafazi bathi tu. Kukuthobela.” Ngoku ukuba uyakubalekisa okwakho ukufunda okusemgceni phaya, iyakuthabatha ikuse emva kwiGenesis 3:16. Yabona? Kulungile. “Phantsi, njengaphantsi komthetho.”

Kwaye ukuba . . . bafunde nayiphi into, mabathi awabo . . . babuze—babuze awabo amadoda . . . khaya: ngoba kulihlazo ukuba umfazi athethe ebandleni.

Yintoni? . . .

153 Ngoku jonga oluya phawu lombuzo kuyo nganye kwiiBhayibhile zenu, kokuya, “Yintoni?” Yintoni eyabangela uPawulos athethe okuya kwaye akwenze ngoluya hlobo? Ngoku, ukuba uyakuze uzifumane iincwadi abathi abaseKorinte bazibhalela uPawulos. Ngoku, ungazifumana nakweliphi ithala leencwadi elilungileyo, yabona, abathi abaseKorinte bazibhalela uPawulos. Babhala baze bamxelela, emveni kokuba aba bafazi ababeguqukile . . . Babe ne—nesithixokazi ngaphaya, esasibizwa “Diana.” Kwaye wayengowase Efese, nako. Kwaye abaseKorinte

babenqula kwayena, ngoba yayilunqulo lobuhedeni. Kwaye bafumana ilitye phandle phaya ethafeni ngenye imini, lalijongeka njengokumila komfazi. Bathi, “UThixo ungumfazi, kwaye uwisele umfanekiselo wakhe ezantsi kuthi.” Kwaye itempile yabo yayiyegqithe kakhulu itempile kaSolomon, batsho, abembali. Owu, yayililitye lebhastile iyonke, ityabekwe ngegolide ngaphathi; apho, ekaSolomon itempile yayenziwe ngomsedare, ityabekwe ngegolide ngaphakathi. Yabona? Kwaye yayiyegqithe kakhulu. Kwaye okuya, ngoko, ukuba uThixo waye—wayengumfazi, kutheni, qinisekileyo, anganabo ababingeleli abangabafazi. Qinisekileyo, ukuba uThixo ungumfazi, ngoko umshumayeli ongumfazi ulungile. Kodwa, uThixo yiNdoda. IBhayibhile ithe WayeyiNdoda, kwaye UyiNdoda. Yabona? Kwaye ukuba uThixo wayeyiNdoda, ngoko imele ibe yindoda.

Ngoku qaphela apha, “Yintoni?”

¹⁵⁴ Ngoku, abanye babo babingeleli bangabafazi, xa babeguqukile ukusuka kunqulo lwezithixo bangena kubuKristu, babecinga banganako ukuzigcina izikhundla zabo njengomshumayeli, nje bangene kanye ngapha. Ukuba babeshumayela ngaphaya ngoDiana, bangena ngapha baze bashumayela ngoKristu.

¹⁵⁵ Wathi, “Yintoni? Leza iLizwi likaThixo liphuma...” Mamela nje koKu. Mzalwana, bangayenza njani abashumayeli lanto? Owama-36 umqolo.

Yintoni? leza ilizwi likaThixo liphuma kuni na? okanye lize kuni nedwa na?

Ukuba nawuphi umntu ucinga yena ungumprofeti, okanye ungowomoya (akufuneki nkqu nokuba abe ngumprofeti; nje ocinga ngokomoya umntu), makazivume ukuba izinto endinibhalela zona ziyimithetho yeNkosi. (Uyayikholwa lonto?)

Kodwa ukuba, ukuba nawuphi ungongaziyo, myeke nje abe ngongaziyo.

¹⁵⁶ Ngoku, oko kuthe tyaba nje ngendlela endazi ngayo ukukubeka. Yabona? Wathi, “Ukuba umntu ungumntu ungowomoya, okanye umprofeti, uyakuyivuma ukuba into endiyibhalayo apha yiMithetho yeNkosi.” Kodwa wathi, “Ukuba u—ukuba uzakuba ngongaziyo, myeke nje abe ngongaziyo.” Yabona, uphela kwento ongayenza. Bafuna ukuqhubeka kuyo, ufanele nje ubayeke baqhube, ngoba wayibona iqala phaya.

¹⁵⁷ Kwaye abanye abafazi bandixelela, bathi, “Owu, uPawulos wayengomdala nje umthiyi-bafazi.”

¹⁵⁸ Wayengengomthiyi-bafazi. Uyazi, uPawulos wayengumpostile, kwaye kwiBandla leeNtlanga. Jonga apha. Ubusazi uPawulos...Bangaphi abakhohwayo yiyo leyo

into uPawulos awayishumayelayo? Ingaba leyo yinto a-awayithethayo apha? Kwaye uPawulos wathi . . .

¹⁵⁹ Uthi, “Kuhle, linda umzuzu ngoku, Mzalwana uBranham. Nje umzuzu! Ngoku, ubhishophi wethu uthi okuya kulungile. Umongameli jikelele, i-Assemblies, ithi kulungile. Ubhishophi waboBunye uthi kulungile.”

¹⁶⁰ Andikhathali bathini. Ibubuxoki! Kwaye ndikuxelele besizakukuncamathelisa oku kakhulu. Kwaye abaprofeti bobuxoki baya kutsho njalo. Ngoba iBhayibhile yathi, “Ukuba nawuphi na umntu uzicingela ukuba ungowomoya, okanye umprofeti, makavume ukuba into endiyithethayo yiMithetho yeNkosi.” Kwaye ukuba umoya wakhe akangqinelani nela Lizwi, ungumprofeti wobuxoki, indawo yokuqala. Ndingaba ngumthiyi-bafazi kunokuba ngumthandi-bafazi, ukuhamba nezinto ezinjalo, ukunyamezelana nezinto ezinjalo eBandleni likaThixo, chaseneyo nemimiselo kaThixo. Kwaye uPawulos wathi . . . Fumana amaGalati 1:8. UPawulos wathi, “Ukuba Ingelosi evela eZulwini iyakuthi ishumayele nayiphi engenye ivangeli kunale into endiyishumayeleyo kuni, mayiqalekiswe.” Ngoku uzakwenza ntoni malunga Noko?

¹⁶¹ Ngoku uthi, “Kuthekani malunga nalapo Ithi, ‘Abenu oonyana neentombi bayakuprofeta,’ kuYoweli, kwaye—kwaye apho uPetros wacaphulayo ngoMhla wePentekoste?” Kunjalo ngqo.

¹⁶² Ubusazi, kwiTestamente eNdala, ukuba ukuphela kwendlela, kwaye ukuphela kwendlela ngoku, ukuba nabani na anganokungena kumnqophiso, ngokudlula, ngoAbraham, yayinguye owayenikwe isithembiso, kwaye i—itywina lomnqophiso lalingolwaluko. Bangaphi abakwaziyo oko? YayinguThixo engqina.

¹⁶³ Njengomzalwana ongumBhaptizi, wathi, “Mzalwana uBranham, kutheni, thina maBhaptizi siwufumene uMoya oyiNgcwele.”

Ndathi, “NiWufumene nini?”

Wathi, “Ngeyure esakholwa ngayo.”

¹⁶⁴ Ndathi, “UPawulos wathi, ‘Nawamnkela na uMoya oyiNgcwele sukela nakholwayo?’” Yabona? Ndathi, “Ngoku, nina maBhaptizi yizani nifumane okunye Kokuya, kwaye siyakuthetha okunye kokhusuleko lwaNaphakade nani.” Ndathi, “Kodwa, kuhle, niYifumana phi ngolo hlobo?” Yabona?

¹⁶⁵ Wathi, “NiWamnkele na *sukela* nithe nakholwa?” Babengamakholwa, kwaye benako ukukhwaza novuyo nento yonke engenye. Babengekawamnkeli uMoya oyiNgcwele nangoko. UPawulos wathi babengekawamnkeli. Yabona? “Nawamnkela na uMoya oyiNgcwele sukela nakholwayo?”

Bathi, “Asazi nokuba kukhona nawuphi uMoya oyiNgcwele.”

Wathi, “Ngoko nanibhaptizwe njani?”

¹⁶⁶ Bathi, “Sibhaptiziwe.” Kodwa, ngokubuxoki, yabona. Ke kwafuneka aphindwe ukubhaptizwa, kwakhona. Kulungile.

¹⁶⁷ Ngoku qaphela oku ngoku, ukuba aba bashumayeli bangabafazi, xa bengena, bacinga ukuba bayakuthatha igunya labo. Kodwa ngokuqinisekileyo akuvunyelwanga nguThixo ukwenza njalo. Kwaye vumela...nje ngexa kanye sikulo mxholo apha, aba bafazi, yabona. Kwaye yona, ngoku, wathi, “Ukuba kukho nayiphi indoda phakathi kwenu, eyeyomoya, okanye umprofeti, mayivume ukuba into endiyibhalayo yiMithetho yeNkosi. Kodwa ukuba iyengenakwazi, yiyeke nje ibe ngongenakwazi.” Kwaye kungako wona...lomnquba awumi uze umisele esikhundleni abashumayeli abangabafazi, abadikoni abangabafazi, okanye nantoni na emayenziwe ngumfazi njengesikhundla selibandla, kungenxa yokuba esiSibhalo silele apha kwaye size.

¹⁶⁸ Ngoku, iBhayibhile yakutsho, “Abenu oonyana neentombi bayakuprofeta.” Ngoku, lithetha ntoni igama *ukuprofeta*? Likhangele. Kuku “xela into, uphantsi kokuphefumlelwa,” okanye “ukuxela kwangaphambili into.” Ligama elinentsingiselo engaphezu kwenye.

¹⁶⁹ Njengokuba *ukungcwalisa* kuthetha “ucociwe, waze wabekwa bucala ukwenzela umsebenzi.” Yabona? Okanye, ligama elixandileyo, lithetha ngaphezu kwento enye, njengokuba sinako kakhulu kangako okwalonto kwiSingesi apha.

¹⁷⁰ Njenge, singatsho igama “ibhodi.” Kuhle, angathetha ntoni *ubhodi*? Uthi, “Kuhle, uthetha wayihlawula *ibhodi* yakhe.” “Hayi, akazange. Ubethetha ngokuba *womba* umngxuma.” “Hayi, akazange. Ubethetha ngokuba *wamdika*.” Okanye, uyabona, nje igama, kufanele uyazi into othetha ngayo. Yabona?

¹⁷¹ Kwaye nantso indlela ekuyiyo ngeligama lixandileyo, apho, “Abenu oonyana nezenu iintombi bayakuprofeta.” Ngoku, ukuphela kwendlela angathi uThixo. . .

¹⁷² LomBhaptizi wathi, “Kuhle, siwamnkele uMoya oyiNgcwele.” Ndathi. . . “Ngoko xa sakukholwayo.” Ndathi. . . Ngoku, yabona, wathi, “UThixo unika u-Abraham i. . .” Wathi, “U-Abraham wakholwa uThixo.” Nantso indlela awayibeka ngayo. Wathi, “U-Abraham wakholwa uThixo kwaze oko kwabalelwa kuye ebulungiseni.” Bangaphi abayaziyo ukuba oko kuyinyaniso? Ngoku bukela kulula kanjani—kanjani uSatana anganako ukunyebelezisa oko kumzalwana. Yabona, nje ngokulula. Ngoku, oko siSibhalo.

173 Mzalwana, Ndiyakuxelela, koku phezulu apha, ufanele ube ithanjiswe phambi kokungena koku. Ufanele ungene kwindawo efihlakeleyo uze uthandaze. Abantu bathi, “Kutheni ungaphumi uze ubone abantu?” Mzalwana, ukuba uzakuthetha nabantu okanye ubafundise, kungcono uzihlalele uwedwa, noThixo, ixeshana, phambi kokuba ungene kulapulpiti. Qinisekileyo, yabona, ngoba uSatana unobuqili, unobuqili kakhulu.

174 Wathi ngoku, qaphela, wathi, “U-Abraham wakholwa uThixo, kwaze oko kwabalelwa kuye ebulungiseni.” Kunjalo. Wathi, “Ngoku, yintoni engaphezulu u-Abraham angayenza ngaphandle kokukholwa?”

Ndathi, “Koko konke awayenokwenza.”

175 Wathi, “Ungenza okungaphezulu kangakanani okanye nabani na ngomnye ngaphandle kokukholwa?”

176 Ndathi, “Koko konke esingakwenza. Kodwa jonga, mzalwana, ngoko uThixo waxolelanisa, okanye walwamnkela ukholo luka-Abraham. Wamnika itywina, umqondiso wolwaluko, njengetywina lomnqophiso. Yabona? Wamnika. Wathi, ‘Ngoku, Abraham, Ndiyakulwamnkela ukholo lwakho, ke Ndzakukunika umqondiso ngoku wokuba Ndikwamnkele.’”

177 Ke Wamalusa u-Abraham, kwaye oko kwakulitywina lomnqophiso. Kwaye ngoku kulona umhla...Ngoku, umfazi wayengenako ukuba kuwo lamnqophiso; kuphela ngotshatileyo umfazi. Fumanisa, kungenakwaluswa umfazi; ke, kwakufuneka bangene, ke yena nomyeni wakhe banye. Abekho abasebabinanga; banye. Bangaphi abakwaziyo oko? ISibhalo sitsho njalo. Ke, yena engotshatileyo, ngoko u—ubamnye. Kwaye uhambe uqhubeke uhle apha kwaye ujonge ngapha kuTimoti, sathetha into enye, sathi, “Ngoku ukumelana uyakusindiswa ngokuzala, ukuba uthe wahlala elukholweni nasebungcweleni nako konke ukubasengqiqweni.”

178 Ngoku, kodwa, ngoko, ulwaluko lweTestamente eNdala lwalusenyameni, kodwa kule iNtsha iTestamente, uYoweli wathi, “Ndiyakuwuthulula uMoya waM phezulu kwayo yonke inyama, kwaye abenu oonyana nezenu iintombi bayakuprofeta.” Ngoku, igama *ukuprofeta* alithethi ukufundisa. Uku *profeta* kuthetha kunokuthi “ukuxela amava, phantsi kokuphefumlelwa,” okanye “ukuxela kwangaphambili into elungiselela ukwenzeka.” Kwaye siyazi ukuba kwakukho abaprofetikazi kwiTestamente eNdala. Babengazange babe nokuthetha phandle esakhiweni, bathethe phandle ebandleni, kwibandla, njengomfundisi. Kodwa yena, u-Anna, kwanabaninzi babo etempileni, babengaba profetikazi, kwaye babe...uMiriam wayengumprofetikazi, okanye into ethile enjalo. Wayenawo uMoya phezulu kwakhe, oko kuyinyaniso, kodwa wayenemilinganiselo yendawo. Abafazi bangaba ngabaprofetikazi namhlanje, ngokuqinisekileyo; kodwa hayi

abafundisi, kwaneento ezinjalo, emva kweqonga apha. Uyenza, wenza—wenzwa iBhayibhile iZiphikise. IBhayibhile ayinakuthetha into enye *apha*, kwanengenye into ng*apha*. Imele ithethe into enye lonke ixesha okanye Ayililo iLizwi likaThixo. Yabona? Ke, “Abenu oonyana nezenu iintombi bayakuprofeta,” kuthetha ukuba bayakuba nokuthi “baxele kwangaphambili” okanye “bangqine.” Ngoku, uzukujonge oko, kwaye ufumane isichazi-magama seBhayibhile uze ubone ukuba oko akuchanekanga na. “Abenu oonyana nezenu iintombi bayakuprofeta.”

¹⁷⁹ Ngoku, iBhayibhile ikwathetha nangomfazi owazenza, ke, okanye owabanga ukuba u... Oku kuyakusebenza kuzo zombini ngebandla lamaKatolika, kwaye iyakusebenza kwakho nakwi... nakwesi sihloko sizakuthetha ngaso ngoku. Masityhileni ngaphaya kwiNcwadi ye—yeZityihlelo, kwaye masifumane malunga ne—nesesi-2 isahluko kwanowama-20 umqolo, nje ngexa silapha kanye kufutshane nayo, ukuze ube nokuqaphela apha kwaye nje ubone ingaba nobungendawo kanjani lanto, yokuthetha kule mihla yokugqibela yintoni eyakwenzeka, indlela eziza kuthi ezi... yintoni lomfazi aya kuba yiyo. Khumbula, ibandla lobuKatolika ngumfazi. Sisandula kuyifunda, asikhange? Mamela koku ngoku, indlela Ethi ngayo. IZityihlelo 2:20, “Ngoku ukumelana...” Uthetha nelibandla laseTiyatira, yabona, “Ngoku ukumelana...” Elilibandla lesigaba-esiphakathi phaya, ladlula kwiZigaba eZimnyama.

Ngoku ukumelana *ndineendawo ezimbalwa ngakuwe, ngenxa yokuba uvumela lamfazi uIzebehele, ozibiza umprofetikazi, ukuba abafundise kwaye...* abacinezele abakhonzi bam kwaye benze umbulo, kwaye badle izinto ezibingelelwe kwizithixo. (Yabona?)

¹⁸⁰ Ngoku, ukuba ukhe uqaphele, bukela ezi zigaba zamabandla, ngoko siyakuvala. Ngoko kusasa sizakuchola ezi zingezinye izinto. Bukela. Kwi... Phantsi kwe—kweziphathi-makhandlela zegolide zomnquba wobuYuda, ngaphakathi, okwezonka zomboniso kwaneento ezinjalo, kwakukho ezisixhenxe iziphathi-makhandlela zegolide. Nonke niyakwazi oko. Yabona? Kukho ezisixhenxe izigaba zamabandla. Oko kuthetha ngezigaba zamabandla ezisixhenxe, ukukhanya. Ngoku ukuba uyaqaphela kwiZityihlelo 1, sifumana uYesu emi kwizigaba zamabandla ezisixhenxe, ezisixhenxe iziphathi-makhandlela zegolide, xa waguqakayo waze wabona Onje ngoNyana womntu, emi, ambethe ngendlela ekwakungayo. YayinguMtshakazi emi kwiziphathi-makhandlela, ezotyawe waphuma.

¹⁸¹ Ngoku, iTestamente eNdala, babeya kuthatha i... eli linye ikhandlela, baze balilumeke, bathathe elinye ikhandlela baze balilumeke kokuphuma kweliya, balilumeke kokuphuma

kweliya, elinye kokuphuma kwelinye, ngolo hlobo, bade bazenze zonke iziphathi-makhandela ezisixhenxe.

¹⁸² Ukuba uyakuqaphela, ekuqalekeni, xa uThixo waqalayo ukusebenza ngamaYuda, baze badlula kwisigaba esibugolide. Kwaye ngoko esona simnyama isigaba sokusetyenzwa ngamaYuda, uThixo awayenaso namaYuda, kwakukulawulo luka Ahabhi. Kwaye ukuba uyakuqaphela, ufunda eziya zigaba zamabandla phaya, Uyabuyela kanye emva kuyo kwakhona. Wathi, ngoku, “Izinto ezimbalwa ezadlulayo,” waze wathi. . . Ngoku, kanye kwesiya siMnyama iSigaba, iminyaka elishumi elinesihlanu lamakhulu phaya, okanye kwixesha lika Ahabhi, kuqala, namaYuda. Esona sigaba simnyama babenaso, xa u-Ahabhi watshata u-Izebhele waze wazisa unqulo zithixo phakathi kwaSirayeli, waze wenza bonke abantu banqula emva ko-Ahabhi. . . emva kothixo ka-Izebhele. Uyakhumbula, bathatha, bamisa oo-Ashera, kwaye bathathela phantsi izibingelelo zikaThixo. Kwaye u-Elisha wakhala, waye “ekuphela kwakhe,” waye uThixo enamakhulu asixhenxe abangazange baqubude dolo labo kooBhahali nangoko. Uyakukhumbula oko? Oko sesiya sithunzi seliya linyuliweyo iBandla liphumayo. Yabona phaya? Yabona injani?

¹⁸³ Ngoku, kwelibandla, ukuba uyakuliqaphela elokuqala ibandla, elokuqala ibandla, ibandla lase-Efese, yaye ilibandla elikhulu. Wathi, “Unokukhanya, nangoko.” Kwaye ukuba uyaqaphela, ibandla ngalinye, laqalisa ukucimeza, ukucimeza, kwade kwafika eTiyatira. Ngoko, iminyaka elishumi elinesihlanu lamakhulu. Ngoko kwaphumela kwelinye icala, “Kwaye unako nje okuncinci ukukhanya. Yomeleza oko unako, hleze isiphathi-khandlela sakho sisuswe.” Kwaye uze ukuqhubeka ezantsi ngoko kwisigaba sebandla laseFiladelfi, kwaye ngoko ukungena kwisigaba sebandla laseLawodike.

¹⁸⁴ Ngoku, nabu ubuhle. Owu, bethu! Ndiyakuthanda nje oku, Mzalwana uSmith. Yabona, jonga koku. Ngoku, *kwesi* isigaba sebandla, njengoko siye sadlula. . . Ngoku bukela oku. Esokuqala isigaba sebandla yabe iyi-Efese, isigaba sebandla lase-Efese. Ngoku, ngasinye kwezo zigaba zamabandla, yade yafika kwelishumi linesihlanu lamakhulu eminyaka, ukuba uyakuqaphela. . . Yifunde ngoku xa usiya ekhaya ngobu busuku, ukuba unalo ixesha, okanye ekuseni, phambi kokuba uze enkozweni, kwesoku-1, nese-2, kwanese-3 isahluko seSityhilelo. Uyakufumanisa, ngasinye sezo zigaba zamabandla, Wathi, “Unokomelela okuncinci, kwaye awulikhanyelanga iGama laM,” kwade Wafika kwelishumi linesihlanu leminyaka leTiyatira, Isigaba sobuMnyama. Ngoko Waphumela kwelinye icala, waze wathi:

. . . unalo *igama* oliphilayo, kodwa *ufile*.

¹⁸⁵ Kwaye ezi, nasinye sezi zingezinye izigaba zamabandla, eso okanye isigaba sebandla laseFiladelfi, azizange zilichole elaGama kwakhona. Zange zilifumane elaGama, ngoba laphuma ngeli xesha. Ngoku, owu, indlela esingakubeka ngayo okuya kwezi mfundiso zibuxoki ngoku, kanye phakathi phaya, sikubonise lingumama, ibandla lobuKatolika, ngumama wako konke, indlela elingu “mama, imfihlelo, iBhabheli” ngayo. Kwaye oko, jonga, esi sigaba sebandla apha xa liphumayo, lalinako okuncinci ukukhanya, ngoko lemnga ukuya licimeza, cimeza, laze ngoko lafika langena kumbutho emva apha, elishumi linesihlanu lamakhulu eminyaka. Kwaye laphuma ngoku, hayi njengeBandla leNkosi uYesu Kristu, kodwa njengebandla lobuKatolika. Waphuma eyintoni uLuther? Njengebandla lobuLuthera. Aphuma eyintoni amaBhaptizi? Njengebandla lamaBhaptizi. Hayi iGama laKhe, hayi iGama laKhe; elinye igama, “unalo igama.” “Ngokuba alikho elinye igama elinikiweyo phantsi kweZulu ongathi usindiswe ngalo, kuphela iGama likaYesu Kristu.” “Unegama oliphilayo, kodwa ufile,” oko kungeliya hlelo.

¹⁸⁶ “Owu, ndingumRhabe,” kwaye ufile! “Owu, ndingumBhaptizi,” kwaye ufile! Uphila kuphela xa ungena uphile kuKristu uYesu. Kunjalo. Ukubhaptiza kwenu kobuxoki, amanzi, ubhaptizo lobuxoki; ukutshiza, ukugalela, endaweni yokuntywilisela; nisebenzisa “Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele,” endaweni yeGama leNkosi uYesu Kristu. Zonke ezo zinto zibubuxoki ukuza kanye ukhula, iBhayibhile ithetha, ngohlobo lokuyigalela nje ngamandla kangangoko inako. Kwaye apha sinyamezelana kanye ngokuhambisana nazo, “Kuhle, ibandla lam liYikholwa *ngolu* uhlobo.” Kodwa iBhayibhile ithetha *Oku*. Yabona? Akukho zinto zinjalo. Akukho nto injalo.

¹⁸⁷ Kwaye akukho ndawo kwiBhayibhile abakhe bathi bakhupha ulwimi lwabo baze bathatha umthendeleko ongcwele, aze umbingeleli asela iwayini aze akubize ukuba nguMoya oyiNgcwele. Zange eBhayibhileni bakhe bathi babamba izandla baze banika isandla sokunene sobudlelwane, baze bakubiza ukuba nguMoya oyiNgcwele. Akuzange nabani na aphakame athi, “Ngoku ndilikholwa,” aze amnkele uMoya oyiNgcwele. Ukuba kwenzeka, nantsi indlela iZenzo ze-2 ezingafundeka ngayo, “Kwaye xa uMhla wePentekoste wafikayo ngokuzeleyo, ukhula ngendlela kweza umbingeleli womRoma, wabe enecollar yakhe ijikiwe yajikela. Uyahamba anyuke, wathi, ‘Nonke nina khuphani amalwimi enu ngoku nize nithathe umthendeleko ongcwele, umthendeleko wokuqala.’” Bekungayi kuba yindlela ethile yokufunda iZenzo ze-2?

¹⁸⁸ Kuhle, nina maProtestanti nikwababi kwanjalo. Buya umva phaya nize nithi, “Ngoku siza kuhamba size kuni maMethodist; sibabeke kwisandla sokunene, okanye, sibanike isandla sokunene sobudlelwane, kwaneenyanga ezintandathu

zovavanyo.” Kuphi apho ukufunda khona oko kwiZenzi ze-2? Yabona? Ukufumana phi okuya? Yabona?

¹⁸⁹ Yathi, “Xa bonke babe ndaweni inye, bengqondo nye!” Akuzange kunyuke bhishophu waze wenza *oku*, kwaye akuzange kunyuke mbingeleli waze wenza *oku*. “Kodwa kweza isandi siphuma eZulwini ngathi sesomoya ovuthuza ngamandla, saze Sayizalisa yonke indlu apho babehleli khona.” Nantso indlela abaWamnkela ngayo, ewe, mhlekazi, njengomoya ovuthuza ngamandla uvela eBuqaqawulini. Hayi emantla endlela okanye uvela kwelithile ihlelo.

. . . unalo *igama* oliphilayo, kodwa *ufile*.

¹⁹⁰ Yabona, imigaqo yenu namahlelo enu amthintele uThixo kude ngolo hlobo, kude, “Sikholwa *oku*, kwaye sikholwa imihla yemimangaliso idlule.” Ngumprofeti wobuxoki othetha oko. Ngumprofeti wobuxoki okuxelela, ukuba, “Ungabamba izandla uze wamnkele uMoya oyiNgcwele.” Ngumprofeti wobuxoki okuxelela, “Uwamnkela uMoya oyiNgcwele xa ukholwa.” Ngumprofeti wobuxoki okuxelela, “Ufanele ugalelwe kwaye utshizwe endaweni yokubhaptizwa.” Ngumprofeti wobuxoki okuxelela uku “bhaptizwa egameni loYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele,” xa kungekho Sibhalo sayo eBhayibhileni. Kunjalo. Akukho neSibhalo eBhayibhileni esikuxelela ukuba ubhaptizwe, apho ubani wakhe wabhaptizwa, kuphela kuseGameni likaYesu Kristu. Kuphela, abafundi bakaYohane; kwaye kwafuneka baze, baphindwe ukubhaptizwa, eGameni leNkosi uYesu Kristu, ukuze bafumane uMoya oyiNgcwele. Kunjalo. Ngoku, asiyiyo imfundiso yabakaYesu Yedwa. Ndiyayazi imfundiso yabakaYesu Yedwa. Asiyiyo leyo. Oko nje yiMfundiso yeBhayibhile. Kunjalo.

¹⁹¹ Kodwa nako ke. Nenza ntoni ngayo? Nanko umama wenu. Nanko umama walomigaqo.

¹⁹² Ngoku, ujonga kanye emva eBhayibhileni uze undixelele kuphi apho nabani na wakhe watshizwa. MaMethodist, maRhabe, maKatolika, ndixeleleni kuphi apho umntu omnye wakhe watshizwa, eBhayibhileni. Ndixelele kuphi ubani wakhe wagalelwa, eBhayibhileni, ukwenzela ukuxolelwa kwesono. Yithethe. Ungayifumana? Ukuba uyayifumana, yiza kum, kwaye ndiyakuhamba ndihle esi sitrato nophawu emqolweni wam, kwaye ndithi, “Umprofeti wobuxoki! Bendiphosisile.” Okanye, fumana indawo ibenye kwiBhayibhile iyonke apho nabani na wakhe wabhaptizwa egameni loYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, lendlela amashumi asibhozo ekhulwini enu abhaptizwe ngayo. Ndifumanele iSibhalo sibe sinye apho nabani na wakhe wabhaptizwa ngoluya uhlobo, kwaye ndiya kubeka uphawu emqolweni wam, “umprofeti wobuxoki,” kwaye ndihambe ndihle indlela nalo *ngolu* hlobo. Kwaye ndibonise apho nabani na wakhe wabhaptizwa, kwiBandla elitsha, owathi

akwafuneka ukuba aze kwaye abhaptizwe kwakhona, kwi... hayi kwigama lika "Yesu" yedwa, kodwa eGameni leyethu iNkosi uYesu Kristu. Kunjalo. Jonga ukuba oko akuchanekanga na.

¹⁹³ Kwaye, nantsi, yintoni? Waye engumama wamahenyukazi. Yintoni eyathi yamenza ihenyukazi? Yintoni emenze ihenyukazi? Imfundiso yakhe! Yintoni eyabenza ihenyukazi? Imfundiso yakhe!

¹⁹⁴ Kwaye seso isizathu singanyamezelani nawabo amahlelo kwaneyabo imfundiso. Sihlala ngokucocekileyo naleBhayibhile. Andiyazi ukuba niYiphila kakuhle kanjani, kodwa niyaYifundiswa, nakanjani. Kunjalo. Kuxhomekeke kuwe. Andinakukwenza uYiphile. Ndingakuxelela kuphela yintoni eyiNyaniso. Kungoko singelilo ihlelo. Andinakufuna sizingcolise singene kwizinto ezinjengezo, kufuneke sigobe phantsi kuhlobo oluthile lwemfundiso. Ndingathatha indlela nabeNkosi abajongelwe phantsi abambalwa. Ndingahlala ngokucocekileyo nokunyulu phambi kweLizwi noThixo, ndize ndime phaya ndize ndithi, "Akukho gazi lamntu phezu kwesambatho sam." Kungoko sihlala eMnqubeni kaBranham. Kungoko singeyiyo i-Assemblies. Kungoko singengabo aboBunye. Kungoko singengabo abakaYesu Yedwa. Kungoko singengawo amaMethodist. Kungoko singengawo amaBhaptizi. Nje o—omncinci umnquba apha. Asinalo ihlelo konke konke. Sikhululekile, kuKristu. Kungoko sihlala ngolu hlobo senza ngalo. Kwaye uThixo usisikelele, uThixo esinceda.

¹⁹⁵ Ngoku, singakuxelela kutheni sithatha umthendeleko, sikuxelele kutheni sithatha ukuhlamba iinyawo, kutheni singayi kuvumela amalungu akuthathe ukuba siyayazi asesonweni. Kungoko, kule idlulileyo zimbini okanye zintathu iiveki, bendihamba ukusuka kwelinye ilungu ukuya kwelinye, apho beninezenu iingxwabangxwaba ezincinci, futhi. Nijikeleza, omnye engenakuthetha nomnye, nize nidlulane endleleni nize nijike intloko yenu. Ihlazo kuni, abathe bathatha indebe esikelelekileyo kaThixo ukunqumla apha, esiguqweni apha, nize nibizwe abazalwana noodade, nize ngoko ningene emnxebeni nize nigejeze omnye ngomnye. Anikulungelanga ukubizwa amaKristu xa niyilondlela. Kanye. Zigcineni kude naloominxeba; ukuba aninakuthetha okulungileyo ngomntu othile, sanukuthetha konke konke. Khumbula, uThixo uzakubamba unoxanduva. Okoko nje oluya hlobo lomoya likuwe, uyayazi awulunganga noThixo. Ukuba awuziva...

¹⁹⁶ Ukuba indoda isesiphosweni, yiya kuyo nize nixolelaniswe. Ukuba aninakuxolelaniswa, thatha umntu othile kunye nawe. Akumangalisi uThixo engenako ukuliqeqesha ibandla laKhe, ngoba aniyenzi kakuhle. Endaweni yokungena emnxebeni nize nithethe malunga nalona, yintoni eyenzekileyo, namaqembu amancinci nezinto ezinjalo, ukujikeleza ngolo hlobo. Endaweni

yokwenza oko, kutheni ungenzi lento iBhayibhile iyithethayo? Ukuba umzalwana othile usesiphosweni, yiya kuye uze ubone ukuba awunakuxolelaniswa naye. “Kuhle, ngoku, wenze mna!” Andikhathali yintoni ayenzileyo, yiya kuye nakanjani! Ayitshongo ukwenzela yena aze kuwe. Wena yiya kuye ukuba uphosakele. Wena uthi, “Kuhle, nguye obe sesiphosweni. Nguye omele ukuza kum.” Oko asiyiyo into iBhayibhile eyithethileyo. IBhayibhile yathi ukwenzela wena ukuya kuye. Ukuba usesiphosweni, wena yiya kuye.

¹⁹⁷ Kwaye ngoko ukuba akayi kukumamela, ngoko thatha umntu othile kunye nawe, njengengqina.

¹⁹⁸ Kuze ngoko ukuba akayi kulibona elo ngqina, ngoko yithi, “Ngoku ndiza kuthatha umalusi wakho.” Ngoko umxelele, uthi, “Ndizakuyixela ebandleni, kuze kwiintsuku ezingamashumi amathathu ukusuka ngoku, ukuba nina bazalwana anikayilungisi lanto...Lo mzalwana apha ukulungele ukuxolelaniswa. Wena awuyikuyenza. Kwaye ukuba aniyi kukulungisa oko ngaphakathi kweentsuku ezimashumi mathathu, ngoko yintoni ezakwenzeka? Wena awusenguye omnye wethu.”

¹⁹⁹ IBhayibhile yathi, “Ukuba akayi kuliva ibandla, ngoko makabe kuni njengomhedeni nombuthi werhafu.” Uyabona, okoko nje umzalwana ephantsi kola khuseleko lwebandla, iGazi likaYesu liyamkhusela. Naso isizathu singalifumani ibandla liqengqeleka ukuqhubeka ngale ndlela lenza ngayo. Ngoku, kanye, *Le yiMfundiso yelamaBha-...yebandla lamaBhaptizi*, okanye uMnquba kaBranham apha, ukuba niyakuyenza. Yabona, kutheni kunga...

²⁰⁰ Ufika apha, uthi, ukwenzela umzekelo, amadoda amabini, yithi uLeo nam. Niyakundithatha...Kwaye ndithi, “Kuhle, u—undimoshile.” Oko akwenzi nawuphi umahluko. Ndifanele ukuya kuye. Kuhle, ulilungu leli bandla. U—uye waba ngumKristu. Uthatha umthendeleko apha esiporweni kunye nam. Kwaye siye sabhaptizwa eGameni leNkosi uYesu. Sahamba ngobulungisa, njengabazalwana, phambi komnye nomnye, ngoko into ethile iyenzeka.

²⁰¹ Asinguye umntu. Amashumi alithoba ekhulwini exesha ngongendawo engene phakathi kwabantu. Asingabo abantu. Ngongendawo. Kwaye okoko nje nimvumela ongendawo esenza okuya, uyamonakalisa umzalwana wakho. Kunjalo.

²⁰² Kuhle, into ethile iphosakele ngoLeo nam; masiye kuyilungisa. Kwaye ukuba uyabona kukho into ethile, ngumsebenzi wakho ukuza kuthi, uze uthi, “Nobabini nina bafana yizani apha nize nihlangane kunye. Sizakuyolula lento ime.” Ngoku, ngoko, ukuba uza phaya, kuze phaya kufikwe kufunyaniswe, ngoko, naku silapha. Ndithi, “Kuhle, into

yokuqala, ukuba asi—asinakuvumelana, ngoko yizani ebandleni ngolo hlobo.”

²⁰³ Kwaye ngoko o—okoko nje ungenzi nto malunga nayo, nangoko, iGazi likaYesu Kristu liyasikhusela sobabini. Yabona? Kodwa ngoko lowa—lowa mhlaza mdala uyakuqala omnye umhlaza, uze lowo mhlaza uqale omnye umhlaza, ize iyonke lonto igule, yonke indawo, lilonke ibandla. Ngoko ufike kwindawo uza ungene ebandleni, libe nje libanda, kuyakufuneka ufumane umgcini sango aze kophula imikhenkce iphume, phambi kokuba ibandla libe lingangena. Ngoku, niyazi oko kuchanekile. Kwaye kubanda! Umntu othile ahlahe jikelezileyo, uyazi, aze nje angathethi nto. “Kuhle, asidla ngokuba kumoya kangako.” Kuhle, kwenzeke ntoni? Niye nabaleka kakuhle, yaba yintoni undonakele? Yabona, isono senu siyanahlula. Kwaye uThixo uyakunibamba ninoxanduva ngayo, bazalwana. Ngoku ndizakuyolula lento ime.

²⁰⁴ Akukho nto iphosakeleyo ngam, akukho nto iphosakeleyo ngoLeo; ngongendawo ungene phakathi kwethu. Kunjalo. Yifumaneni lonto yoluliwe yaphuma. Yiya kuye. Ngoko ukuba akayi kumamela, okanye andiyi kumamela, nokuba yeyiphi indlela eyiyo, ngoko yixele ebandleni. Ukuba akezi kuxolelaniswa kwelabandla kwintsuku ezingamashumi amathathu, ngoko ungaphandle ukusuka ngaphantsi kokhuseleko lukaYesu. Silahlekelwa nguye. Injalo ngqo. Ngoko bukela yintoni eyenzekayo. Vumela uThixo enze ukuqeqesha ngoko. Uzisusile izandla zakho. Wenze okukokona ubunokwenza. Ngoko vumela uThixo amfumane kancinci; Uyakumguqulela ngaphaya kongendawo. Uyakuza ngoko. Ukuba akezi, ubomi bakhe bungumgama omfutshane nje.

²⁰⁵ Uyakhumbula eBhayibhileni, apho kwakukho umzalwana owayengayi kulungisa kuThixo? Bangaphi abalikhumbulayo elo tyala? Waphila nomfazi kayise ongengomama wakhe, kwaye babe bengenako ukumenza oluleke. UPawulos wathi, “Mnikeleni ngaphaya kongendawo, ukwenzela ukutshatyalaliswa.” Uyafumanisa, kwabaseKorinte beSibini, waba ngowolulekileyo.

²⁰⁶ Ndinomzalwana, umhlobo olungileyo, ndithande apha ukubiza igama lakhe, umzalwana ongumshumayeli. Kwaye lomzalwana ungumshumayeli, igama lakhe nguMzalwana uRasmussen. Abaninzi benu balungiseleli bahleli apha, ngobu busuku, igama lakhe likumaphepha enu. Leliya lamahlelo-onke liphuma eChicago. Kwaye jonga. Wayenenkwenkwe, umlungiseleli, kwaye yahamba yaze yatshata intombi engumKatolika, yaze yaqalisa ukumnka ngolo hlobo. Kwaye babezakwenza *oku*, *okuya*, kwaye *nokunye*, kwaye—kwaye nantoni yonke; yangena engxakini ethile. Waze utata wakhe waya kuye, wathi, “Ngoku jonga, nyana, uzakuya uxolelaniswe na?”

Yathi, “Tata . . .”

Wabiza ibandla labo igquba labaqengqeleki-abangcwele, utata wakhe. Wathi, “Ngoku, jonga, uzakuya uyolule lanto ime neli bandla na?”

²⁰⁷ Wathi, “Ngoku, tata, ungutata wam, kwaye andifuni kungena nakweyiphi ingxaki nawe.” Konke kulungile.

²⁰⁸ Wahamba waze wafumana omnye wabadikoni waze waya ezantsi endlini yakhe. Wathi—wathi, “Wesley, ndifuna ukuthetha nawe.” Wathi, “Uzakuya uyolule lento ime nebandla?” Yaze yamnika emfutshane impendulo-mbini ngolo hlobo. Wathi, “Khumbula, Wesley, ndingumalusi welabandla. Ndingutata wakho, kodwa ndizakwenza into uThixo athe yenze. Ndikunika iintsuku ezingamashumi amathathu wenze okuya kulunge neliya bandla, okanye sizakusika ukusuka eBukhweni bukaThixo. Ungunyana ongowam; lowa nguMsindisi wam.” Wathi, “Ndiyakuthanda. Kwaye uyayazi ndiyakuthanda, Wesley. Ndiyakukufela kanye ngoku. Kodwa kufuneka uze uthi tye neLizwi likaThixo. Yabona?” Wathi, “Ndingumalusi. Ndingumalusi wala mhlambi. Ukuba ungumntwana wam, okanye nokuba ungubani na, kufanele ube semgceni neLizwi likaThixo. Ukuba awuyenzi, ngoko andikulungelanga ukuba ngumalusi waKhe.”

²⁰⁹ Kwedini, ngumalusi lowo. Leyo yindoda. Awucingi njalo? Leyo yindoda. Waxelela inkwenkwe yakhe oko. “Kwaye imvisa ubuhlungu,” wathi. Kodwa wathi, “Yintoni? Ngubani oza kumvisa ubuhlungu, indoda, okanye uvise ubuhlungu uMsindisi wakho? Ke,” wathi, “ngoko sihambile.” Kwaye wathi, “Akayi kuyenza. Kwaye si . . . ndilixelele ibandla.”

²¹⁰ Wathi, “Ongowam unyana, uWesley, uyalandula ukundiva, kulomba. Uyalandula ukuva umdikoni. Kwaye ulingqina loku, Mzalwana u*Sbani-bani*?”

“Ewe, ndililo.”

“Konke kulungile. Ngentsimbi yesibhozo, kuleCawe ilandelayo, iiveki ezine ukusukela ngoku, ukuba akakakwenzi okuya kulunge nelibandla, sinikela uWesley, unyana wam, ngapha kongendawo, ukwenzela ukutshatyalaliswa kwenyama. IGazi laKhe, iGazi le . . . likaYesu Kristu, kwaneli bandla, alisamkhuseli.”

²¹¹ Kwaye obuya busuku bafika. Wema epulpitini, wathi, “Unemizuzu emibini engaphezulu.” Ixesha lafika. Wathi, “Ngoku, njengonyana wam, uWesley Rasmussen . . . wathi kwelibandla, kuWe, Thixo uSomandla: Senze konke ebesinokwenza, ngokwaMazwi aKho nemiyalelo owaKho—owaKho uNyana, owethu uMsindisi, asishiyeleyo. Thina ngoku, ndinikela inkwenkwe yam, kwaneli bandla nam, ngapha kwints . . . kongendawo, ukwenzela ukutshatyalaliswa kwenyama, ukuze umphefumlo wakhe usindiswe.” Koko konke

okwathethwayo. Akukho nto yaqhubekayo, okweveki okanye ezimbini, mhlawumbi inyanga okanye ezimbini.

212 Ngobunye ubusuku, uWesley omdala wathatha ukugula. Kwaye xa wagulayo, waya egula ngakumbi. Wabiza ugqirha. Ugqirha wenyuka waze wamxilonga. Waye enomkhuhlane wekhulu elinesihlanu. Wayengenakufumana sizathu sayo. Wamana nje egula ngakumbi. Ugqirha wathi, “Kwedini, andiyazi kwenzeke ntoni kuwe.” Waye engayazi into amakayenze. Wathi, “Sizakubiza ingcaphephe.” Babiza ingcaphephe, kwaye ingcaphephe yangena phaya. Bamthathela ngaphaya esibhedlele, bamxilonga, yonke into engenye. Waze wathi, “Andinako nje ukukuxelela. Inkwenkwe nje—nje ikhangeleka inokufa.” Umfazi wakhe emi phaya, elila, yonke into ngolo hlobo. Kwaye nabantwana bemi bejikeleze ibhedi nendawu yonke ngolo hlobo. Wathi, “Uyahamba. Nako konke.” Wathi, “Ukubetha komthambo wakhe nokuphefumla, kuyehla nje lonke ixesha.”

213 Wathi, “Bizani utata.” Owu, ewe. Nantso indlela yokuyenza. Yiyo leyo. “Bizani utata.” Waze utata wakhe wabaleka ukuphuma phaya ukuya esibhedlele, ngokukhawuleza ngenene, ukuya kumbona. Wathi, “Tata, andinako ngoku, kodwa uThixo uyaweve amazwi am. Ndizakuyenza yonke into ilunge. Ndizakuyenza ilunge. Ewe, ndizakuyenza.” Ewe, mhlekazi, mzalwana. Kanye ngoko ukuphefumla kwakhe kwaqalisa ukubuyela kwisiqhelo.

214 Kwaye kwiCawa elandelayo, wayephakamile phambi kwebandla. Wathi, “Ndonile phambi koThixo, kubukho bebandla lakhe. Ndalile ukuweve amazwi omelusi. Ndalile ukumva umdikoni apha.” Waze wathi, “Ndicela elibandla lindixolele ngobubi endithe ndabenza ngolo hlobo.” Wathi, “UThixo ubugcinile ubomi bam.” Ndiyakuxelela, wabasemgweni kanye. Ehe. Nantso into omawuyenze, yabona. Yabona? Wena, ukuba nje uyakuyenza ngekaThixo indlela! Yabona?

215 Ngoku, yabona, indlela esenza ngayo, siba nomhlangano webhodi, size sithi, “Kuhle, ngoku, simele simgcine...” Anditsho umnquba, kodwa ndithetha thina bantu bangamaProtestanti. Siba nomhlangano webhodi, size, “Yintoni eniyicingayo malunga noJones? Yintoni enicinga simele ukuyenza ngaye? Ndinga angawenzela amaMethodist ilungu elingcono kunokuba esenzela thina.” Nako ke. Oko, oko kuphosakele. Naso isizathu sokuba kungafuneki silandele izithethe zabo; kwanobhishophu othile, kufanele simbize, ilungu okuthile... Yintoni enimbiza yona, indoda yesithili kwelibandla labakwaMoya? Umveleli wesithili, simbize angene ukuza kubona ukuziphatha kwalendoda.

216 IBhayibhile iyasixelela yintoni emasiyenze. Naso isizathu sokuba singadlaleli kwawabo amahlelo.

Sihlala singabakhululekileyo ukusuka kulanto. Amen. Anindiqumbelanga, ingaba? Ningakwenzi. Konke kulungile. Ndiyakuthi ndibe nokufumana ethile elunge kakubi imibuzo kubusuku bangomso. Kodwa, kuhle, oko kulungile. Yabona? Khumbula. Ngoku. . .

²¹⁷ Nditsho oku ngoku. Nina bantu balapha nisuka kwawohlukileyo amabandla obuhlelo, ihlelo lakho, kwaye, mzalwana, anditsho ukuba awusinguye umKristu. Anditsho kwelakho ihlelo akukho amawaka amaKristu athandekayo ngaphakathi phaya. Ndizama ukutsho isizathu sokuba singelilo ihlelo. Ngoba, andinako nje ukumelana nokuya. Hayi, mhlekazi. Andingekhe qinisekileyo. Bazama ukukuxelela into omawuyenze. Ukuba uThixo wandibizela ukushumayela iVangeli, ngoko ndiYishumayela ngendlela uThixo andixelelayo ukuyenza. Oko kuthe ngqo nje, ngalendlela ibhaliweyo ngayo apha kuleBhayibhile. Ukuba ayikho semgceni naLe, ngoko ikuko oko. . . uThixo uyakundigweba ngayo. Kodwa ukuba ndi—ukuba ndi—ukuba ndiyayibona ingcuka isiza, okanye utshaba lusiza, ndize ndisilele ukubalunkisa, ngoko uThixo ufuna mna. Kodwa ukuba ndiyanilunkisa, ngoko ixhomekeke kuni ngoko. Yabona?

²¹⁸ Khumbula, “Phaya kwimihla yokugqibela, ukuba amaxesha anomngcipheko ayakuza, amadoda ayakuba ngabazithandayo, abazigwagwisayo, abakratshi, abanyelisi.” Yabona, abanyelisi, “Oh, bona beligquba leziyatha. Imihla yemimangaliso idlule. Akukho nto injalo.” Ungomdala umprofeti wobuxoki. “Ngoku, siyazi ukuba abethu abafazi banako ukuhlakanipha njengawo awethu amadoda.” Andikuphikisi oko nakancinci, kodwa iBhayibhile kaThixo yathi mgcine ngaphandle kwepulpiti. Oko—oko kundilungele ngokwaneleyo mna, yabona. Kunjalo. Konke kulungile. Yabona?

Baze bathi, “Kuhle, ngoku, amahlelo ethu, sinabo nje abathandekayo abantu njengokuba unabo phaya emnqubeni.” Andithethi oko nakancinane, kodwa iBhayibhile iyawagweba amahlelo. Kunjalo. Kwaye, ke, anditsho ukuba anina malungu alungileyo ebandleni lenu. Oko kuyamangalisa. Bangabantu abalungileyo. Abanye babona balungileyo abantu, ndihlangana nabo kuwo onke, amaKatolika kwanakuwo onke ukunqumla. Onke wona, ndihlangana namalungu alungileyo.

²¹⁹ Ngoku, indlela esiza kukuzisa ngayo oku ngoku, zihlobo, ukuba iNkosi ithandile, kwezi zilandelayo zimbawo izifundo, mhlawumbi. . . Ndiyakunazisa ngomso kusasa ukuba kuyakufuneka siqhube ngomso emvakwemini okanye hayi, yabona, ukuyikhupha. Isizathu sokuba sizama ukuyenza, ndifuna ukuyifikisa ezantsi kwindawo ngoku. Ngoku, ukuba ufuna ukuzisa umntu othile nawe, wamnkelekile ngokugqibeleleyo ukukwenza. Kodwa khumbula ngoku, musa—musa ukuhamba uze nje uzama ukufumana undonakele. Wena

yiza apha. . . ndithetha nje kwelam—kwelam ibandla, uyabona. Andikufundisi oku ngaphandle kwebandla lam apha, ngoba oko ngowenye indoda umcimbi. Okuya, ungumalusi walamhlambi. Kwaye—kwaye ndingo nje. . . [Indawo engenanto ekhasethini—Mhl.]

²²⁰ Kanye emva kwiGenesis, uyakuyitsala kanye inqumle, uze ubone apho ikhoyo. Ngoku siya emva kwiGenesis, ukufumanisa kutheni ukuba umntwana ongumgqakhwe wayengena kungena ebandleni leNkosi izizukulwana ezilishumi elinesine. Ithatha njani. . . Oko kuya kuba ngamakhulu amane eminyaka ukuze esiya sono siphume ngaphandle. Indlela esizakuthi sifumanise indlela ebuthi u—ubugwenxa babazali buyavelelwa kubantwana nakubantwana, oko kwaqala njani kwiGenesis, kwanokunjalo.

²²¹ Kwaye wena. . . ngoko uyakubona ukuba njani, hamba konke ukubuya umva, ukuba uThixo, phambi kokusekwa kwehlabathi, phambi kokuba enye i-atom yakhe yagqabhuka, emva phaya phambi kokuba kwakhe kwabakho inkwenkwezi yokukhanya eyakhe yathi yabakho, uThixo wayesazi sonke isidalwa nayo yonke into eyakuthi ibekho emhlabeni. Ukhona ubani apha. . . Awunakuba nako ukucacisa yintoni igama, uze ulichithachithe, kwaye utsho ukuba yintoni igama “engenasiphelo” eliyithethayo. Nje ngokufana nokujijela icamera yakho ku—ku infinity. Nje, kukuthi nje ukusukela apho ukuqhubeka, nako konke. Yabona? Engenasiphelo! Kwaye asinako, kwingqondo enesiphelo, ukukhe sibenokuyiqiqqa yintoni iNgqondo engenasiphelo enokukukhawula. Yabona, asinako ukukwenza oko. Wena, awunako ukuyenza. Yabona? Kodwa ukuba uyakuthi nje ubukele, ubambe ngaphakathi kuMoya, ungakuya kude ecaleni phaya. Kwaye—kwaye ubuyele emva apha eSibhalweni kwaye uyakubona ngoku, yabona, kude phambi kweziseko zehlabathi zakhe zabekwa.

²²² Ngoku, iBhayibhile yatsho ukuba uYesu Kristu waye eyiMvana kaThixo. Ngoku mamela ngokusondele ngenene, ke, ukuba abanye benu abazukuba bephakathi ngomso, ukuyiva igqiba. IBhayibhile yatsho ukuba uYesu Kristu waye eyiMvana kaThixo, eyaxhelwa ukusukela ekusekweni kwehlabathi. Ingaba oko kuchanekile? Waxhelwa nini? Ukusukela ekusekweni. Elo lihlabathi, ukuba lenziwe ngokuphuma kwigquba le-atoms ezophuliweyo, zitsalwe ukuphuma kwilanga ekudeni, phambi kokuba libe kokuya. Ngoko, phambi kokuba kubekho i-atom eyakhe yophulwa okokuqala elangeni, ukuba oku kwakuyi meteor ephume elangeni, eyakuthi ibe likhulu iwakalezigidi iwaka-lamawaka-ezigidi amawaka-amawaka-ezigidi eminyaka emva phambi kokuba kubekho ngqu enye i-meteor yokukhanya, uKristu waxhelwa. Xa ingqondo enkulu kaThixo izinza kwinto enye, iyimveliso egqityiweyo. Xa uThixo wathi, “Makubekho,” sele igqityiwe. Ukuba ithathe ikhulu lewakalezigidi leminyaka laphela, sele igqityiwe nje ngokukhawuleza

kokuba Wayithetha. “Kwaye xa iMvana yaxhelwayo ukusukela ekusekweni kwehlabathi,” le Bhayibhile inye, uMoya omnye wabhala waze wathi, “Amagama ethu abekwa kwiNcwadi yeMvana yoBomi phambi kokusekwa komhlaba.”

²²³ Ke indoda eyabhala iculo, “Kukho Igama Elitsha Elibhalwe Phantsi Ebuqhaqhawulini,” wawuneentsingiselo ezilungileyo, kodwa yayingekho ngokwesibhalo. Yabona? Ela gama labhalwa phantsi Ebuqhaqhawulini xa ihlabathi... xa phambi kokuba ihlabathi lakhe laqala. Xa iMvana yaxhelwayo, amagama ethu abekwa kwiNcwadi yeMvana yoBomi.

²²⁴ Ndivumele—ndivumele nje ndikufumanele iSibhalo esinye esincinci. Ungabambelela nje umzuzo omnye? Ifika nje engqondweni yam ngoku. Ndinga ndingatyhila kanye kuyo. Andiqinisekanga. Kwaye ngoku ndiyaxolisa ukunigcina kangaka, kodwa bendinixelele iyakuba yinzulu-yobusuku; ayimbanga kangako. Kodwa ndi—ndithanda nje uku—ukufumana oku, nje iSibhalo esinye sokuya.

Tyhilani nam ngoku kwiNcwadi yabaseRoma, kwaye ndifuna nikufunde oku kunye nam. Ngoku, masibone, kwabaseRoma, ukuba ndingayifumana, nje malunga kanye nalapha. Ngoku masifumane kwabaseRoma isi-8, kwaye—kwaye masiqaleni kowama-28 umqolo wesesi-8 isahluko kwabaseRoma. Kwaye ndifuna nje uyifunde ngokugcwele-umthandazo kunye nam ngoku. Mamela apha nje yintoni uThixo awayithethayo ngoku.

Kwaye siyazi ukuba zonke izinto zisebenziselana okulungileyo kwabo bamthandayo uThixo, abo ba... babiziweyo ngokwenjongo yakhe.

Ngokuba abo wabaziyo ngenxa engaphambili,...

²²⁵ Oko kukunika... Ningafunda nam? “Ngoba wa...”

Ngokuba abo wabaziyo ngenxa engaphambili, wabamisela ngenxa engaphambili (kulungile) ukuba bafane nomfanekiselo woNyana wakhe, ukuze abe ngowamazibulo phakathi kwabazalwana abaninzi.

Nangaphezulu abo wabamiselayo ngenxa engaphambili, bona wabuya wababiza: kwaye abo wababizayo, bona wabuya wabagwebela: kwaye abo wabagwebelayo, bona wabuya wabazukisa.

²²⁶ Ukusukela ekusekweni kwehlabathi! Xa uThixo wajonga ezantsi... Ngoku, uThixo akayiqhubi eyaKhe i-ofisi, athi, “Kuhle, ngoku, ndizaku... Owu, yintoni esizakuyenza ngoku?” Yabona? Akukho nto...

²²⁷ Khumbula, ubugwenxa, isono, bubulungisa bugqwethiwe. Ongendawo akanakudala. Ingaba wonke ubani, wonke, uyakuqonda oko? Oko yiMfundiso yeli bandla. Ongendawo akanakudala. Angakugqwetha oko uThixo akudalileyo.

Ngoku, yintoni ukugqwetheka? Naku, nina nonke nijongeka njengabantu abadala, ubuninzi. Mamela koku. Singabantu abatshatileyo. Kwaye nina madoda atshatileyo nani bafazi batshatileyo ningaphila kunye njengomyeni nomfazi, kwaye abo bafazi bayinto enye nje ngokungathi zange. . . Baziintombi ezisebuntombini, okoko nje uthe wahlala nomyeni wakho. Oko kunjalo. Ngoku, oko kuvumelekile kwaye kusemthethweni, kwaye kusalungile. Kumiselwe nguThixo ukwenza njalo. Omnye umfazi angenza isenzo esinye somfazi wakho; omnye wabo, ulilungisa ekujongeni kukaThixo; kuze eso senzo sinye kongomnye umfazi, ugwetyiwe phambi koThixo, ukuya ekufeni. Yintoni? Ubulungisa bugqwethiwe, yabona, ubulungisa bugqwethiwe. Ngoku, ongendawo akanako ukudala, kodwa ugqwetha into uThixo asele eyidalile.

²²⁸ Yintoni ubuxoki? Yinyaniso igqwethiwe. Umntu othile wathi, “Owu, jonga, bekungobusuku bangoMgqibelo, ngentsimbi yethoba, ewe, uBill Branham waye eseJeffersonville,” kuchanekile. “Ezantsi kwindawo yotwala ka-Antz, enxilile,” ubuxoki. Ibiyintoni? BendiseJeffersonville. Oko kuyinyaniso. Ibi bubulungisa bugqwethelwe ebuxokini. Yabona oko ndikuthethayo? Yabona, ubuxoki bugqwetha ukulunga. Yinto ethile exelileyo apho bendikho. Ngoku, ukuba ibithe, “Ebandleni, eshumayela,” kuchanekile. Oko bubulungisa. Uxele inyaniso. “Kwindawo yotywala, esela,” ubuxoki. Igqwethekile; yabona, inyaniso igqwethekile. Yabona oko ndikuthethayo? Bonke ubugwenxa bubulungisa bugqwethiwe.

²²⁹ Ukufa, kuyintoni? Ubomi, bugqwethiwe. Ukugula? Impilo, igqwethiwe. Umele ukuba ube yelungileyo, eyomeleleyo indoda. Konke kulungile. Ukuba unokugula, yintoni? Impilo yakho igqwethiwe. Yabona? Nako konke okukhoyo kuyo. Yintoni? Benidla ngokuba ngabatsha, abafazi abahle; nawomeleleyo, amadoda amahle. Ngoku niyashwabana, nisiba badala. Yintoni? Ubomi, bugqwethiwe, yabona, bubuya kanye umva bujikela kwakhona. Yabona? Kwaye bufanele bubuye. Malibongwe iGama leNkosi! UThixo uthembise ukububuyisela. Kwaye nje ngokuqinisekileyo njengoku—njengokuba kunjalo (siyazi bulapha), ke njengoku qinisekileyo njengokuba kunjalo, uThixo uzakubuyisa kwakhona. Wathembisa kwaye ufungile Uyakuyenza. Nantso into ekunikayo.

²³⁰ Ngoku, njani, luhlobo olunjani lwabantu esimele ukuba ngabo? Ngoku qaphela ezi zinto zingakho njani. Ngoku, abo Wabaziyo ngenxa engaphambili, Wababiza; abo Wababizayo, Wabagwebela abo. Nini? Phambi kokusekwa kwehlabathi, phambi kokuba ihlabathi lakhe laqala. Ngoku, ukuba besingathatha esi Sibhalo kwaye sisenzele ubulungisa ngenene, singathatha iiyure kuyo, kodwa asi—asifuni kuyenza lonto. Kodwa bonke obu bugwenxa apha, bubulungisa bugqwethelwe kubugwenxa. Nantso into ongendawo ayenzayo.

Ngoku, xa ufika kubudala bokuziphendulela, kwaye uyazi yintoni ephosakeleyo nechanekileyo, ufanele uguquke usuke kukuphosakala kwakho. Ngenxa yokuba, uzalelwe esonweni, wabunjwa kukungalungisi, weza ehlabathini uthetha ubuxoki. Ngoko u—uzalwe kahle kahle njengomnqweno wokwabelana ngesondo, kwaye ngoko umelwe uzalwe ngokutsha, ukuze wamnkele uZalo olutsha, ukuze ungene eZulwini. Ngenxa yokuba, olu hlobo lokuzalwa unalo apha . . .

²³¹ Yabona apho Amangqina kaYehova ayakuba kude kangako ukuphosakala phaya, ukucinga ukuba uZalo olutsha luvuko lomzimba? Uyabona, ayinakuba lulo. Yabona? Ifanele ukuba ibe yinto ethile . . .

²³² Wena, ukwisithuba sexesha. Kwaye ukuphela kwento enguNaphakade yinto ethile engakhange ibe nasiqalo okanye nasiphelo. Nantoni na enguNaphakade ayizange yaba naso isiqalo, okanye ayisokuze ibe naso isiphelo. Yabona? Ke ukuba uyinxalenye kaThixo, uMoya okuwe awuzange ube nesiqalo okanye awusokuze ube naso isiphelo, kwaye unguNaphakade noMoya ongaphakathi kuwe. Yabona? Nje ngo—ngo—ngothando i-*Agapao*, ngoko luze ezantsi kuthando i-*phileo*, kwaye ngoko ezantsi kolwenkanuko uthando. Luyaqhubeka nje ukuya ezantsi nasezantsi, ukugqwetha ukuqhubeka ukwehla lude lube nje kwingqokelela yembutyulelo enye. Kuhle, ukuphela kwendlela, uYesu weza ezantsi ngala leli inye, ezantsi apha ukuchola kwaye athathe abuyisele kwakhona kwesona siphakamileyo isimo, ukusuka kwesona sisezantsi isimo; ukusuka ekufeni ukuya eBomini, ukusuka kwisigulo ukuya kwimpilo, ukusuka kubugwenxa ukuya kubulungisa. Yabona? Waba kokusuka kokona kuPhakamileyo ukuya kokona kusezantsi, ukuze Abe nokuzisa okona kusezantsi kokona kuPhakamileyo. Waba ndim ukuze mna ndibe, ngobabalo lwaKhe, nokuba nguYe, indlalifa yeTrone eBuqawuqawulini. Yabona into endiyithethayo? Ezo zinto.

Ngoku jonga. Kude emva phambi kokuba eli hlabathi laqalayo kwezo atoms emva kude, xa uThixo wabonayo yintoni eyayiza kwenzeka, kanye phaya Wakubona, Wandibona, Wayibona intakumba nganye, impukane nganye, isele ngalinye, imbuzane nganye. Yonke into eyakuze ibekho emhlabeni, Wayibona kanye ngoko. Qinisekileyo, Wenza.

²³³ Ngoku, Akazange athi, “Ndiyakuthumela uNyana waM ezantsi kwaye ndivumele Afe, kwaye mhlawumbi umntu othile uyakuba nosizi kuYe. Kwaye iyakuba sesinjalo ukuzala usizi isiganeko, kunokuthi mhlawumbi umntu othile angasindiswa.”

²³⁴ Wayazi kwangenxa engaphambili ngubani oyakuthi asindiswe! Ewe, mhlekazi. Wathi, “UESawu ndimthiyile, kwaye uYakobi ndiyamthanda,” phambi kokuba nawuphi wakhe waba nethuba lokuqondakalisa yintoni ababeyiyo, ngenxa yokuba

Wayeyazi yintoni ababeyiyo. Wayeyazi. Uyayazi yonke into. Wayazi yintoni oyakuyenza, phambi kokuba wazalwa, okanye xa ihlabathi laqalayo.

²³⁵ Ngoku jonga. Njengoko usazi, ndi—ndi—ndingumsebenzisi wompu i-rifle. Ndi—ndiyazithanda ii-rifle. Kwaye othile umfazi eTexas, ndiyakholwa yiTexas, undiphathele uhlobo iSwift, i-mbini-mashumi mabini iSwift. Ndandisoloko ndiyifuna enye. Ndifuna ukuyiphanda. Ingowona unamandla umpu omncinci wokudubula. Iyimbumbulu engamashumi mabini anesibini, amashumi amane-anesibhozo-okhozo imbumbulu. Kwaye ungayifaka ngesandla leyo. Ngoku, umzi-mveliso uthi, “Musa ukuyenza; kuyingozi kakhulu.” Kodwa ungayifaka ngesandla lambumbulu ukuya kumawaka amahlanu enyawo ngomzuzwana, kwaye nangoko uyibambe endaweni yayo. Amawaka amahlanu enyawo ngomzuzwana, leyo yimayile ngomzuzwana. Ngamanye amazwi, ukhetsha ohleli, iiyadi ezingamakhulu amabini. Uyamdubula ukhetsha, bona iintsiba zibhabha phambi kokuba umpu ukhe ukukhabe. Yabona? Okuya, kodwa uyayithatha, icala elisicaba lekhuni lokuvungula, kwaye ugene kungubo wakho, uze ugalele *okungaka* okongezelekileyo phakathi phaya, nje okwaneleyo ukuze ube ubunokuyibamba ngekhuni lokuvungula; uze udubule ihodi ihleli ekupheleni kwesi sakhiwo apha, iyahlala nje ikujonge. Yintoni inkathazo? Imbumbulu iyaphasalaka, ihamba ngokukhawuleza kangako. Kwaye—kwaye ungabeka ishiti phakathi kwalapha naphaya, kwaye asokuze ubone nkqu nenge encinci intsalela iwela kwishiti. Ibuyela nje emva; hayi ku—kuthuthu, uthuthu lwentaba-mlilo, kodwa iyagqithela phambili kunoko. Ibuyela emva kwezoqobo ii-acid ezenza i-copper nelothe eziphaya. Ibuyela emva njengoko yayinjalo kwikhulu lamawaka ezigidi eminyaka eyadlulayo. Ngoku, nantsi imbumbulu encinci, amashumi amane-anesibhozo eenkoko embumbulu ndiwabambile esandleni sam, kuze ngomzuzwana olandelayo iguqukele emva kwinto eyabe iyiyo kwikhulu lezigidi leminyaka eyadlulayo. Kwaye ukuba ihlabathi bekunokwenzeka lime elinye ikhulu lezigidi leminyaka, ibiyakubuya ibe yimbumbulu kwakhona, ibinokubuyiselwa kanye emva, ngoba ibiya kuzibumba kanye ibe yicopper.

²³⁶ Ngoku jonga yintoni uThixo awayenzayo, kwaye ngoko uyakuMthanda. Ngoko uyakuya ekhaya, kuze kusasa ulale kudlule ixesha kancinci. Kwaye—kwaye u—uyakuMthanda ngaphezu kunokuba wakhe. Ngoku, uThixo nguMnikazi wenkampani yokwakha. Bangaphi abakwaziyo oko? UnguMakhi. Konke kulungile. Mamela ngokusondeleyo ngenene. Ngoku, uThixo emva kude, okanye, bathi... Ngoku sizakuthatha imbono yabembali-yamaxesha yayo. UThixo, ikhulu lamawaka ezigidi eminyaka eyadlulayo, xa

Wayezakwenza ihlabathi, kuhle, Waqalisa nje. Ngoku, Waye ene. . . Waba nembono engqondweni yaKhe.

²³⁷ Ngoku uzakuthi, “Ukuba Mkhulu kangako, Mzalwana uBranham, wakhe Wamvumela njani ongendawo ukuba enze isono?” Kuhle, Wayesazi, phambi kokuba ongendawo wakhe wadalwa, ukuba uyakuba ngongendawo. Uzuko! Ngoku ndiziva ndingowenkolo. Owu, bethu! Wayesazi, phambi kokuba ongendawo wadalwa, ukuba uyakuba ngongendawo. Ngoku uyabuza, “Kuyintoni malunga noko?” Uthi, “Kwakutheni Amvumele abe ngongendawo?” Ukuze Abe nokuqondakaliswa ukuba unguThixo. Kungoko Wakwenzayo. “Kwakutheni kwakhe kwabakho ubugwenxa? Kutheni?”

²³⁸ Yeyiphi eyabakho kuqala, uMsindisi okanye umoni? Yeyiphi eyabakho kuqala? UMsindisi. Yeyiphi eyabakho kuqala, uMphilisi okanye umntu ogulayo? Kwakutheni kwavunyelwayo ukuba ngumoni? Ngenxa yokuba izibonakaliso zaKhe nguMsindisi. Ukuba kwakungazange kubekho umoni, Wayengasokuze aziwe njengoMsindisi. Halleluya! Unako ukuzenza zonke izinto zijikelezele kuzuko lwaKhe. “Angatsho na umbumbi kwi. . . Okanye, ingatsho na imbiza kumbumbi, ‘Udenze kanje?’” Ngubani osevilini? Ngubani onodongwe? Lusesandleni sikabani? UPawulos wathi, “Owu, mntu usisiyatha, Akatshongo na ukuba uFaro Wamvusela ukwenzela kwalenjongo?” Ngokuqinisekileyo. Wayeyazi. Phambi kokuba kwabakho ihlabathi, Wayazi yintoni ezakuba yintoni. Waze Wavumela kubekho isono, ukuze Abe nokuba nguMsindisi. Wavumela kubekho isigulo, ukuze Abe nokuba nguMphilisi. Wavumela kubekho intiyo, ukuze Abe nokuba Luthando. Qinisekileyo, Wenza. UnguThixo, kwaye ezo zizibonakaliso zaKhe. Kwaye kufuneka abe nento ethile yokuveza izibonakaliso zaKhe.

²³⁹ Ubuyakuze uyazi njani ukuba kukho ubusuku, ubuyakuze uyazi njani ukuba bukhona? Ukuba konke ibiku kukhanya-kwemini, ubuyakuze uyazi njani ukuba kukho ubusuku? Kukho ubusuku, ukuze buqondakalise ukukhanya-kwemini. Qinisekileyo, kukho. Amen. Uyabona yintoni Awayenzayo?

²⁴⁰ Kodwa xa Wayesemva kude, phambi kokusekwa kwehlabathi, phambi kokuba Athathe eli langa lidala waze Walihambisa ukujikeleza le indala inkwenkwezi esiphila kuyo ngoku, lomhlaba, waze Wayibumba ngapha ngaselangeni, waze wayibeka ukujikeleza ilanga. Uthi, *nali* ilanga. Wayibumba *kweli* cala, waze wayiyeka ukuba ijinge phaya iminyaka elikhulu lamawaka ezigidi. Wayesenza ntoni? Ii-gas ezithile. Wahamba wajikela *kweli* cala, Wenza enye into ethile engenye. Wayesenza ntoni phaya? I-potash ethile. Wahamba ukujikela *kweli* cala, kwaye yintoni Awayeyenza apha? Esenza i-calcium ethile. Wayesenza ntoni? Wayesenza mna nawe. Wayesenza ntoni? Njengomnikazi wenkampani yokwakha esondlala

zonke ezakhe iimbini-ngesine nezakhe iimbini-ngesibhozo amaplanga okwakha, amazinki wakhe, amacala wakhe, wayesazi nje zingaphi izakhiwo azakuzakha. Kwaye senziwe ngokuphuma kumalungu alishumi elinesithandathu omhlaba, kwaye Wayesenza thina sonke, kwaye esondlala phandle phaya phambi kokuba ihlabathi lakhe leza ekubeni. Kwaye Wa... Linokuba lalimbhoxo ngela xesha; andiyazi laliyintoni. Waye Eyzenzela ntoni igolide, nekopolo, nobhedu, namanzi, nazo zonke ezo zinto? UnguMnikazi wenkampani yokwakha. Uyi ngaba... UMakhi, Wayesondlala yonke into phandle phaya, enayo yonke into isikiwe yamiliswa. Xa Wayifumana yonke yenziwe, yabe nje ikokukhulu ukugqabhuka kwentaba mlilo. Waziyeka ezo zindala iintaba mlilo zifukame phezulu phaya iminyaka elikhulu lezigidi, ukwenza i-calcium ethile. Yintoni? Yinxalenye yakho.

²⁴¹ Kwaye ngoko, phambi kokuba kwabakho ichaphaza elinye lobomi kulomhlaba, imizimba yethu yayilele apha. Halleluya! Phambi kokuba ichaphaza elinye lokufuma lakhe leza emhlabeni, sasilele apha. Xa uAdam wahamba ukuhla-neyuka umyezo wase-Eden, ndandilele apha. Amen. Ewe, mhlekazi. Owu, uzuko! Xa iiKherubhi, amakhwezi okusa acula kunye, baze oonyana bakaThixo bakhwaza luvuyo, ndandilele apha ndilinde nje umphefumlo wobomi ukuba uze. Ndandilapha. Wandenza apha, enawo umzimba wam ulele apha. Ewe, mhlekazi. Ukuba wawungekho, wavela phi? Aha? Wafika njani apha? UThixo waye nawo apha. UThixo wawenza. Senziwe ngamalungu omhlaba alishumi elinesithandathu: i-petroleum, i-potash, kwanokukhanya kwe-cosmic, kwanokunye. Yabona, sasilele apha.

²⁴² Ngoko yintoni eyenzekayo? Ngoko uThixo wathi kuMoya oyiNgcwele, sizakuyithatha nje kwisimo sophawu, “Ngoku Wena hamba uphume, uze Uye ekwenzeni uthando nehlabathi. Ngenxa yokuba, Ndiluthando, kwaye Wena uyimveliso yaM, ke ngoku Wena hamba uye kukwenza uthando kwihlabathi.” Waze uMoya oyiNgcwele omkhulu, siyacinga, weza phandle phaya; nje kwisimo somfanekiso ngoku. Yayingekho ngalo ndlela. Ngoba, uMoya oyiNgcwele noThixo yinjongo enye, enye injongo enye, Umntu. Ndixolele. Kwaye nje sithi wajula amaphiko waKhe ukujikeleza umhlaba, Waqalisa ukufukama. Yintoni okuya kufukama? Njengesikhukukazi kwiinkukhu zaso, singqumshela, sisenza uthando, “Klak, klak, klak.” Owu!

²⁴³ “Ow bomi, yiza uvele!” Wakhala. Wajonga ngokujikelezileyo. “Ndifuna ubuhle kulo mhlaba. Yiza uvele, kukhanya!” UMoya oyiNgcwele ushukuma. Kwaye xa Wenzayo, ndiyajonga; kusiza, kukhona umlanjana ezantsi kwenduli kude, kude kweza ethile i-calcium igaleleka ezantsi, yaze yaxubana ne-potash. Yintoni esongeka ukuba yiyo? “Bomi, yiza uvele!” Yaze encinci intyantyambo yePasika yabetha intloko yayo yaphakama phantsi kwelitye. “Yiza apha, Bawo, jonga kokuya.”

244 “Okuya kukhangeleka kulungile. Qhubekeka nje ufukama.” Wafukama kwaphuma iintyantyambo. Wavelisa kwaphuma zonke izityalo. Wavelisa kwaphuma ubomi bezilwanyana. Iintaka zabhabha ukuphuma kuthuli. Emva kwethuba, kwaphakama kweza indoda nomfazi; kwaphakama kweza indoda, kwaye indoda yayikokubini indoda nomfazi. Hayi i-italasi, ngoku. Nje, kwakungaphakathi kuye nje, kwakukho umoya wobufazi.

245 Xa uthatha indoda enobusisi kangako, isenokuba ilungile, ilingana macala ukuma ngokulungileyo, kodwa kukho into ethile ephosakeleyo. Kwaye xa uthatha umfazi, ufuna ukunqunqa iinwele zakhe kwaye anxibe isibini sebhulukhwe-zokusebenza, aze aphume phandle phaya, kwaye, “Makabongwe uThixo, ndiyakukuxelela!” Kukho into ethile ephosakeleyo. Umfazi unomoya wobufazi, kwaye indoda inobudoda. Siyayazi lonto. Kwaye nani niyayazi lonto. Ingaba umfazi ukhangeleka kakuhle, ezama ukuba, ukuziphatha njengendoda?

246 Kutheni, ndahlala ngelinye ixesha, ndandingunogada wezilwanyana apha, ndaze ndahlala ebhasini ndaze ndenyuka phaya kwaye ndibetha lamfazi emlenzeni, ngesandla sam, ndithetha naye, ndaye ndingayazi ukuba ngumfazi. Wayenxibe enye yezi-caps zabatshisi beentsimbi, kwane sibini esikhulu seglasi zamehlo zokusebenza *ngola* hlobo, kwaye ndandihleli kanye emva phaya, kwaye wayexela into ethile engenye malunga nento ethile eyenziwayo. Wathi, “Uyazi,” waze wathi, “kwaye phezolo,” ekhangeleka-rhabaxa njengoko wayenokuba nako, etshaya umdiza. Wathi, “Phezolo, ndiyakuxelela, lamfo uye watyibilika, phezulu phezulu kwalanto. Wathi, ‘Bethu!’ Weza etshitshiliza ukuhla ukunqumla phaya.” Wathi, “Andizange ndahleka kangakaya ebomini bam.”

247 Kwaye ndandihleka, uyazi, *ngola* hlobo. [Umzalwana uBranham wenza isandi sokuqhwaba—Mhl.] Ndathi, “Kwedini, leyo ibiyenye, ibingeyiyo?” Ndihleli phaya ndithetha ngola hlobo. Kwaye ukuba wayengakhange ayothule lonto aze ahlukuhle intloko yakhe, kwaye wayenemfumba phezulu phaya, ukuba waye engumfazi. Andizange ndizive ndimncinci kangako ebomini bam. Nda—ndathi, “Ungumfazi?”

Wathi, “Kutheni, qinisekileyo!”

248 Ndathi, “Ndixolele.” Andizange ndikubone okunjeya. Ngoku, okuya, kuyinyaniso.

249 Ndibone uphawu ngenye imini, yathanda ukundivuyisa. Yayinophawu olukhulu phezulu, yathi, “Amanenekazi alungele ukunxiba iimpahla.” Ndacinga, “Makadunyiswe uThixo ngokuya.” Yabona? Kodwa, ndeza kufumanisa, yayiluhlobo nje lweempahla ababesele bezenzile, uyazi. Nda—ndandicinga babeza kunxiba iimpahla ngenene. Ndenza ngenene. Yathi, “Amanenekazi alungele ukunxiba iimpahla.”

Ndathi, “Makadunyiswe uThixo ukwenzela bona. Okuya kulungile. Okuya, qinisekileyo ndiyayibulela iNkosi ngako okuya.” Kodwa, yabona, yayiluhlobo oluthile nje lweempahla ababesele bezenzile, into ethile. Kwakufanele ibe yinto ethile enokuhlekeka, ayingebe, kweli lizwe? Kulungile.

²⁵⁰ Ngoko xa u-Adam weza waphakama. Kwaye ngoko u-Adam wakhangelaka elilolo, ke Waye wathabatha ubambo ukusuka kwicala lakhe waze wenza u-Eva, imveliso ephume kwimveliso ukwenzela yena. Wenza...Waye wathabatha wakhupha umoya wobufazi ku-Adam, waze wawufaka kumfazi, umoya wothando, ubufazi, ububele, ukuthantamisa. Waze Washiya umoya wobudoda ku-Adam. Ngoku, ukuba kukho nantoni na eyohlukileyo, kukho ukugqwetheka ndaweni ithile. Ngoku, baze ngoko abo babini baba banye.

²⁵¹ Kwaye ke masithathe nje umdlalo weqonga omncinci ngoko phambi kokuba sivale. Naku kusiza . . . Apha, ngu-Adam uthatha u-Eva ngengalo baze bahambe baphume. Ndiyalithanda nje elibali. Kwaye bahambe baphume, uyazi. Kwaye u-Eva wathi, “Owu, sthandwa, uthetha ukuba uyenzile?”

“Ewe, ndayithiya igama leya.”

“Kodwa uyibiza ntoni leya?”

“Leya ibizwa ihashe. Ah-ha.”

“Yintoni leya?”

“Leya yinkomo. Ah-ha.”

“Uyithiye igama leya?”

“Ehe. Ah-ha.”

²⁵² “Uzibiza ntoni eziya phaya, eziya zimbini zihleli phaya neentloko zazo zikunye?”

“Eziya zintaka-zothando.”

²⁵³ “Owu, ndiyabona. Ndiyabona.” Baze baqhubeke ngolo hlobo. “Kwaye yintoni le ngapha?”

“Ndiyibiza leya, *okuya*, nale apha.”

²⁵⁴ Kwaye, “Owu, ndiyabona. Ah—ha. Okuya kuhle.” Kwaye ingonyama iyagquma. “Uyibiza ukuba yintoni leya?”

“Leya yingonyama.”

“Yintoni *lena*?”

“Yingwe.”

²⁵⁵ Kwaye, owu, ngolo . . . “Owu, ndiyabona.” Nje ngamantshontsho ekati, uyazi, kwaye enyawuza ukujikeleza.

²⁵⁶ Ke, emva kwethuba, uyajonga ukujikeleza. Wathi, “Sthandwa, jonga phaya, ilanga liyehla. Lixesha lokuya enkonzweni.”

Uyazi, kukho nje into ethile malunga naxa ilanga litshona, ufuna ukunqula. Ukuba awuyi enkonzweni ngobuya busuku, uthanda ukungena egumbini, ufunde iBhayibhile. Bangaphi abathanda ukwenza oko, uphume ecaleni ube wedwa? Yabona? Kusemntwini nje ukwenza oko. Ufanele ukwenze.

“Lixesha lokuya enkonzweni.”

²⁵⁷ Ngoku, abazange bathi, “Ngoku, linda umzuzu ngoku, ngoku, uJones ungowe Assemblies, kwaye thina singabe...” Hayi, yayingeyonto injalo ngoko, ke basuka nje benyuka. Babengenayo inkonzo, esilungileyo isihlalo sokuhlala kuso ngolo hlobo. Basuka nje baya phezulu phantsi kwenkulu kakhulu icathedral yehlathi, baze baguqa phantsi.

²⁵⁸ Kwaye esiya Sangqa-sokukhanya sasiyinga kude emahlahleni. Yabona? Ndingaliva iLizwi lithetha ezantsi lize lithi, “Ingaba abantwana baM bazonwabele phezu komhlaba, namhlanje, lowo uYehova uThixo wenu aninike wona?”

²⁵⁹ “Ehe, Nkosi, sizonwabele namhlanje.” “Asenzanga njalo, sthandwa?”

²⁶⁰ “Ewe. Ewe, othandekayo, senze njalo.” “Nkosi, qinisekileyo siyaKuxabisa. Ngoku ndiyazibeka phantsi ukuze ndilale.” Yabona? Aze abeke ingalo yakhe enkulu iphume, aze alale phantsi, engalweni yakhe, aze alalise ingwe phantsi nengonyama phantsi, kwanayo yonke into phantsi ukuze ilale; ngokuzele uxolo kangako.

²⁶¹ Ke uThixo uza ezantsi kwaye Azise ezantsi, owu, igquba leeNgelosi, uGabriyeli, indalo yaKhe yaseZulwini. Ke ngoko baze ezantsi kwaye bachwechwe ngokulula ngenene ukungena egumbini lokulala, yabona, bajonge jikelezileyo. UGabriyeli wathi, “Yiza apha, Bawo. Yiza apha. Jonga apha. Nanku elapha. Apha, naba belele abantwana baKho belele apha.”

²⁶² Bangaphi apha abakhe baya ecaleni kwebhedi, abanye benu bomama, wena notata kunye, nize nijonge kwinkwenkwe encinci, intombi encinci, nize nje nikhumbuzane, “Aka—akajongeki njengawe, *le* ndlela naleya indlela?” Nakhe nayenza lonto? Kutheni, amaxesha amaninzi ndiyaya ndithi kuMeda, ndithi malunga noJoseph. Athi yena, “Bill, unebunzi eliphezulu njengawe.”

²⁶³ “Ehe. Kodwa, Meda, unamehlo amakhulu njengawe.” Kutheni? Uyinxalenye yeyethu imve- . . . Uyimveliso yokwethu—yokwethu ukumanyana.

²⁶⁴ Ngoku, kwaye uBawo wathi, angathetha oku malunga noku. Wathi, “Uyazi. . .” Kwaye uGabriyeli wathi, “Uyazi, ujongeka njengaWe.” Nantso indlela uThixo ajongeka ngayo; jonga kwisiqu sakho. Nantso indlela uThixo ajongeka ngayo. Ujongeka njengawe. Wena uyimveliso yaKhe. Bangaphi abakwaziyo oko? Yabona?

²⁶⁵ Ngoku bukela. Yintoni esona simo sisezantsi sobomi esinaso? Isele. Yintoni esona simo siphakamileyo sobomi? Umntu. Ngokuqinisekileyo. Kwaye yintoni esona simo siphakamileyo? Yaqhubeka nje ukuza ukusuka kwesona sisezantsi, ukuqhubeka ukunyuka, ukusuka kwisele ukuya kule nokuya kuleya, nokuya kwintaka, kwade, okunjalo, kwizimo eziphakamileyo zobomi, kwade kwafika kwesona siphakamileyo isimo bekunokuza, ngoko yenziwa kumfanekiselo kaThixo. Nako ke. Kwaye umfazi wayengenziwanga kumfanekiselo kaThixo, kodwa kumfanekiselo wendoda. Yabona?

Ngoku, ngoku, nabo bephaya. Kwaye uThixo ajonge kubo, wathi, “Ewe, bajongeka—bajongeka bethandeka.”

²⁶⁶ Yayiyintoni leyo, mzalwana? Kwakungazange kufanele bafe. Oko yayisesokuqala nje isandla-esigcweleyo secalcium, ipotash yokuqala, kwaye yonke into yaqalisa ukuphuma ngola hlobo. Ayintlanga? Kodwa isono safika naso kwaye sawubeka isiphako umfanekiso. Ngoku, ingaba uThixo . . . Yintoni awayivumelela ukuba iyenze? Kutheni Wayivumelayo ukuba ibe njengokuba besithetha malunga nayo kwilixa elidlulileyo? Wayivumela ukuze abe nokuqondakalisa ukuba UnguMsindisi. Wayenza. Wayeka isigulo senzeka, ukuze Abe nokuqondakalisa ukuba UnguMphilisi. Wayeka ukufa kwenzeka, ukuqondakalisa ukuba Waye ebuBomi. Yabona? Wayeka zonke ezi zinto zimbi zenzeka, ukuqondakalisa ukuba Ulungile, into Awayeyiyo. Siya . . .

²⁶⁷ Uthetha malunga nokucula ibali lokukhululwa ngentlawulelo! Ngoba, mzalwana, xa uYesu esiza, eli—elibandla liya kuma kude kumangqameko lalo mhlaba lize licule amabali okukhululwa ngentlawulelo, xa iiNgelosi ziya kuqubuda intloko yazo, zingayazi yintoni esithetha ngayo. Kuhle, azizange zilahleke. Aziyazi into esihambe saphumela kuyo. Siyayazi kuthetha ntoni ukulahleka nokufunyanwa. Owu, singamemeza iindumiso zaKhe! Akanguye uMsindisi kuzo. Azizange zidinge naluphi usindiso. Waye engenguye uMphilisi kuzo. Hayi. Uzuko! [Umzalwana uBranham uqhweba izandla zakhe kunye kahlanu—Mhl.] Akabubo—Akabubo uBomi kuzo. Ngokuqinisekileyo hayi. Azizange zife kwisono nezigqitho. Thina sasinjalo, kwaye sidliswe ubomi. Nako ke. Yintoni esiyakuyithetha, nezithsaba zethu zothuliwe, “Owu, unguMfu. *Bani-bani*”? Hayi, hayi, hayi, hayi, hayi. Lonke uzuko kuYe! Yiyo leyo. Nako ke. Ngoko siyakuxela ibali soyise njani. Siya kuyiqonda ngcono kwelizayo.

²⁶⁸ Ngoko, ngoko kokuya phaya, ngoko kwenzeka ntoni? Ingaba uThixo wavela nje wathi, “Kuhle, Ndingavele nje ndiyitshabalalise ngokulula yonke eyaM ipotash necalcium. Yonakalisiwe yonke”? Hayi, hayi. Wayeyazi izakuba ngala ndlela.

Ngoku, ngoku, ukuba uMoya oyiNgcwele undenze ndayilento ndiyiyo, kwaye nditya ukutya ndize ndibuyisele emzimbeni wam, kwaye ndakheke ndibe yilento ndiyiyo ngoku. Ngoku, nangoko, ndandenziwe kwimo. Wonke umfanekiso uThixo awawubonayo, phambi kokusekwa kwehlabathi, uqolile, ubayinto ephathekayo. Yabona? Iyavela iphuma kumfazi, njengoko Watsho iyakwenza; kwixesha elilandelayo, ivela isuka kuThixo. Yeza ngela xesha, ngomfazi; iza ngeli ixesha, ngeNdoda. Yabona? Yeza ngelaxesha, ngomnqweno wesondo; iza ngeli ixesha ngeLizwi elithethiweyo likaThixo. Yabona?

²⁶⁹ Nako, ngoku, inganako ukundonakalisa nantoni na? Hayi, mhlekazi. Akukho nto ingasonakalisa. UPawulos wathi, “Nankqu kwizinto ezikhoyo, izinto ziyeza, isigulo, ukufa; akukho nto ingasahlukanisa kuthando lukaThixo elikuKristu.” Akukho nento engasahlukanisa.

²⁷⁰ Njengoko ndixele ibali elincinci. Sele nje ndimalunga nezintlanu iinwele ndibe nempandla, ngokupheleleyo. Kwaye bendikama ezo zimbalwa apha ngelinye ixesha elidlulileyo, umfazi wam wathi, “Billy, uphantse ube nempandla.”

Ndathi, “Kodwa andilahlekelwanga nalelinye lazo.”

Wathi, “Ziphi?”

²⁷¹ Ndathi, “Zaziphi phambi kokuba ndizifumane?” Yabona? “Nokuba kuphi apho zazikho phambi kokuba ndizifumane.”

Ngoku, kwakukho ngelinye ixesha, ikhulu leminyaka eyadlulayo, ezi nwele zazingekho apha konke konke, kodwa zaziphandle apha eluthulini. Ingaba kunjalo? Ngoko malunga neminyaka emashumi amahlanu eyadlulayo, zaqalisa ukuza entlokweni yam. Zafika zisuka phi? Ngokuphuma eluthulini. Kwaye ngoku zibuyela emva apho zazikho. Ingaba kunjalo? Zazingekho, ngoko zabakho, kwaye ngoku azikho. Yintoni? Yintoni eyazenza zaba yilento ziyiyo? UThixo! NaNko ke. Wenza umfanekiso ngepeyinti, wathi, “Nantso indlela Endimfuno ngayo.”

²⁷² “O Kufa, luphi ulwamvila lakho? Ngcwaba, luphi uloyiso lwakho?” Ungandingcwaba ngenye yezi mini ukusuka apha. Andiyazi. Kodwa, mzalwana, andiyi kuba ndifile. Ndiyakukuxelela oko. Hayi, mhlekazi. Owu!

Siyakuvuka! Halleluya! Siyakuvuka!

Ngalantsasa yovuko, xa iintsimbi zokufa
zaphuliwe,

Siyakuvuka! Halleluya! Siyakuvuka!

Akukho nto ingandigcina ukusuka ekuvukeni. Akukho madimoni aneleyo esihogweni sonke angandigcina ukusuka ekuvukeni. Akukho nantoni na eyaneleyo naphina yokundigcina ukusuka ekuvukeni. Ndinesithembiso sikaThixo. NdinoMoya oyiNgcwele. Ndimfumene uZoe, uBomi obuNgunaphakade

bukaThixo, buphumle ngaphakathi apha. Esi sidumbu sidala sisuka phaya, kwaye uThixo wandifukama ukuphuma kumhlaba. Kwaye ukuba Yena Lowo wandifukamayo ukuphuma kumhlaba. . .

²⁷³ Xa ndifika ebudaleni, ngoku, lonke ixesha ndisiva intsimbi yecawa, Into ethile ithi ithethe nam, encinci intwana yenkwenkwe. INgelosi yathetha ukusuka kwisihlahla, yathi, “Ungaze usele okanye utshaye. Ndinomsebenzi ekufuneka uwenze. Musa ukuwungcolisa umzimba wakho, okanye ubaleke ujikeleza nabafazi nezinto. Wena, Ndinento ethile ekufuneka uyenze xa usiba mdala.”

“Ungubani Wena? Ungubani Wena?”

²⁷⁴ “Uyakwazi ngokongezelelekileyo malunga noko emva kwexesha.” Emva kwethuba, naku Esiza. Ujinga ngaphaya elubhaptizweni. UyaZibonisa. UyaZixela. Uyaphendula. NdiyaMbona emi ngaphaya, yonke indawo, kwicala ngalinye lesandla.

²⁷⁵ Uzakuyenza njani, ukuba Undenze ndayilento ndiyiyo, ngaphandle kokuba nako nakuphi na ukuzikhethela konke konke. . . ? Andizange ndiye emva phaya ndize ndithi, “Ngoku, Charlie Branham, wena tshata u-Ella Harvey uze undivelise mna ukuphuma emhlabeni.” Hayi, mhlekazi. Andizange ndibe nako ukukhetha ngako oko. UThixo wakwenza oko.

Kwaye ukuba Wandenza into endiyiyo, ngaphandle kokukhetha; kuyakuba ngaphezulu kangakanani, xa laMoya uyiNgcwele usiya kufukama phezu kwam, ndize ndithi, “Ehe, Nkosi, UnguMdali wam. NdiyaKuthanda, kwaye ndiyaKwamkela njengoMsindisi wam!” Uzakundigcina njani eluthulini? Awunako nje ukuyenza, mzalwana. Awunako nje ukuyenza.

²⁷⁶ UThixo akazange abumbe nelinye iqhekeza lalecalcium, okanye ipotash, okanye nantoni na engenye, eyakhe yaba—yaba yilahleko. “Konke uBawo Andinike kona, phambi kokusekwa kwehlabathi, kuyakuza kuM.” Yhuu! Ndziva ngathi ndingakhwaza; ngokunyanisekileyo ndiyaziva. “Konke uBawo Andinike kona kuyakuza kuM, kwaye akukho namnye wabo uyakulahleka, kodwa ndiyakukuvusa kwakhona eluvukweni.” Ndamva ebiza, xa ndeza kuYe. Bangandigcina njani eluthulini lomhlaba? Akukho bangcwabi baneleyo ehlabathini bokundichwakaza ebusweni ngomhlakulo, bayakuze bandigcine eluthulini lomhlaba. Ndiyakuvuka ngamini ithile kwaye ndime kumfanekiselo waKhe, ndihlanjwe ngeGazi laKhe, ndizelwe ngoMoya waKhe! Halleluya! Yibanawo onke amahlelo ofuna ukuba nawo; ndiyakuthatha uYesu. Amen!

²⁷⁷ Indoda ye-insurance yeza kum. UWilmer Snyder, umhlobo wam olungileyo. Wathi, “Billy, ndifuna ukuthengisela i-insurance policy.”

278 Ndathi, “Sele ndinayo.” (Umfazi wam wabhekabheka, ngokungathi uthi, “Uxokela ntoni, nkwenkwe?”)

Wathi, “Unayo i-insurance?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Wathi, “Ikweyiphi inkampani? Yintoni?”

279 Ndathi, “Isiqinisekiso esisikelelekileyo, uYesu ngowam, owu, okunjani ukungcamla uzuko oluNgewe! Indlalifa yosindiso, othengwe nguThixo, ozelwe nguMoya waKhe, ohlanjwe eGazini laKhe.”

280 Wathi, “Oko kulungile, Billy, kodwa akusayi kukufaka emangcwabeni.”

281 Ndathi, “Kuyakundikhupha.” Halleluya! Andinaxhala ngokungena phaya; kukuphuma.

282 Ngoko, ndinayo i-insurance endixelesa, “Ndiyakukukhupha. Bonke uBawo aNdinike bona bangabaM.” Andikhathali wenza ntoni utata wam, wenza ntoni umama wam, into nantoni na eyaba yiyo. “Konke uBawo aNdinika kona kuyakuza kuM, kwaye akukho mntu ungeza ngaphandle kokuba uBawo waM amtsale.” Halleluya! Kutheni Awabatsalela ukuyenzela? “Ndabazi kwangenxa engaphambili. Xa ndaxhela iMvana, ndamxhela kunye naYe.” Amen. “Ndamisela kwangenxa engaphambili iBandla.” Yintoni enako ukumiselwa ngenxa engaphambili? IBandla. Ungena njani eBandleni? “NgaMoya mnye sibhaptizelwa Mzimbeni mnye.” Wayesazi, phambi kokusekwa kwehlabathi, ukuba siyakuba phaya. “Kwaye abo Wabaziyo ngenxa engaphambili, Ubabizile. Abo Ababizileyo, Ubagwebele. Abo Abagwebeleyo, Usele ebazukisile.”

283 ENcwadini kaThixo, Usele etshilo Uyakuhlangana nam kanye phaya. Akukho madimoni aneleyo ukuphuma esihogweni anganako ukubagcina naphi na indawo engenye kodwa ukubagcina ukuza kanye phaya, ngoba uThixo usele etsho njalo, kwaye oko kuyayiphelisa. Ukuba... Ikhulu lamawaka ezigidi eminyaka phambi kokuba ihlabathi lakhe labunjwa, amakhwezi okusa acula kunye kwaye noonyana bakaThixo bakhwaza ngenxa yovuyo, phambi kokuba kubekho isiseko sehlabathi. Yabona? Phambi kokuba kwabakho isise-... Zaze eziya ziNgelosi kwanento yonke yayonwabile, ikhwaza ngako, phambi kokuba kwabakho isiseko sehlabathi. Uyakuze andigcine njani ongendawo mna eluthulini lomhlaba? Akanako nje ukukwenza. Uchanekile.

284 Masibone, ngoku. Eli lixesha lokulawula-kwesininzi endinalo, ngapha. Le yimizuzu emashumi mabini phambi kweshumi elinanye. Oko kuphela ngamashumi amabini phambi kweshumi. Ingaba kunjalo, Mzalwana uWood? Kunjalo, amashumi amabini emizuzu phambi kweshumi. Wonke umntu wonwabile?

Owu, ndiziva ngathi ndingaqhubeka nohambo,
 Ndiziva ngathi ndingaqhubeka nohambo;
 Ikhaya lam laseZulwini liyakhanya kwaye
 lihle,
 Kwaye ndiziva ngathi ndingaqhubeka
 nohambo.

Owu, ndiziva ngathi ndingaqhubeka nohambo,
 Ndiziva ngathi ndingaqhubeka nohambo;
 Ikhaya lam laseZulwini liyakhanya kwaye
 lihle,
 Kwaye ndiziva ngathi ndingaqhubeka
 nohambo.

²⁸⁵ Niyawathanda lawa maculo madala ngola hlobo? Kwakudla ngokubakho elinye elidala esasidla ngokulicula malunga, into ethile malunga, “Ubabalo nenceba zandifumana. Phaya iKhwezi Lomso lakhanya.” Yintoni, Dade uGertie? Masibone. Njani . . . Yintoni, Mzalwana uNeville? Yabona, into ethile, “Ubabalo nenceba zandifumana. Phaya Eliqaqambileyo iKhwezi Lomso labonisa okwaKhe . . .? . . .ngokundijikelezileyo.” Ah-ha. Ehe. “Emnqamlezweni.” Sinike isandi kuleyo, dade, leya, *Kufutshane NoMnqamlezo*. Yiza phezulu apha, Mzalwana uNeville. Owu, ndiyawathanda lana. Bangaphi abawathandayo lawa madala aphefumlelweyo amaculo? Unganawo onke awakho okuxhumaxhuma iboogie-woogie ozifunayo. Ndinike oku, “Apha kulapho ubabalo nenceba zandifumanayo.” Nantso ke. Konke kulungile, ngokumnandi ngoku.

Yesu, ndigcine kufutshane nomnqamlezo,
 Phaya elinqabileyo ithende,
 Ngesisa kubo bonke, umsinga ophilisayo,
 Uphalala ukusuka kwintaba yaseKalvari.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
 Makube luzuko lwam naphakade;
 De umphefumlo wam oxhwiliweyo ufumane
 Ukuphumla ngaphaya komlambo.

²⁸⁶ [Umzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *Kufutshane NoMnqamlezo*—Mhl.] Owu, kuhle kanjani! Cinga ngayo! Bekuya kuthini ukuba bekungekho Msindisi? Bekuya kuthini ukuba besingenalo eli Hlabathi? Bekuya kuthini ukuba Ebengakubizanga? Bekuya kuthini ukuba Ebengakwazanga kwangaphambili, kwaye ube uphandle apha koku kuseleyo kwehlabathi ngobu busuku? UyaMthanda? Owu, bethu! Musa ukulibala iinkonzo kusasa, ngoku, ngecala emva kwethoba.

Emnqamlezweni, emnqamlezweni,
 Makube luzuko lwam naphakade;
 De umphefumlo wam oxhwiliweyo ufumane
 Ukuphumla ngaphaya . . .

²⁸⁷ Ngoku sinike isandi ku *Igumbi KwiThende*. Eli lilungileyo lidala iculo, “Kukho igumbi kwiThende.” Bangaphi abayaziyo? “Igumbi, igumbi, ewe, kukho igumbi, igumbi kwithende.” Xa uyenza ngoku, ngokuzolileyo ngenene fikelela nje ngaphaya, macala akho, uze ubambe izandla nalamzalwana. Uyazi, kukho igumbi ngoku ukwenzela onke amaMethodist. Kukho igumbi ukwenzela amaBhaptizi. Kukho igumbi ukwenzela abakwaMoya. Kukho igumbi ukwenzela thina sonke ngoku, kwiThende. Bangaphi abalaziyo iculo elidala? Owu, qinisekileyo niyalazi. Abanye benu bexesha-lakudala ngoku, eli lelungileyo, elakudala laseKentucky iculo ngoku.

Igumbi, igumbi, (bamba izandla), ewe, kukho
igumbi,
Kukho igumbi kwiThende ukwenzela wena;
Igumbi, igumbi, ewe, kukho igumbi,
Kukho igumbi kwiThende ukwenzela wena.

Owu, igumbi, igumbi, ewe, kukho igumbi,
Kukho igumbi kwiThende ukwenzela wena;
Igumbi, igumbi, ewe, kukho igumbi,
Kukho igumbi kwiThende ukwenzela wena.

²⁸⁸ Ngoku, ndinokuncinci okungalindelekanga ukwenzela nina. Zonke iintshumayelo zakamva, kwaneencwadi, kwanayo yonke into, zizakube zithengiswa kwesiya singesinye isiphelo senkonzo, kuleveki ilandelayo, kwimihlangano; amakhasethi kwanento yonke, kwanako konke, kwimo ethandekayo yobuncwadi. Kuyakubakho itafile emva phaya ngasemva, kwelinye lamagumbi. Kwaye uncwadi, iintshumayelo zakamva, kwanokunye kokuhle okubhaliweyo okwathi kwaphuma ekuqalekeni, kwiincwadi ezintsha, kuhlelo olutsha, ziyakulungiswa zonke, kwaye eku—ekupheleni kwesakhiwo, kobu bulandelayo bangoLwesithathu ubusuku.

Kwaye silindele e—elilungileyo ixesha eNkosini. Yiza, uthandaza, ngoku. Ngoku, biza abakho abagulayo nabaxhwalekileyo, babhalele incwadi. Bangenise ngaphakathi apha. Sizakuthi nje...uThixo uzakuthi nje ashukume ngokumandla. Kwaye siyazi ukuba Uyakuyenza ngoku.

²⁸⁹ Kwaye ngoku ndiye kuye wonke umntu endaziyo ngaye, obenoto ethile encinci. Ukuba kukho nantoni na engekho ndleleni ngoku, nize nikhumbule, ndanixelela kwixesha elide eladlulayo, sasizakuyifumana yoluliwe. Kwaye ndiyazi ukuba niyayazi kukho owohlukileyo umoya apha kunokuba bekukho. Yabona? Yabona? Yabona? Kunjalo. Ngoku, musani ukuwuyeka umke kaphinde. Ndiyanimangalela phambi koYesu Kristu, musani ukuwuyeka uhambe. Hlalani kanye apha nawo, yabona, gcinani nje yonke into yoluliwe kanye phantsi nize niqhubele kanye phambili. Ningabazalwana. Akukhe kube ngumzalwana okanye udade wakho owenza nantoni ephosakeleyo; ngulamoya

wongendawo ungena phakathi phaya. Yabona, uyahamba ukujikeleza. Kwaye nje zive umsizela umzalwana okanye udade, kwaye wazi nguSathana engena phakathi kwabo. Ukuba unokuthile ukuziva malunga nayo, kukhuphe oko kuphume kuwe kanye ngokukhawuleza, uyabona, ngoba iyakukugulisa. Ewe, iyakukwenza. Ke, hlala kude kuyo. Khumbula nje.

Kukho igumbi, igumbi, elaneleyo igumbi,

Kukho igumbi ukwenzela amaMethodist, igumbi ukwenzela amaBhaptizi, igumbi ukwenzela amaRhabe. Kukho igumbi ukwenzela bonke.

Igumbi, igumbi, ewe, kukho igumbi,
Kukho igumbi kwiThende ukwenzela wena.

²⁹⁰ Bangaphi abalikhumbulayo elethu elidala iculo lokuphuma, ngoko?

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Mntwana wentsizi nentlupheko;
Liyakukunika uvuyo nentuthuzelo,
Lithabathe nokuba uyaphi na.

Bendingwena beningahlala nathi, Mzalwana uJeffreys, wena noDade uJeffreys, kwakunye namakhwenkwe phaya, kwanabo bonke.

Kwaye ngoko eGameni likaYesu siqubuda,
Sisiwa sizondlale phantsi ezinyaweni zaKhe;
(Owu, bethu!)
IKumkani yeekumkani eZulwini
siyakuMthwesa isithsaba,
Xa uhambo lwethu lugqibekile.

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Lithathe njengeKhakha namhlanje;
Owu, xa izilingo zisondela,
Phefumla eliya Gama liNgcwele
emthandazweni.

Owu, ndiyakuthanda okuya. Awukuthandi? Eliya limangalisayo iGama likaYesu! Ngoku, masiphakameni kanye ngoku, ngexa sicula ngoku. Kulungile.

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Mntwana wentsizi nentlupheko;
Liya . . .
[UMzalwana uBranham uthetha noMzalwana
uNeville—Mhl.]

Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama Elithandekayo (Owu iGama
elithandekayo), Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

²⁹¹ Oku kohlukile kancinci ngoku. Masithobiseni nje iintloko zethu ngoku, kwaye, ngokuzolileyo ngenene, masiphakamiseni isandla esinye. Sithi:

EGameni likaYesu siqubuda,
 Sisiwa sizondlale phantsi ezinyaweni zaKhe,
 IKumkani yeekumkani eZulwini
 siyakuMthwesa isithsaba,
 Xa uhambo lwethu lugqibekile.

IGama elithandekayo, Owu limnandi!
 Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
 Ewe, Gama elithandekayo, Owu limnandi!
 Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

²⁹² Nentloko zethu ziqutyudiwe ngokuqhubekekayo, sithi...
 [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *Thatha IGama LikaYesu Uhambe Nalo—Mhl.*]



KUTHENI SINGELILO IHLELO? XHO58-0927
(Why Are We Not A Denomination?)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayelwa ngoMgqibelo ngorhatya, ngoSeptemba wama-27, ngowe-1958, eBranham Tabernacle eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2018 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org